

IMIBUZO NEEMPENDULO



...ezininzi ekumele ndizifumane, kodwa ndifumene...
Ndize nesihleli-magama sam. Ndisenokunikezela okuya kuLeo apha, okanye umntu ohleli kufutshane onokundinceda ukuba uyanqwenela, ukuba siyafikelela kuyo.

² Ngoku, ukuba eli nenekazi liphezulu phaya, ukuba kukho...ukuba liya...Uphi...Ngubani umyeni walo? Ehe. Ke, ukuba ufuna umfazi wakho eze kuhlala nawe, ba—banga, akukho nto ithethwayo phakathi kwabazalwana kuphela koko kunokuthethwa kudade, naye. Thina nje...niyazi. Ingaba oko—ingaba oko konke kulungile? Ngoku, wamkelekile ngakumbi ukuba ube naye. Ngaba—uyafudumala khona phaya Doc? Ke, konke kulungile, kodwa kubabalilolo kancinci kuye.

³ Kwaye akukho nto—akukho nto apha...ngamanye amaxesha isizathu ndikhankanye “indoda,” kuba ngamanye amaxesha indoda inokubuza umbuzo phakathi kwamadoda ongenakuphendulwa apho kukho abafazi khona. Kodwa akukho nto phakathi phaya kuphela oko kunokuphendulwa nje apha ekhaya kwicawa eqhelekileyo, ngokuba ubukhulu becala ibhekiselele kubalungiseleli, nanjalo njalo, nokuba yintoni umyalelo wabo—wabo noko bamelwe kukwenza.

⁴ Ngoku, ndiyakholwa ukuba oku kuya kwiteyiphu eshicilelayo. Ukuba...Andiqinisekanga. Mzalwana uGoad, iphi loo nto, ingaba oko kukwiteyiphu eshicilelayo ngoku? Konke kulungile. Isizathu sokuba senze oku kukufumanisa, bazalwana, ukuba yintoni umqathango, yintoni i—inxalenye, yi...yintoni esengqondweni yomntu, zintoni—zithini izinto zethu.

⁵ Thina—thina sonke kufuneka sithethe nto—nye sonke. Ngoku, umzekelo, umntu othile uyangena aze, athi, mhlawumbi baye ngaphaya kwinkonzo yomzalwana apha, (ngubani igama lakho, mzalwana? Willard. Mzalwana...Ngoku, kukho ooWillard ababini apha, kuza kufuneka ndikunike enye into. Ukuba ndi... Ngubani ifani yakho, ngoku? Crase) Ibandla likaMzalwana uCrase, kwaye uMzalwana uCrase angathetha into ethile. Baze ke besuka eSellersburg beze kuMzalwana uRuddell, ekaMzalwana uRuddell iyakwahluka kuloo nto. Baya ngaphaya kuMzalwana uJunie, bahluke, ngokupheleleyo. Wehla weza emnqubeni, ukanti isahlukile. Yabona? Iyababhidisa abantu.

⁶ Ngoku, njengokuba umntu esithi, “Owu, andikholelwa ukuba uya...ngenene kufuneka wamkele uMoya oyiNgcwele. Andiqondi ukuba kuyimfuneko.” Masithi, umzekelo, uMzalwana uCrase angayithetha loo nto. Kwaye emva koko uze ngapha kwe—kwekaMzalwana uRuddell, aze athi, “Ewe, ibalulekile.” Kwaye ke uye ezantsi kwekaJunie, kwaye uthi,

“Ke, ayenzi mahluko ungako.” Yabona? Ukuba sinokudibana ngokulinganayo... Ndinqwenela ukuba singaba nabo bonke abalungiseleli baseJeffersonville (kulo mphakathi) singadibana ukuze sithethe into enye.

⁷ Ke ngoko, amaxesha amaninzi, amadikoni namathenjwa, kufuneka bafumanise ukuba yintoni na umsebenzi wabo. Kwaye ndiyabona ukuba sinonondyebo webandla kunye nomgcini-sakhiwo apha ngokuhlwanje, ngoko sizakufumana ukuba yintoni na umsebenzi wabo. Kodwa kuyo yonke iphantse (apha) yimibuzo nje enokubuzwa naphi na kwaye inokuphendulwa naphi na. Yimibuzo nje elula, kwaye efana nemisebenzi yamathenjwa, imisebenzi ye... Ngoku, ukuba yimisebenzi nje yokwenene, ndicinga ukuba oko kuthatyathelwe ebhodini apha ngoku, yemisebenzi yethenjwa kunye noko abafanele ukukwenza. Kodwa ndicinga ukuba mhlawumbi... .

⁸ Kwaye omnye weza apho, kwaye ndicinga ukuba kulungile, Ndizakuwuphendula emva komzuzwana, iNkosi ithandile ukuba sifikelele kuwo, kukuba:

Kwingxaki ethile, yintoni idikoni ekufuneka liyenze? Yintoni e... Yintoni umsebenzi walo wokwenza xa kuvela ingxaki ethile? Lifanele lenze njani? Yabona? Okanye yintoni emayenziwe lithenjwa, yintoni emayenziwe ngumalusi, into efana noko, xa kukho ingxaki? Siyayazi inkqubo yesiqhelo, kodwa kuthekani ukuba into ethile yenzekile engaphandle kwesiqhelo, yabona, ngoko yintoni amabayenze?

⁹ Kwaye siyazi nje ukuba kuphi apho masiwele khona, kufana nje nokuqeqesha umkhosi, kwaye sonke siyazazi iindawo zethu. Ngoku, njengeqela elinje, singahlala apha isiqingatha sobusuku, siyakwazi oko, kodwa yi... Andiqondi ukuba kuyimfuneko. Siza kuyiphendula. Ngoku ndifuna ngamnye... .

¹⁰ Ngoku, akukho magama, amanye awo anamagama, kodwa a—andiyi kuwabiza amagama abantu. Ngokuba nje—nokuba yintoni na umbuzo onguwo, ndiya kufunda nje umbuzo. Mibini nje yayo khona phaya enamagama kuyo. Kwaye, yima, ndisenokuba ndilifumene elinye. Ndiyazi, nguGqirha Ingleman omdala, bendiza kumtsalela umnxeba phaya kwi—kwiphiko lasezantsi, ngo-4—426 iphiko lasezantsi. Kulapho ugqirha omdala ezantsi phaya apho besikhona namhlanje, ezantsi eGeorgetown, waphiliswayo, okanye wafika emva kokuba engekho zingqondweni ixesha elide, kwaye—kwaye nanjalo njalo. Ngoku, ndicinga ukuba oku kubafumene, ngoku sizakungena kwimibuzo yethu yokuqala endiyifundisisileyo kuqala.

Ngoku masime nje umzuzu nje, nceda.

¹¹ Bawo wethu waseZulwini, sihlanganisene apha njengeqela lamadoda, amadoda angamaKristu aKuthandayo, abakholelwayo kuWe, nabathe banikela ubomi bethu kunye

neenkonzo kwinkonzo Yakho. Kukho abalungiseleli apha, abafana, amadoda akubudala obuphakathi, banamabandla, banoxanduva phambi koThixo. Kukho amadikoni apha anoxanduva kwizikhundla zawo kwezi nkonzo zahlukeneyo. Kukho amathenjwa, uxanduva lwawo. Abelusi, abavangeli, nantoni na, Nkosi, sinoxanduva kuWe. Kwaye yilonto sihlanguka kunye, ukuze sonke sibe nokuthetha into enye njengoko kwakuthiwe masiyenze eSibhalweni. Kufuneka sonke sithethe into efanayo.

¹² Kwaye Bawo, sicinga, kolu hlobo lweqela, okokuba singafumana mhlawumbi abanye babazalwana bethu okanye abanye bethu banokuba nezantlukwano ezincinci kwizinto, kwaye abanye bebebuza nje ngenene ukufumanisa ukuba yintoni iNyaniso ngayo. Kwaye siyazi ukuba asanelanga, ngamnye wethu. Ukuba ndingacela omnye waba bazalwana ukuba eze apha kule mibuzo, mhlawumbi bangaba ngokwaneleyo okanye babe ngaphezulu kunokuba bendiyakuba njalo ekuyiphenduleni. Kodwa sikunye sihomekeke kwisityhilelo Sakho, ukuba Ungasityhilela ngeLizwi kwaye nge...ngoMoya Wakho, okokuba i...okokuba sibe nempendulo ngawo wonke umbuzo. Ukuba iintliziyi zethu...sinokuzaliswa ziimpendulo kwaye singahamba siziva ukuba besixhotyiselwe ngcono inkonzo Yakho kwaye sikhonze isikhundla sethu kunokuba—kunokuba sinjalo ngoku. Yinjongo yethu leyo yokuba lapha, Bawo. Siphe ngoku.

¹³ Kwaye uphendule imibuzo yethu, Bawo, njengokuba silindele kuWe. Makungabikho kubhideka nakweyiphi na yeengqondo zethu, kodwa sanga singahlala nala mbuzo ude uphendulwe ngokupheleleyo kwaye sanelisiwe nguMoya, sivumelene ngamxhelo mnye ngenxa yoBukho Bakhe. Sikucela eGameni likaYesu. Amen.

¹⁴ Ndifuna nje ukucaphula iSibhalo, ukuqala. Njengoko u-Isaya watshoyo, umprofeti wathi:

Owu yizani...masibonisane, utsho uYEHOVA:...

¹⁵ Kwaye ndiyacinga ukuba yiloo nto silapha ngokuhlwanje, kukuzama ukuqica, ukuqica izinto ngokuphandle. Kwaye ngoku bendiza kuqala...kwaye ndafumana ezinye zezinto ezibhalwe phantsi apha ngokweenombolo nanjalo njalo, okokuba ndanako oku, uMzalwana uWood ebekubambile; Ndifumene le mvulophu ineempendulo kuzo. Kwaye ngoku ndifuna ngamnye kuni, bazalwana bam abathandekayo, ukwazi ukuba—ukuba ezi mpendulo zi—zinikezwe ngokona kungecono ukwazi kwam, okona kungecono kakhulu ebendinokwazi indlela yokuqonda.

¹⁶ Kwaye ezi mpendulo zingasilela, yabona, ngokuba iZibhalo azinakusilela, kwaye ngokokwazi kwam zingqamane neZibhalo. Ndiyathemba ukuba oko kuyenza icace. Kwaye iteyiphu ifanele igcinwe ngoku kwaye nabani na onokuyifuna, ke,

bangayifumana. Kodwa ngoku, ndiyazi iZibhalo azinakusilela kodwa iimpendulo zam zinakho ukusilela. Ngoko ndiqinisekile ukuba wonke umntu uyakuqonda oko. Kwaye ukuba akunjalo—ukuba zinakho ukusilela, ngoko unelungelo mhlawumbi lokundibuza nangaliphi na ixesha.

¹⁷ Ukuba kukho umbuzo womnye umntu, akuyomfuneko ukuba ibe ngumbuzo wakho, kodwa ukuba ngumbuzo womnye umntu, mhlawumbi awuzange ucinge ngawo, kodwa yinto silapha ukwenzela ukunceda. Silapha ukuze u—ukuza kuhlangana, ngokuba sikwimihla yokugqibela, kwaye imihla ayindawo, kwaye—kwaye sifuna ukuqeqeshwa, sifundiswe.

¹⁸ UMzalwana uStricker, ijoni; uMzalwana uGoad emva phaya, ijoni; kwaye mhlawumbi uMzalwana uRuddell apha, wayelijoni; uMzalwana uBeeler; kunye nabanye abahlukeneyo aba—ababekubomi basemkhosini; nihlala kunye, ni—nicebisa, ni—niyalazi idabi ngaphambi kokuba niphumele phaya, nawo onke amaqhinga onganakho otshaba, ukuze nikwazi ukulukhawulela emhlabeni walo.

¹⁹ Xa ndandidla ngokudlala amanqindi, babeyakufumanisa ngomchasi wam, ukuba wayeza kuba yintoni, luhlobo luni lokubetha alisebenzisayo, nokuba linqindi elivusayo okanye inqindi lasekhohlo elixholayo okanye ugawula ngesandla sakhe sokunene, nokuba wayelinene- okanye inxele ngesandla, nokuba wayomelele kangakanani na, nokuba wayezitshintsha iinyawo zakhe, nendlela awayesebenzisa ngayo amehlo akhe, nokuba uvela kweyiphi na ikona, kunye nawo onke amaqhinga ahlukeneyo esinako. Kwaye baya kufumana oko. . . a—abaqeqeshi babekhe bambona la mfo esilwa ngaphambili. Ke ngoko babeka indoda phakathi phaya kunye nam ukuba indiqeqeshe kanye njengokuba laa ndoda yayisilwa, u—ukuze ndazi into eyayizakuyenza.

²⁰ Kwaye yile nto silapha ngayo ngobu busuku. Siyakwazi ukubetha kotshaba. Siyawazi yintoni amaqhinga alo. Kwaye silapha ngobubusuku neSibhalo ukumgubungela ukuze angabi nakushukuma, kuba utshaba lukumacala onke.

²¹ UMzalwana uRoberson, bendicinga phaya emva, ndimbona, ngokuqinisekileyo umelwe kukwazi ukuba yintoni na ijoni. Ngokuqinisekileyo wayenexesha layo! Mangaphi amajoni alapha, makhe sibone, ebengamajoni emkhosini? Khangela nje apha, yabona, iqela lenu majoni. Kulungile, ngoku, niyayazi ukuba yintoni na. Kwaye nantso into eniyifundayo, akunjalo, Mzalwana uRoy, Mzalwana uBeeler, nani magqala nanjalo njalo? Kuku, funda utshaba, “Liza kwenza ntoni? Yintoni intshukumo yalo?” kwaye ke uyazi indlela yokudibana nalo.

²² Kwaye yile nto silapha ngayo, ukufunda intshukumo yotshaba kunye—kunye nokwazi indlela yokudibana nalo, into eya kuloyisa.

²³ Kwaye khumbulani, mandikutsho oku, bazalwana, ibandla elincinane liqalile apha kungca wezipho, yabona, izipho zingena ebandleni. Kodwa nokuba kukho izipho okanye akunjalo, ukuba akuzange kubekho sipho, Ndiyakuxelela, isipho asisayi kusoloko siloyisa utshaba, kodwa iLizwi liyakwenza njalo. ILizwi liyakuhlangana nalo naphi na.

²⁴ Kwaye uYesu, xana Wayesemhlabeni, wakuqondakalisa oko. Yakhe...WayenguThixo ebonakalaliswe esenyameni. Kodwa Akuzange asebenzise nasiphi na isipho Sakhe esihle ukoyisa utshaba. Sifumana kuMateyu i... Ndiyakholwa ukuba sisahluko se-2 okanye se-3 sikaMateyu, Wathi... Hayi, isahluko se-2 sikaMateyu, xana Wahlangana notshaba, Wahlangana nalo kwimihlaba yeLizwi, "Kubhaliwe."

Kwaye utshaba labuya, "Kubhaliwe."

²⁵ Kwaye Wathi, "Kananjalo kubhaliwe," ngolo hlobo, wade Walubetha utshaba. Kwaye nantso into esizele yona apha, kukuhlangana notshaba ngezinto athe uThixo wasinika zona—ukuhlangabezana nalo ngazo.

²⁶ Ngoku ndinemibuzo emalunga nemine apha ekwei... ikwelinye—ikwiphepha elinye, kwaye ndiyifake inombolo: nye, mbini, ntathu, ne, ntlanu, ntandathu... sibhozo, ishumi, nokuhla ngolo hlobo. Kwaye nje ukuba ndiyigqibe le, ngoku ndiya kutsibela kuleyo ilapho. Ithi:

107. Mzalwana uBranham, ukuba le mibuzo iphumile emgcezi ngoku ungayihoyi, kwaye andiyi kuba buhlungu ngayo kuba ndiyakuyazi ukuba ibingesiso isandla seNkosi. Umbuzo wokuqala: Mzalwana uBranham, ndikuvile... ukuba kufanele—kufanele ndibuyele e... Ndi—ndi—ndikuvile usithi kufanele ndibuyele kulungiselelo, kwaye ndiye ndacinga ngako oko ngokwam, kodwa ndilinde ilizwi eliqinisekileyo elivela kuYe malunga nalo. Ukuza kuthi ga ngoku alikafiki. Ngoku, ekubeni ndisazi ukuba isiphelo sisemnyango, kufanele ukuba ndisalindele iNkosi uYesu u—ukuba ithethe kum? Okanye, ingaba Uyakukholiseka ukukuxelela omawundixelele, ekubeni ndisazi ungumlomo Wakhe walo mhla?

²⁷ Ke, ngoku, mzalwana, ndiya... Ndebhale phantsi apha impendulo yam kuyo. UThixo ebiza lo mzalwana, ubizo ebomini, ngoku, nantso into enye enkulu esinokuyithatha nje njengesifundo sishumayele ubusuku bonke kuyo, yabona, lanto inye, "ubizo." "Yenza ubizo lwakho kunye nonyulo lwakho luqiniseke," yabona. Asifuni nje ukungazi ukuba sibiziwe. Umelwe ubizwe okanye uyakoyiswa, silwa idabi. Yabona? Ukuba ke uqinisekile, mzalwana, ukuba ubizo lwakho luphuma kuThixo, kwaye ubizwe nguThixo ukuba wenze umsebenzi...

²⁸ Ngoku, kukho iqhinga elikhulu apho utshaba olunokuludlala kuwe. Linokukwenza ucinge ukuba

awubizwanga xa ubiziwe, emva koko lijike libuyele kanye ukujikela likwenze ucinge ukuba awubizwanga; okanye likwenze ukuba ucinge ukuba u—ubiziwe xana ungabizwanga; ngokuphambeneyo, nokuba yeyiphi na indlela. Kwaye kufuneka uyiqaphele.

²⁹ Ngoku, nantsi indlela yokuyenza. Fumana kuqala...Ke, ngoku, eli licebiso, ekuphela kwento endinokuyinika kule yingcebiso. Yabona? Kodwa qiniseka ukuba ubizo lwakho luvela kuThixo, kwaye ke uhlole izinto ezikuqhubayo neenjongo zakho. Yabona? Ngoku, uyazi ukuba ndithetha ukuthini ngaloo nto. Yintoni into ekuqhubayo yokuba ushumayele? Ingaba nje yi... Ucinga ukuba ibingumsebenzi olula kunalo unawo? Ngoko kungcono uyilibale, yayingelobizo.

³⁰ Ubizo lukaThixo luyavutha entliziyweni yakho ukuze ungaphumli imini nobusuku ngenxa yalo. Awunakukwazi nje ukumka kuyo, isoloko isila kuwe.

³¹ Kwaye—kwaye ukuba kufuneka ushumayele...Uthi, ke, ngoku, enye injongo, “Ndiyakholwa, emsebenzini endinawo, ukuba ndinokuba ngumvangeli ophumelelayo okanye umalusi, ndibenomvuzo omhle omiselweyo, ndibe nekhaya endinokuya kulo nanjalo njalo, ndihlale, emva koko ndi—ndiyakholelwa ukuba iya kuba yinto elungileyo, ilula kakhulu kunale ndiyenzayo ngoku. Kwaye ngenene ndicinga ukuba kuya kuba njalo...” Ngoku, yabona, injongo yakho ayilunganga okokuqala. Yabona, ayilunganga. Yabona? Wena—awulunganga apho kuloo nto.

³² Emva koko uthi, “Ke, mhlawumbi ngenxa yokuba ndingu... ndicinga ukuba mhlawumbi ndingaduma ngakumbi phakathi kwabantu.” Yabona, uya kufumanisa ukuba ulungele ukuwa okukhulu. Ngokwenene, yabona!

³³ Kodwa, ngoku, ukuba injongo yakho yileyo “Andikhathali nokuba kufuneka nditye amaqebengwana esoda kwaye ndisele namanzi omfula, ndiyakushumayela iVangeli nakanjani na.” Into nje ekrazula kuwe, “Ndiya kushumayela iVangeli okanye ndife!” Yabona? Emva koko uya—uyakuya ndaweni ithile, ngokuba nguThixo elungisa wena. UThixo Uyazazisa kuwe, ngokuba nguThixo nje ongayi kukuvumela ukuba uphumle. Kwaye, ngokwesiqhelo, indoda ebizwe nguThixo ayifuni kuyenza loo nto. Ingaba ukhe wacinga ngako oko? Nayiphi na indoda...

³⁴ Kutshanje ibuzwe kum ngabazalwana abaxabiseke kakhulu, bathi, “Ngoku sithe sangena eNdleleni, Mzalwana uBranham, ngoku sithe sayifumena iNkosi kwaye samkela uMoya oyiNgcwele, singafuna izipho zolungiselelo lwethu esinokuthi silwenze.”

35 Ndathi, “Ningaze niyenze.” Yabona? Ungaze ucebise abantu ukuba benze into enjalo, kuba ngokuqhelekileyo umfo ofuna ukuyenza loo nto ngumfo o—ongenakuyenza.

36 Ngumfo ozama ukubaleka kuyo ngulowo usetyenziswa nguThixo. Yabona? Ukuba uzama ukubaleka kuyo, “Owu, mzalwana, ndiyakuxelela, mna . . . ubizo lukum kodwa mna . . . Yhuu! Mntu, ndiyakucaphukela ukuzama oko.” Ke, uyabona, uyabona. Oko—izama ukubaleka.

37 Ukuba ngu—ukuba ufuna ukuyenza ngenene, into yokuqala uyazi ukuba uzifumana sele e “khukhumele.” Njengoko usitsho, “Thixo, ndinike amandla okushenxisa iintaba, Ndiyakuxelela, ndiya kukwenzela Wena okuthile ukuba Uthe wandivumela ukuba ndishenxise iintaba.” Hayi, akayi kuyenza, akanako nokushenxisela isiqu sakhe kwisimo sengqondo esilungileyo, yabona, ngoko akanakuze ashenxisele uThixo iintaba.

38 Thatha nje, umzekelo, njengoPawulos. Ucinga ukuba uPawulos ngewayebalekile kubizo lwakhe? Owu, mzalwana! Wayengenakuyenza. Yayisila nje imini nobusuku kuye de wayishiya icawe yakhe, washiya yonke into waze—waze wehla wangena e . . . Ndiyakholelwa ukuba yayiyi-Asiya, yayingeyiyo? Waze wahlala iminyaka emithathu phaya ezantsi, efundisisa iZibhalo, ukufumanisa ukuba yayichanile na okanye hayi, yabona, ukuze afumanise ukuba ngenene uThixo ebembizile na.

39 Ke ukuba uThixo uyakubiza, mzalwana, kwaye ihlala isomba entliziyweni yakho, ngoko bendingathi “Bekela bucala bonke ubunzima, nesono esinifumana ngokusisisulu.” Uyabona? Ukuba . . . Kodwa ukuba ayikokomba kuwe, kwaye ngoko a— a—andiyi kucinga kakhulu ngayo ngoko. Yiyeke nje ifike kwindawo yayo.

Ngoku, wathi, lo mzalwana wathi apha:

Mzalwana uBranham, kufanele . . . Ingaba ucinga ukuba uThixo angathetha . . . (kum ukuba ndimxelele.)

40 Ndiyakholwa ukuba uThixo angathetha ngqo kuye. Kuba, uyazi, uThixo . . . Asikho bakhulu kakhulu kodwa oko Anokuthetha nathi. Kwaye Yena—Yena—Yena uyakuthetha nathi, kulungile. Yabona, Yena nje . . . Uya kuthetha nathi.

41 Kwaye ndithi kuni, ukuba Undixelele, ngoko umzalwana usenokuthi, “Ke, Waxelela uMzalwana uBranham ngoko, makabongwe uThixo!”

42 Kodwa, uyabona, asingoMzalwana uBranham okubizayo, yiNkosi uYesu ekubizayo. Yabona? Kwaye ukuba yiNkosi uYesu ekunika ubizo, Uyakuthetha. Yabona? Ndingathetha nawe ezindlebeni zakho, kodwa xa uKristu ekubizela kubulungiseleli kusentliziyweni yakho. Yabona? Kulapho into kufuneka ibambelele kwaye awukwazi ukumka kuyo.

Ngoku, ndiyakholwa kumbuzo wesibini . . .

⁴³ Ngoku ukuba kukho nawuphi na umbuzo kuloo nto, nawuphi na umbuzo kuyo, yabona, ukuba ubizo lomntu lumelwe kukuba sentliziweni yakhe, luvela kuThixo. Kwaye—kwaye omnye umzalwana...Owu, ndiyayazi ukuba ngubani lo ubhale oku. Yabona, ndiyayazi ukuba ngubani oyibhalileyo, oxabisekileyo, othandekayo, umzalwana onobabalo endikholelwa ngenene ukuba unobizo lukaThixo. Kodwa mna nje...Andiyikufuna ukuba ayenze kweyam (seso sizathu ndiphendule ngale ndlela ndenze ngayo), yabona, ngokubhekiselele ekuthini kwam; “Ke, ewe, uMzalwana *Nje-nan-je* umelwe kukuba aye kubulungiseleli.” Yabona?

⁴⁴ Ngoku uthi, “UMzalwana uBranham undixelele ukuba ndimelwe kukwenza okuya.” Yabona, kwaye mhlawumbi kungathini ukuba into ethile yenzekile kuMzalwana uBranham, ndiyabulawa, okanye ndife, okanye—okanye ndimke? Ngoko, yabona, ubizo lwakho luphelile ngoko. Kodwa ukuba uYesu uyakubiza, mzalwana, okoko nje kukho inguNaphakade lisazakuba likhwaza. Yabona? Kwaye ke uyazi apho umi khona.

Ngoku okwesibini...

⁴⁵ Okanye into efana nale, “Ekwazini ukuba ngumhla wokugqibela.” Ngokuqinisekileyo ndiyayibulela loo nto ngaloo mzalwana. Ngokuqinisekileyo ndiyayibulela loo nto ngalo mzalwana eqonda ukuba sikumhla wokugqibela, nokunyaniseka kwentliziyo yakhe, efuna ukwenzela uKristu into.

Olandelayo ngulo:

108. Ngoku, ukuba iNkosi yethu exabisekileyo ingandivumela ndiyenzele Yona into encinane, ndingabuyela kwiindawo ezihlala abantu apho ndakhe ndalungiselela kuzo ngokuyinxenye kwi...ngempazamo (zona endixolisayo)... unayo loo nto kwizibiyeli...kwaye ndizame ukubaxelela iNyaniso? Bebesoloko bekangako—bebesoloko bekangako entliziweni yam.

⁴⁶ Hayi, mzalwana, andiyi kucinga ukuba bekuyimfuneko ukuba ubuyele ekuhlaleni okukwakunye. Kwaye ndiyakholwa, mzalwana othandekayo, xana iNkosi ikubiza Isenokungaze ikuyike uhambe njengoko wawukade unjalo ekuhlaleni, kwaye mhlawumbi ufundise izinto okanye ubunzezinto ezingekho... eneneni obona ngokwahlukileyo kuzo ngoku, yabona, okokuba ungabe ubona ngokwahlukileyo koko wakwenzayo ngoko. Ngoku, kwaye iNkosi, xana Yakubizayo, Ingabe...ukuba iYenze ibe yeyenene kuwe, Ingakuthumela naphi na. Yabona? Ubungayi kufuneka uye kuko nakuphi ukuhlala okuthile okanye nantoni na.

⁴⁷ Xa wawuphaya wawunyanisekile. Ndiyamazi umzalwana, njengoko ndisitsho, obhale le mibuzo. Ngokunyaniseka okunzulu, kunye nomKristu wokwenyani, wenze okona kungcono ubunokukwenza nako konke obukwazi ukuba

kwenziwa njani, kwaye yiloo nto kuphela efunwa nguThixo. Yabona? Ngoku, ukuba uThixo angakubizela emva kulandawo yabahlali, ndingathathela emva kwakhona. Kodwa ukuba Akakhange, ndi—ndiyakholwa ukuba ndingaya naphi na apho Andithumela khona. Ngaba kukho umbuzo?

Inani lesithathu:

109. Umntu wazi njani isikhundla sakhe esifanelekileyo kuMzimba kaKristu?

⁴⁸ Lowo ngomhle, mhle kakhulu, “Ingaba kwenzeka njani . . .” Lowo iyakuba luhlobo lombuzo phakathi kwabaninzi bethu apha ngokuhlwanje, “Uyazi njani ngokufanelekileyo?” Ngoku, ndiyaqikelela ukuba lo mzalwana ufuna ukwazi “Sesiphi isikhundla, *yintoni* kuKristu, yeyiphi indawo kaKristu endiyidlalayo?”

⁴⁹ Ngoku, umzekelo, ndingatsho ngolu hlobo, mzalwana, ukukunika eyona mpendulo ingcono endiyaziyo. Indawo yakho . . . kuKristu ityhilwa kuwe nguMoya oyiNgcwele. Kwaye ukuba ufuna ukwazi ukuba nguMoya oyiNgcwele na okanye hayi, fumanisa ukuba Uyakusikelela na oko ukwenzayo, okanye hayi. Kwaye ukuba Uyayisikelela, ngoko nguYe lowo. Ukuba Akasikeleli . . .

⁵⁰ Njengoko umntu othile watsho kum kungekudala, wathi, “INKosi indibizile ukuba ndishumaye.”

Ndithe, “Ke, shumayela ngoko.” Yabona? Kwaye ke wa—wa . . .

⁵¹ Ngokwenene ndicinga ukuba kunjalo . . . USathana, ukuba angafumana umntu nje ukuba e—enze ngolo hlobo aze abalahlekise, yiloo nto kanye afuna ukuyenza. Emva koko ihlabathi lonke likhomba umnwe walo kanye apho. Umntu othile ucinga ukuba banesiphiwo sokuthetha ngeelwimi nokutolika; abanye banesiphiwo sempiliso eNgcwele; abanye banezi zinto ezifana . . . Ngamanye amaxesha bayaphazama kwezo zinto, yabona. Kwaye ngamanye amaxesha bacinga ukuba abayifumananga xa benayo. Ngoko iyabhidisa kakhulu.

⁵² Ngoko ke hlalani nisenza oku, bazalwana, nanini na nivakalelwa kukuba nimelwe kukwenza into, kuqala fumanisa ukuba ingokweSibhalo na okokuba uyenze (ukuba iseZibhalweni). Hayi nje ibhalwe kwindawo enye, kodwa ndithetha ngokweSibhalo ngokupheleleyo ngeBhayibhile ukuba uyenze, isikhundla sakho, itsho ukuba uyakuba ngumvangeli, umalusi, umfundisi, umprofeti, nantoni na anokuthi uThixo akubizele ukuba ube yiyo. Uyabona? Nokuba ninesiphiwo sokuthetha ngeelwimi, isipho sokutolika, isipho nasiphi na—naluphi na uhlobo lwezipho ezisithoba zomoya ebandleni, kwaye izikhundla ezine zomoya zebandla, nasiphi na isikhundla, kuqala jonga ukuba uThixo ubizile na.

⁵³ Emva koko, ngokwesiqhelo, indlela endiyijonga ngayo ngokwam, nje...lona ndim, Ndiyonga ubume bomntu kwaye ndibone ukuba luhlobo luni lwesipho abasichazayo. Yabona, uThixo uyakusebenza nesidalwa Sakhe ngendlela Asenze ngayo. Yabona? Uya kwenza isidalwa...

⁵⁴ Ukuba umbona ephaphatheka ngokwenene kwaye eqhubeka, wena...kwaye uthi, "iNkosi indibizele okunjena-nje, ukuba ndibe ngumalusi." Ngoku, umalusi akanakuba ngumntu ongazinzanga. Umalusi uqinile, usezingqondweni. Yabona?

⁵⁵ "UThixo wandibiza ukuba ndibe ngumfundisi." Kwaye mkhangele indlela alitolika ngayo iLizwi. Yabona? ULenza lixubane lonke kwaye yonke into, ngoko ungatsho. Yabona?

⁵⁶ Kodwa, ngoko, into omawuyenze, indawo yakho isoloko isaziwa nokuba ungayenza na okanye hayi.

⁵⁷ Ngoku, xa uThixo wandibiza ukuba ndibe ngumvangeli, ndandifuna ukuba ngumalusi. Kwaye ndandicinga ukuhlala apha ekhaya kuyakulunga nje. Kwaye iNkosi yandibiza. Kwaye ekugqibeleni bonke abantu bahlanganisana...Akukho namnye kubo oseleyo ngobu busuku apha, ukuba bakhala baphumela phaya e-1717 Spring Street. Kwaye inenekazi, uNksk. Hawkins ngapha, wadibana nam waza wathi (elila, ngexesha loxinzelelo lwezomnotho, xa omnye ebumelwaneni ubeya kupheka isuphu yeembotyi kwaye sonke besiyakungena sitye kuloo nto), kwaye wathi, "Ndiya kubancitsha abantwana bam etafileni ukuba uya kwakha kuphela umnquba." Yabona?

⁵⁸ Kwaye ubizo lwam lwalungumvangeli. Ngentsasa...Kulele apha kweli kweli litye lembombo, ukuba sinokugqabhuza phaya ngokuhlwanje, uyakubona igqatyana liphuma eBhayibhileni yam apho Wandixelela ukuba ndibe ngumvangeli. Yabona? Kwaye ndandingengomalusi uphumeleleyo, ndandingenakuze ndibenguye, ngokuba andinamonde noko kuthabatha kona ukuze ube ngumalusi. Yabona? Ke ngoko, ukuba ndithe ndazama ukuba ngumalusi, bendiya kuba kude nje njengokuba umalusi ezama ukuba ngumvangeli.

⁵⁹ Yabona ukuba ndithetha ukuthini? Ungayibona indlela iNkosi ekubiza ngayo, ukuba ithini na indawo yakho eMzimbeni. Ingaba kukho umbuzo?

110. Ingaba bonke abantu abazaliswe ngoMoya oyiNgcwele bathetha ngeelwimi kwamsinya okanye kamva?

⁶⁰ Lowo ngumbuzo wokuqala, "Ingaba bonke abazaliswe ngoMoya oyiNgcwele..." Ngoko, iyonke ikumbuzo omnye, ndiyifumene ibekwe apha iyeyombuzo wesine. Kodwa ndiya—ndiyakutsho oku kuqala, niyabona:

Ingaba bonke abazaliswe nguMoya oyiNgcwele abantu bathetha ngeelwimi kwamsinyane okanye kamva?

Ndifumene apho uPawulos wathi yena “wathetha ngezininzi iilwimi kunabo bonke.”

Kulungile, umbuzo wesine: **Ingaba bonke bathetha ngelwimi xana bemnkele u...Okanye, hayi, ithi: Ingaba bonke bathetha ngeelwimi...Hayi: Ingaba bonke abantu abazaliswe ngoMoya oyingcwele bathetha ngeelwimi kwamsinayne okanye kamva?**

61 Ngoku, mzalwana, mna...Lo ngumbuzo onzulu. Ngoku, phaya, mhlawumbi...Mhlawumbi ndiyakuba neempendulo koku.

62 UMoya oyiNgcwele, inxalenye yoMoya oyiNgcwele kukugwetyelwa. Kulapho wena uqala...UThixo kufuneka akubize okanye awusokuze ubizwe. Yabona, akukho nto unokuyenza kuwe. “Akukho mntu unokuza kuM engathanga uBawo waM amtsale kuqala.” Ingaba oko kunjalo? Ke inxalenye yogwetyelo nguMoya oyiNgcwele.

63 Nikhe nandiva ndicacisela laa mfundisi wamaLuthere ngela xesha malunga nentsimi yombona? Yabona, “Umbona, indoda yaphuma yatyala ezimbini...yatyala intsimi yayo yombona. Ngentsasa elandelayo yaphuma yahamba ‘akukho nto.’ Emva kwethuba yafumana amagqabi amabini evela, yathi, ‘Makabongwe uThixo ngenxa yentsimi yam yombona!’” Ndaze ndathi, “Ingaba yayinentsimi yombona?”

Kwaye umfundisi wamaLuthere wathi, “Ngokunokwenzeka.”

64 Ndathi, “Injalo loo nto, ngokunokwenzeka.” Kodwa ndathi, “Nge...” Ndathi, “Yayinini ke maLuthere.”

65 “Ngokuhamba kwexesha ihlumelo lakhula laza lafika kwinquma. YayiyiWisile ke leyo. Inqanaba lesibini lombona, linquma.” (Ndicinga ukuba injalo, nina bazalwana basefama.) “Kwaye ke inquma lajonga ezantsi egqabini laza lathi, ‘Huh! Ndilinquma, uligqabi nje! Yabona, andisakudingi.’ Kwaye ke inquma...Umungu uyawa kwinquma, ubuyeke egqabini kwakhona; kufuneka ibe negqabi.”

66 “Kwaye ke ukusuka apho kuvelisa indlebe. YayiyiPentekoste leyo, ukubuyiselwa kwezipho njengo kuya kwindawo yokuqala, ukubuyela kweyakuqala. Emva koko xana yakuphuma indlebe, yathi, ‘Andikudingi, nquma. Okanye nokuba nguwe andikufuni, gqabi.’”

67 Kodwa, emva kwako konke, ubomi obunye obabukwi—igqabi lombona benza inquma. Kwaye into eyayisegqabini nenquma yenza ukhozo. Ke yintoni uMoya oyiNgcwele ukuthetha ngeelwimi? Lugwetyelo oluhambele phambili. Yabona? Yintoni ibandla likaMoya? BubuluLuthere obuhambele phambili. Yabona?

68 Kodwa ngoku xa ukuhambela phambili kufikile, umbuzo uya kuba koku, “Emva koko ndiya kuhlala nje?” Hayi!

Hayi, umbona uvuthiwe. Yabona? Uqala ngokhozo. Qala nge—ngeLizwi, ukhozo, Liyakuvelisa ugwetyelo. Kwaye hlala kugwetyelo lude Luvelise ungcwaliseko. Hlala kungcwaliseko ude wamnekele uMoya oyiNgcwele.

⁶⁹ Ngoku xa usamkela uMoya oyiNgcwele, Uyakwenza ntoni? Yintoni i . . . Usenombuzo, akunjalo? Konke kulungile:

111. Yintoni “ukuthetha ngeelwimi”?

⁷⁰ Ukuthetha ngeelwimi asiyonto kodwa lubhaptizo loMoya oyiNgcwele olukugwebeleyo lwakungcwalisa. Izaliswe kakhulu! Ngoku, bendifuna . . . bendifuna lombuzo. UThixo uyazi ukuba andizange ndiyazi ukuba indoda yayiza kubuza, phendula . . . okanye iyibuze.

⁷¹ Ngoku, ngaba ikangako . . . ukuba kubashushu kakhulu apha, vula olocango ukuba uyozele okanye into ethile. Ndifuna ukuba nikufumane oku kakuhle kwaye qinileyo. Kuba ku—kubushushwana ngenene, inganozelisa.

⁷² Ngoku qaphelani, qaphelani oku: ugwetyelo, ungcwaliso, ubhaptizo loMoya oyiNgcwele.

⁷³ Ngoku khangelani apha, nantsi. Makhe ndiyizekelise. Ngoku, ndilapha ezantsi, ndingumoni, ndihamba *ngale* ndlela. Kanye, emva kwethuba, Into ethile ithetha nam. Kwaye akukho nto inokundijika ngaphandle koThixo. Ingaba kunjalo? Ndjikwe *ngale* ndlela. Ngoku, xa ndiphethuka, oko kukugwetyelwa kwam. Ingaba kunjalo? Ngoku, umfanekiso yinjongo yam yokuhamba, yabona, umfanekiso kaKristu.

⁷⁴ Ngoku ndifuna ukuya kwindawo apho ndinokuthi ndizive ndonwabile ngakuYe. Yabona, ndigwetyelwe. Ngoku ndiza kweli nqanaba *apha* apho ndinokuthetha naYe, ngokuba . . . ndisenentloni ngesiqu sam. Ndisatshaya, ndisaxoka, ndenze izinto ezincinci zokuchwechwa ekungafanelanga ndizenze, kwaye ngalo lonke ixesha *ukunyuka nokuhla* kwam, *ukunyuka nokuhla* kwam, kodwa ndifuna Yena andihlambulule kuzo zonke ezizinto ukuze ndibenakho ukuya kuYe kwaye ndithethe naYe. Yabona? Kulungile, nantsi, lungcwal- . . . inqanaba longcwaliseko. Ngoku, lenze ntoni? Landilungisa. Yabona?

⁷⁵ Ngoku ndiya kuMoya oyiNgcwele. Yabona? Kwaye xa ndingena *koku* ndikuMoya oyiNgcwele ngobhaptizo. Ingaba oko kulungile? Yintoni ayenzayo uMoya oyiNgcwele? Undinika amandla. Amandla okuba ngumshumayeli, amandla okuba yimvumi, amandla okuthetha ngeelwimi, amandla okutolika iilwimi. Izele ngamandla, kuba uMoya oyiNgcwele ungamandla kaThixo. Kwaye yayingamandla kaThixo awandiguqulayo. Yayingamandla kaThixo andingcwalisayo. Ngoku ngamandla kaThixo andizalisileyo.

⁷⁶ Ngoku, ngesihlandlo esithile, ndimi apha kwaye ndizama ukuthetha into kwaye Amandla kaThixo andifikela ngendlela

enkulu kangangokuba ndingakwazi nje nokuthetha. Yabona? Ndaye ndaqalisa ukuthintitha. Ngokungathi ndandizakuthi, “Bazalwana,” njengokuma ngoluhlobo.

⁷⁷ Nantsi ke, ndiza kuyibonisa ngolu hlobo. Ndiza kuthetha nani bazalwana ukuze niqiniseke ukuba niyifumene. “Njani—njani—unjani na, mntakwethu?” Yabona, ndisenetyala. “Uh, ndi—ndiqinisekile ukuba ndiyavuya ngokuba ndi—ngokuba ndisengomnye wenu. Ndi—ndi—ndivuya kakhulu, uyabona.” Konke kulungile. Ngoku, emva kwethuba, yintoni? Ndiyazi ukuba nijonge kanye kum kwaye niyazi ukuba ndisenza into, ndisenza izinto ezinokungcola kwehlabathi kuyo.

⁷⁸ Emva kwexesha ndiyacocwa. Ngoku into ethile yenzekile, ndingwalisiwe. Ndingakujonga ngqo ebusweni, ndingomnye wenu. Yabona? “Kulungile, mzalwana. Makabongwe uThixo! Ndiyavuya ukuba kweli qela likaMoya oyiNgcwele. Ndiyavuya ukuba phakathi kwenu bazalwana abangewele.” Ngoba? Awukwazi ukubeka umnwe wakho kum, ndicociwe. Kodwa ngoku uThixo uza kundibeka enkonzweni. Ngoku, ewe, mhlekazi!

⁷⁹ “Mzalwana uBranham, ingaba wawugwetyelwe?”

⁸⁰ “Ewe! Ndikhumbula xana ndingazange ndikwazi ukukujonga. Mntakwethu ndingakujonga ebusweni ngoku.”

⁸¹ Yabona, silapha. Ngoku, yintoni lena ingenye? Ngoku ndiza . . . *Oku* kucociwe kwaye kubekelwe bucala *ukwenzela* inkonzo, kwaye *oku* kuza kwinkonzo. Ngoku siyazi sonke ukuba igama elithi *ngcwaliso* ligama lesiGrike, igama elihlanganisiweyo lesiGrike elithetha “icociwe, yaze yabekelwa bucala ukwenzela inkonzo.” Izitya zahlanjululwa nangasesibingelelweni, nokungcwaliswa sisibingelelo kwaye zabekelwa bucala *ukulungiselela* inkonzo. Kodwa ukuba senkonzweni kukuzaliswa kunye nokufakwa enkonzweni.

⁸² Ngoku, ndiya ngapha kwaye ngoku ndiza enkonzweni. Ngoku, yayinguThixo owandiguqulayo, esithi, “Ndiva Mna. Ndiva Mna! Ndiva Mna!” Waza Wathi . . .

⁸³ Uyayifumana le nto ndiyithethayo? Yabona? Kwaye apha, [UMzalwana uBranham ubonisa umntu othetha ngeelwimi—Mhl.] . . . ? . . . Yabona, apha, uzele nje wena . . . Yiyo leyo. Nantso ke, kukuthetha ngeelwimi.

⁸⁴ Kwaye ndiyakukholwa oku ngoku: andikholwa ukuba ukuthetha ngeelwimi bububo nobuphi ubungqina boMoya oyiNgcwele. Akunjalo! Ngokuba ndibone amagqwirha, abathakathi, abaphathi-nyoka, oosathana, yonke enye into ethetha ngeelwimi, kwaye ayisosenzo esingenasiphoso sikaThixo (xa uthetha ngeelwimi) okokuba unoMoya oyiNgcwele. Kodwa, khumbula, uMoya oyiNgcwele uyathetha ngeelwimi kwaye umtyholi angakulinganisa.

⁸⁵ U—ubungqina bokuba unoMoya oyiNgwele bubomi obuphilayo, yabona, “Ngeziqhamo zabo niyakubazi.” Kwaye isiqhamo soMoya asikho (akukho ndawo eSibhalweni sifumaneka kuyo) ukuthetha ngeelwimi. Isiqhamo soMoya luthando, uvuyo, ukholo, ukuzeka kade umsindo, ukulunga, ubulali, ububele, ukuzeka kade umsindo. Yabona, ngoku, sisiqhamo eso. Yiloo nto oyifumana emthini ukuxela ukuba luhlobo luni lomthi. Yabona?

⁸⁶ Yiloo nto abantu bakhangela yona kuni bashumayeli, nakuni madikoni, nani mathenjwa, nani bavangeli. Unokuthetha ngeelwimi apha kwesi sitrato imini yonke, abanakuze bakukholelwe. Kodwa uphila le nto uthetha ngayo, ubonisa ubumnandi, kwaye zonke iingcambu zobukrakra ziphumile kuwe, ngoko umntu uya kuqonda ukuba kukho into.

⁸⁷ “Ukuthetha ngeelwimi.” Ngoku, ndiyakholwa oku, ukuba ngelinye ixesha elinye, ukuba umntu ozaliswe nguMoya othi azibeke phantsi kwesibingelelo sikaThixo uya kuthetha ngeelwimi. Kodwa ndibone abaninzi bethetha ngeelwimi abangazi nto ngoThixo. Yabona? Babengazi nto ngaYe konke, kwaye basathetha ngeelwimi. Nasiphi na kwezo zipho sinokulinganiswa. Yabona?

⁸⁸ Ke sona isiqhamo soMoya sibonakalisa ngowuphi uMoya ongaphakathi, unika ubungqina boBomi bukaYesu Kristu. Kuba ukuba kukho incindi yomthi wepesika kumthi wama-apile, uyakuthwala iipesika ngokuqinisekileyo njengehlabathi. Ilungile lo nto. Yabona, ngokuba bubomi obungaphakathi kuyo.

⁸⁹ Ngoku, ikwayiloo nto inye ilapha. Kodwa ngoku, ukuze ndifumane oku kuni nonke, ukuze sibenakho ukwazi sonke into enye. Ndiyakholwa ukuba umntu ozaliswe nguMoya lowo. . . Ngoku uza kuKristu ngobhaptizo, kwaye nje. . . oko akunjalo. . . Ukuthetha ngeelwimi ayibobungqina bokubhaptizwa. Yabona?

⁹⁰ Ubhaptizo, unokubhaptizelwa emandleni kamtyholi, kwaye uthethe ngeelwimi ngobhaptizo lomoya wolahlekiso kamtyholi. Kukangaphi siyibona isenziwa? Kukangaphi ndiyibona isenziwa?

⁹¹ Ndade ndabazi bona besela igazi eliphuma kukhakhayi lomntu baze bathethe iilwimi.

⁹² Ndababona abadanisi beenyoka entlango xana babebhijele le nyoka inkulu kubo behamba bethetha. Umthakathi wavela ngolo hlobo, kwaye babeya kuthetha ngeelwimi baze bazitolike.

⁹³ Ndikhe ndaya kwiinkampu zabo zamagqwirha apho babebeka ipensile phantsi ngolo hlobo, baze babeke incwadi phantsi ngolu hlobo, kwaye ipensile ihla inyuka kwisitovu, idlale, “*Ukucheba kunye nokucheba iinwele, amasuntswana amabini,*” ize ibhale ngeelwimi ezingaziwayo, kwaye umthakathi ayitolike kwaye achaze kanye ukuba kwenzeke ntoni na.

Ndi—ndiyayazi lonto ngokwam. Yabona? Ke ndi...Yabona, awukwazi...

⁹⁴ UPawulos wathi, “Apho kukho iilwimi, ziya kuphela. Apho kukho iziprofeto, ziyakusilela. Apho zonke ezi zipho, ziya kupheliswa kungekudala.” (Sinawo umbuzo kamva kancinci.) “Kodwa xana oko kugqibeleleyo kuthe kwafika, oko kuyinxenye kuyakwandula ukuphuthiswa.” Yabona? Ngoko sifuna into egqibeleleyo, bazalwana. Yabona? Sibone izinto ezininzi zobuxoki kwaye zinika ingcaciso engeyiyo kuyo.

⁹⁵ Kwaye ungaze ujongane nomntu kwaye—kwaye ukholwe ukuba bafumene uMoya oyiNgcwele ngokuba bathetha ngeelwimi. Yabona? Kodwa niyakholwa ukuba banoMoya oyiNgcwele ngenxa yeziqhamo abazithwalayo, kuba uYesu wathi, “Ngeziqhamo zabo niyakubazi.” Yabona? Ilungile lo nto, “Ngeziqhamo zabo.”

⁹⁶ Ngoku, kodwa ngoku, mandingemki kuloo nto ngoku, kuba andifuni kuhlazisa isipho esikhulu athe uThixo wasinika. Yabona? Kwaye ndiyakholwa ukuba indoda ezaliswe nguMoya okanye umfazi, okanye umntwana, ohlala phantsi kwesibingelelo sikaThixo, abayi kuhlala ixesha elide phaya bade babe bathetha ngeelwimi. Yabona? Ndiyakholwa ukuba uyakuyenza, okanye yena.

⁹⁷ Ngoku, ungamamkela uMoya oyiNgcwele kwaye mhlawumbi awuthethanga ngeelwimi xana waWufumanayo. Yabona? Kodwa ukuba uhlala ulala phambi koThixo ngalo lonke ixesha, unobhaptizo emva kobhaptizo lubetha kuwe, into ethile iza kwenzeka. Yabona? Uyakugcwala kakhulu ngenye imini ude ube ungakwazi ukuthetha nanye engenye into; yabona, u—u—uzama ukuthetha into, awukwazi nje uphinde uyithethe, kwaye awukwazi ukuyithetha. Kwaye amaxesha amaninzi ukuba abantu bathe baqonda ukuba lowo ibinguMoya oyiNgcwele bebeyakuqhubela phambili bavule nje iintliziyo zabo kwaye bavumele uThixo athethe nabo.

⁹⁸ IBhayibhile yathi, “Ndiya kuthetha kwaba bantu ngemilebe ethintithayo nangalulwimi lumbi.” U-Isaya 28, yabona, 28:18. Ngoku, “Ndiya kuthetha ngemilebe ethintithayo nangalulwimi lumbi.”

⁹⁹ Yintoni na “ukuthintitha”? Umntu ongakwaziyo ukuthetha ngokucacileyo, uhamba, “Huh, uh, uh, uh, uh, huh, uh, huh.” Wena nje...uyathintitha, uzama nje, “Huh, uh, uh.” Yabona, uzele nguMoya nje! Uzama ukuthi...Njengoko bendizakuthi, “Mzalwana uJa-Jack-...Ja-...Mza’ne Jack-...UMzalwana uJa-Ja-Jack-Jack-Jackson.” Yabona, ngolo hlobo, uzama ukuthi, awukwazi ukuyithetha. Yabona, oko, ugqwaliswe kangako nguMoya! Yona...

¹⁰⁰ Ndifuna ukunibuza bazalwana, nakhe namva uMoya oyiNgcwele ekunyakamisa kakubi kangankuba ungakwazi

nokuthetha nanto, ungavele uhlale uthe cwaka ngelinye ixesha, uhlale apho ulile? Wakhe wayenza lonto? Ke, lowo nguMoya oyiNgcwele. Ukuba ubunokwenza. . . Isizathu sokuba abantu bangathethi ngeelwimi amaxesha amaninzi, abazi ukuba bazinikele njani na kuMoya kwaye bakhangele into ethile ekude ngelixa Uphezu kwabo kanye. Yabona? Kungenxa yoko le nto bengenzi. . .

¹⁰¹ Kwaye ngoko abanye abantu bazifaka kwimvakalelo kwaye bathethe iqela lamagama angenantsingiselo kuyo, kwaye abakabinawo uMoya oyiNgcwele, bazame ukuthi banayo ngokuba bathetha ngeelwimi. “Ngeziqhamo zabo niyakubazi,” yabona.

¹⁰² Ngoku, ingaba kukho umbuzo? [UMzalwana uJunior Jackson uthi, “Mzalwana uBranham?”—Mhl.] Ewe, mzalwana. [“Ndivuyiswa kukuba lo mbuzo ubuziwe, kuba akukho ntandabuzo abanye basenokuzibuza oko mhlawumbi bendikukholelwa kwaye ndakufundisa ixesha elide. Kodwa ndiyikholelwa kanye njengokuba uyifundisile.”] Enkosi, Mzalwana uJackson. [“Kungakhathaliseki nokuba mangaphi amaxesha na endingadithetha ngeelwimi, okanye nantoni na, ukuba ubomi bam abunabungqina bento ethethwa yiBhayibhile ngoko andikho ngcono kunenja ekhohlakeleyo ehamba esitratweni.”] Ilungile lo nto. [“Yaye andizange ndithethe ngolwimi olungaziwayo de kwaba ziinyanga ezintandathu emva kokuba ndifumene ubhaptizo lwam.”] Kumalunga nendlela endenze ngayo, nam, Mzalwana uJackson.

¹⁰³ Ndalwamkela ubhaptizo loMoya oyiNgcwele emva eshedini yam, yabona. Kwaye malunga nonyaka emva koko, okanye into enjalo, nda—nda. . . thetha ngeelwimi.

¹⁰⁴ Kwaye malunga nonyaka okanye emibini emva koko, ndandishumayela kwakhona ebandleni, kwaye nda—ndandime eqongeni ngolu hlobo, kwaye nda. . . Xana ndandimtsa kwaye ndingekho lukhuni namdala njengoko ndinjalo ngoku, Ndandikwazi ukuhamba hamba kakuhle kwaye ndandichukumiseka kakhulu ekushumayeleni. Ndandimi phaya ndishumayela ndasuka ndatsibela phezu kwedesika. Kwakukwibandla laseBhaptizi, ibandla iMilltown Baptist, ndaze ndehla ndaya ngqo epasejini, ndishumayela kangangoko ndinokushumayela ngolo hlobo. Kwaye kanye xana ndayekayo ukushumayela, Into ethile yandithatha ndathetha amagama aliqela, amane okanye amahlanu, okanye amagama amathandathu, ngeelwimi ezingaziwayo. Kwaye ngaphambi kokuba ndiyazi into endandiyenza, Ndaziva sendikhwaza “ILiwa elizweni elibharhileyo, INgxonde ngexesha lesaqhwithi.” Yabona?

¹⁰⁵ Kwaye ngenye imini ndisihla ngomzila kaloliwe, ndandihamba ndisihla ngomzila kaloliwe, kweli cala

laseScottsburg, ndisihla ngomzila kaloliwe, ndihamba-ndihlola. Imimoya ibhudla ngamandla, owu, bethu, kunye nomkhenkce kuwo wonke umzila, ndaza ndawela ukuze ndibe nokuhamba ndehle amawaka am angamashumi amathathu anesithathu; amashumi amathandathu anesithandathu enyuka ngenye indlela, ahamba enxusene nomzila. Kwaye ndandisihla ngomzila, kwaye ngequbuliso. . . Bendihamba apho, bendicula. Ndandisoloko ndicula. Ndandineendawo ezahlukeneyo zokuya kuthandaza. Kwaye bendihamba apho, ndicula, kwaze kwathi ngequbuliso ndafumanisa ukuba ndandithetha ngeelwimi, yabona, ndingayazi into endandiyenza.

¹⁰⁶ Ukuthetha ngeelwimi kufika kuvutha kangangokuba umntu angayazi into ayenzayo, okanye, abayazi into abayithethayo. Kwaye ukutolika kukwayindlela enye. Abayazi into abaza kuyithetha. Abasenambono yokuba bayakuyithetha, kuba ingamandla angaphezu kwendalo. Yabona, okoko nje ufumana okwendalo kuyo ngoko aku. . . u—u—ufumana indalo, uyabona. Kodwa ukuba kukho into ekubambayo kwaye ikubambe, kwaye uyayenza. Yabona?

¹⁰⁷ [UMzalwana uNeville uthi, “Mzalwana Branham, ndingathetha into kanye apha?”—Mhl.] Ngokuqinisekileyo, unakho, Mzalwana Neville. [“Ngoku, uyithetha ngolo hlobo, awuzimisela ukuthi, nangona, ukuba—ukuba iilwimi bekuya kufuneka zilungelelane enkonzweni ukuba umntu akanako ukuzilawula? Kuba u. . . Umntu onesiphiwo ufanele ukuba asilawule sona.”] Angasilawula isiqu sakhe. Ewe. Njenge. . . [“Ufanele ukuba uqaphele ngokwaneleyo ukwazi ukuba umalunga nokuthetha ngeelwimi”] ehe, injalo lonto [“okanye uphume emgaqweni okokuqala.”] Injalo lonto, uyaziva. Yabona? Ngoku, njengokuba iBhayibhile yathi, “Ukuba—ukuba kukho othetha ngeelwimi, kwaye kungekho mtoliki, ngoko makathi cwaka.” Ngoku, kakade.

¹⁰⁸ Masithi, umzekelo, ndimi apha, nabani na, xa ulungiselela ukukhwaza, kwa into enye. Wakhe waweve amandla kaThixo esiza kuwe xa uqala ukukhwaza? Bangaphi abakhe bayenza loo nto? Ke, sonke sinako. Yabona? Uhlala nje phaya, uvakalelwa kukuba ayeza. Ngoku, kukho amaxesha apho unokukucima oko, yabona. Ungayibamba, yabona, ayilunganga.

¹⁰⁹ Kungathini ukuba ubumile, uthetha no—noMongameli waseUnited States, okanye ubumi apha phandle uthetha nosodolophu wesixeko, kwaye ubuthetha ngenye into, kanye esitratweni apha, ndithetha neqela labantu, kwaye ngaxeshanye uzive ngathi ungaxhuma xhuma, ukhwaze ukhwaza “Uzuko! Haleluya!” kwaye ukhabe yonke into kwaye ubaleke usihla usenyuka ngesitrato ngolo hlobo. Bangathi uphambene. Yabona? Babeya kuthi, “Iyaphambana laa ndoda.” Yabona?

¹¹⁰ Ke, yabona, wazi ngcono kunokuba wenze ngoko.

Uyabamba, nangona igrumba nje kuwe kwaye awukwazi ukuyibamba. Uthi, “Ewe, mhlekazi. Ewe, mhlekazi. Uh-huh. Uh-huh. Ehe. Ewe, mhlekazi. Uh-huh.” Nkwenkwe, uyakomba nje ube ziingceba kodwa uyazi ukuba uthule kanye ngoko. Yabona?

¹¹¹ Njengakwinkundla yamatyala apha kungekudala kwixesha elidlulileyo, babenamaPentekoste phezulu u—ukwenza enye into, ekhwaza kakhulu okanye into ethile, ababeyiyo—ngokuqinisekileyo ayeseMthethweni, uyabona, ilungile. Kodwa ngalo lonke ixesha umgwebi wayesiya kuthetha okanye aye kuthetha okuthile kubo, babeyakuthetha ngeelwimi. Yabona? umgwebi wathi, “Basuse apha aba bantu baphambeneyo.” Yabona?

¹¹² Ngoku, ukuba bekukho ukutolikwa kwezo lwimi kwaze kwaxelelwa umgwebi “ITSHO INKOSI,” into *ethile-thile* ebiyakuba yinyani, “ITSHO INKOSI! Mgwebi, ume apha undigwebela ntoni xana phezolo ubuhleli nehenyukazi? Igama lalo yayinguSally Jones, wayehlala ezantsi kwa-44 *Ethile-thile-thile* indawo, ngolwa hlobo. Kutheni undigweba? Lowo ngu ITSHO INKOSI! Ngoku khanyela oko kwaye uya kufa.” Ngoku, owu, mzalwana! Kukho into eyahlukileyo phaya.

¹¹³ Kodwa xana usima nje uthethe, kwaye wathi, “uliqaba kubo.” Uyabona? Ngoku, uyazi ukuba mawuthule nini na kwaye ungayenzi nini. Yabona? Ngoku, oko . . . Yabona. Ndi . . . Undifumana ngqo ngoku, uyazi ukuba ndithetha ukuthini. Yabona? Yiyo. Ngokuqinisekileyo . . .

¹¹⁴ Sinawo loo mbuzo kanye apha ezantsi. Isizathu sokuba ndiyibambe ngolu hlobo, sinento enye, “Ingaba bafanele bathule?” Uyabona? Seso sizathu sokuba ndingayiphenduli ngakumbi kunokuba ubuyithetha. Kodwa elo lixesha, yiphendule ngoku, yabona, khona ngoku. Kwaye sizakuyifumana kwakhona kulo mbuzo ezantsi apha, kwaye ndiza kubhekiselela emva kuwo. Ingaba wonke umntu uyawuqonda kakuhle lo mbuzo?

[UMzalwana uFred uyabuza, “Mzalwana uBranham?”—Mhl.] Ewe, Mzalwana uFred. [“Ingaba—ingaba umntu uyathetha ku—kuMoya, enika intetho (yithi ungumntu wesiNgesi kwaye uyakwazi ukuthetha isiNgesi) kwaye ingaba uMoya uya kukunika intetho?”]

¹¹⁵ Ngokuqinisekileyo. Ewe, mhlekazi. Yabona, ngokuba uMoya oyiNgewele uthetha ngazo zonke iilwimi. Yabona? NgoMhla wePentekoste zonke iilwimi eziphantsi kweZulu zahlanganiselwa ndawonye, yabona. Ukuthetha ngesiNgesi . . . Ngoku, ndihlala ndikwazi oku, Mzalwana uFreddie, ngokwam, okokuba ndi . . . ukuba ndikhe ndashumayela intshumayelo kukho nayiphi na intambiso kuyo, nguMoya onika intetho,

uyabona. Yiyo . . . Yabona? Ngoko iyakuba lulwimi olungaziwayo emntwini ongasiqondiyo isiNgesi. Kodwa ukanti . . .

¹¹⁶ Kwaye njengokuba ulwimi olungaziwayo lungelilo “olungaziwayo” ulwimi, iyi . . . kukho umntu apho . . . NjengakuMhla wePentekoste, bathi, bonke aba boni, bathi, “Kwenzeka njani ukuba sibeve nje sonke ngabanye bethetha ngezakomawethu iintetho? Siwava njani la maGalili ethetha ngolwimi lwethu?” Kwakungekho “olungaziwayo” ngayo yonke loo nto. Ayikho into enjalo “ezingaziwayo” iilwimi ngePentekoste. Ngoku, yabona, loo nto ayihambisani neSibhalo konke konke. Yabona? Kwakungekho nto olungaziwayo . . . yayingelolwimi olungaziwayo, yayiyintetha. “Kwenzeka njani na ukuba sibeve sonke ngabanye ngentetho esazalelwa kuyo?” Akukho nto ingaziwayo ngayo konke konke. Yabona? Oko . . . nawuphi na umbuzo ngaloo nto ngoku, ngoku ngaphambi kokuba siyishiye? “Kwenzeka njani na ukuba sibeve sonke ngabanye bethetha ngezakomawethu iintetho?” Yabona?

¹¹⁷ [Umzalwana uthi, “Ku—kulapho kukho impazamo encinci ngenxa yobuthathaka bomntu, kwaye xana abantu baya—baya kusilela ukwamkela nantoni na, uthi kuphela, ‘Andiyi kuyikholelwa nangayiphi na indlela, kuphela ngokutsho kweZenzo 2:4.’”—Mhl.] Ke, ukuba bebenayo ngokweZenzo 2:4 ngokuqinisekileyo bebengayi kuthetha ngolwimi olungaziwayo. [“Hayi, ngolwimi.”] Uh-huh. Kuya kufuneka bathethe ku—kulwimi abaluvayo abantu, yabona, kuba “elowo weva ngentetho yakhe.”

¹¹⁸ Ngoku, ukuba ndamkela uMoya oyiNgcwele khona ngoku, ngokutsho . . . Ndithi . . . Ndiyakholwa ukuba kukho umzalwana omnye apha ofuna uMoya oyiNgcwele, ongu—u—uMzalwana uWood. Ingaba kunjalo, Mzalwana uWood? Andibhekiselelanga ekukubizeni, kodwa konke . . . singabazalwana nje apha kwaye sifuna ukuthetha oku. Kwaye ufuna ubhaptizo loMoya oyiNgcwele. Ngoku, ukuba uMzalwana uBanks wamkela uMoya oyiNgcwele phaya, indlela eyiyo, ukuba waWawamkela ngokweBhayibhile, wayeyakuphakama phaya, ayithethe, ubeyakuyithetha ngesiNgesi, athi, “UYesu Kristu uNyana kaThixo uvukile,” wayethetha ngesiprofeto esivuthayo esixela oko. “Ndiyazi ukuba Ukho, ngokuba Ungene nje entliziyweni yam. UnguNyana kaThixo! Izone zam zipheliile, kukho into eyenzekayo kum.” Yabona? Nantso ke. Oko kuthetha kwi . . .

“Kwenzeka njani na ukuba sibeve sonke ngabanye bethetha ngezakomawethu iintetho?”

¹¹⁹ Yithi, kungathini ukuba thina bantu base-Indiana sithetha ulwimi olwahlukileyo kubantu baseKentucky, kwaye uMzalwana uBanks ngummi waseKentucky? Kwaye bathetha ulwimi olwahlukileyo ngoko, kwaye apha siyazi ukuba wayengakwazi ukuthetha intetha yase-Indiana. Waze

waphakama phaya ethetha ngo—ngolwimi lwase-Indiana, kwaye uyazi ukuba akalwazi. Yabona? Kwaye simva ngolwimi lwase-Indiana, ucinga ukuba uthetha ulwimi lwaseKentucky. Uyangqina nje, “Makabongwe uThixo! UYesu uvukile kwabafileyo. Haleluya!” kodwa simva ngolwimi lwase Indiana.

¹²⁰ Leyo yindlela ekwakuyiyo ngoMhla wePentekoste. Yabona? “Siva njani wonke umntu,” yabona, “yabona, aba bonke bathethayo asingamaGalili na,” yabona, abantu baseKentucky? “Kwaye siyenza njani thina Indiana, Ohio, ne Illinois, neMaine, namaMassachusetts, namaCalifornia, sibeve ngolwimi lwethu esazalelwa kulo?” Niyafumana umbono? Yabona, yimpefumlelo. Yabona, yimpefumlelo kubo ukuba beve, yimpefumlelo kubo.

¹²¹ Yabona, umyalezo . . . eyona nto iyiyo, bubungqina bokuvuka kukaYesu Kristu. Yabona, injalo loo nto. Ngoku, ukuba uThixo akaphili obo Bomi kuwe, akunamsebenzi nokuba uyangqina kangakanani na ngaBo, awukayifumani. Yabona? Ilungile lo nto. Umhle kanjani . . .

¹²² Ingaba ukho omnye umbuzo ngoku? [UMzalwana uRoy Roberson uthi, “Ke, Mzalwana uBranham, ndiyacinga ukuba siyibonile loo nto isenzeka kumga wokuthandazela, laa ntombazana ithetha iSpanish.”—Mhl.] Ewe. Ilunge kakhulu, Mzalwana uRoy. Beku—kukanye apho ndiya khona ngoku, eBeaumont—eBeaumont. Ingaba yayiyiBeaumont? Ewe, mhlekazi.

¹²³ Ngoku, umga wokuthandazela wamiswa. Kwakukho intombazana encinane ethetha iSpanish eyenyukayo eqongeni. Ewe, ngokunyanisekileyo, ndiyakholwa ukuba bendiphuma, akunjalo? UHoward wayendikhupha, kwaye—kwaye oku . . . Ndi—ndi—ndimvile umntu othile elila, yayiyintombazana encinci ethetha iSpanish phaya, owu, malunga neshumi elinesihlanu, ishumi elinesithandathu leminyaka ubudala, kunjalo . . . umntwana nje. Kwaye—kwaye ndajonga, kwaye ibiyakuba likhadi lokuthandazelwa elilandelayo ukuba ndandiqhubekile. Ndandineqela phaya phezulu, wayeyakubalikhadi lokuthandazelwa elilandelayo. Nda thi, “Mziseni apha.” Ke bamnyusa bamzisa. Ndandisiya ngaphaya komnye umhlangano, ndathi, “Mnyuseni.”

¹²⁴ Ke, ndiye ndafumanisa, ndathi kuye into enje, “Ngoku, uyakukholwa? Ukuba uYesu uyakundinceda ukuba ndikuxelele into engalunganga kuwe, uyakukholelwa ukuba—ukuba Yena uyakukuphilisa?” Waze wayigcina iphantsi nje intloko yakhe. Ndandicinga ukuba usisithulu kwaye usisimumu. Yabona?

¹²⁵ Kwaye xana ndaphinda ndajonga, ndathi, “Hayi, akakwazi nje ukuthetha isiNgesi.” Ke baye bafumana itoliki yokuza apho, ndaza ndathi, “Uyakukholelwa?” Uye wawangawangisa umva . . . Ngoko wayenokuqonda esebenzisa itoliki, kakade. Yabona?

126 Ke, ngoko ndathi. . . Kwaye ndakhangela, ndabona umbono. Ndathi, “Ndikubona uhleli ecaleni kweziko lakudala kunye neketile enkulu ejingayo, izele zizikhwebu zombona otyheli. Wena o- . . .” Uyayikhumbula loo nto, Mzalwana uRoy? Ndathi, “Waty kakhulu loo mbona. Kwaye xa wenza njalo, wagula kakhulu kwaye umama wakho wakubeka phezu kwebhedi waze waqalisa ukuxhuzula.” Ndaze ndathi, “Uye waba nako ukusukela ngoko.”

127 Waza wajikela kumtoliki, wathi kuye ngolwimi lwakhe, “Bendinga ukuba akakwazi ukuthetha isiNgesi. . . okanye ukuthetha iSpanish!”

128 Waze wajika wajonga kum wathi, “Ubungathethi iSpanish, akunjalo?”

129 Ndathi, “Hayi.” Ngoko sajonga isishicileli, samisa isishicileli, yayisisiNgesi ngokupheleleyo.

130 Kodwa ngoko umtoliki wathi, “Undixelele ukuba utheni ngoko.” Yabona, kwafuneka afumane utoliko. Wathi, “Ndixelele ukuba utheni.” Waphinda wathetha kwaloo mazwi manye kuye, waza waphinda wawakhupha.

131 Ngoku, wandiva ngolwimi lwakhe awazalelwa kulo, kwaye ndandithetha isiNgesi. Wayiva ngeSpanish. “Kutheni na ukuba sibeve nje sonke ngabanye bethetha ngezakomawethu iintetho, esazalelwa kuzo?” Kwaye umntwana waphila. Yabona, yilonto, yimisebenzi emangalisayo kaThixo.

[Umzalwana uyabuza, “**Ngoko isitya esinoMoya oyiNgcwele asiyi. . . siya kuba sisitya nje, kwaye Lowo usigwalisayo unako ukusigwalisa ngoko Yena. . . ?**”—Mhl.]

132 Nantoni na Ayinqwenelayo, injalo lonto. Injalo ngqo. Kwaye ngoko khangela ukuba izaliswe yintoni na, ngoko uyazi okokuba unawo na uMoya oyiNgcwele okanye hayi, ngoko. Yabona? Jonga nje ukuba izaliswe ngantoni. Ukuba i—ukuba isitya sizaliswe bubumdaka, ayisiso isitya sikaThixo. Kodwa sizaliswe bubunyulu, ngoko sisitya sikaThixo. Yabona ukuba ndithetha ukuthini? [Umzalwana uthi, “Kwaye isitya, kukho amaxesha apho isitya siya kusetyenziswa kwaye singaziwa, singaziwa ngelo xesha yintoni, ukuba besisetyenziswa?”—Mhl.] Owu, ngokuqinisekileyo. [Umzalwana unika ubungqina.] Uh huh. Uh-huh. Injalo ngqo lonto, ngokuqinisekileyo. Owu, sonke, siyakubona oko. Ndikubone oko amatyeli amaninzi. Ewe, mhlekazi. Ewe, mhlekazi. Sonke si. . . Siyazi ukuba siqhelene nezo zinto.

Ndiyakholwa ukuba yayilinani lesine elo: **Ingaba bonke—ingaba bonke abantu abazaliswe nguMoya oyiNgcwele bathetha ngeelwimi kungekudala okanye kamva? Ndifumana apho uPawulos wathi, “Ndithetha ngeelwimi ezininzi kunabo—kunabo bonke.”**

Ngoku, into endiyicingayo ngoku, ukugqiba umbuzo womzalwana:

UPawulos, ethetha ngeelwimi ezininzi kunabo bonke.

¹³³ UPawulos wayeyindoda ehlananiphileyo, wayezazi iilwimi ezininzi, ngokwakhe. Yabona, wayenokuthetha nge . . .yena . . . Khumbula xa wayengena ematyaleni, wayenokuthetha ngolu hlobo lolwimi okanye olwa hlobo lolwimi, okanye nokuba yayiyintoni na. Kwaye ezo ziilwimi ezingaziwayo ebantwini, kodwa loo nto yayingeyompefumlelo. Yayizilwimi zokuthetha ezo, uyabona. Kodwa . . .kwaye . . .

¹³⁴ Kodwa ndiyakholwa ukuba umntu ozaliswe nguMoya ohlala phantsi kwesibingelelo sikaThixo, akukho ntandabuzo, kungekudala okanye kamva, uya kuba namava okuthetha ngeelwimi, kuba yenye yezona zinto ziphantsi nezincinci ezikhoyo ngokwenkcazo kaPawulos. Ukuba ungazibeka ngolungelelwano, yinto yokugqibela emgceni wezipho, yabona, kukuthetha ngeelwimi.

¹³⁵ Kodwa ngoku, kuqala, uyabhaptizwa . . .Nantsi, ke elowo kuni nizizipho. Ndingaphandle. Ngoku, “NgaMnyango mnye, Moya mnye,” umnyango omnye ungena *kweli* gumbi. Ingaba kunjalo? Ngoku, andinako ukungena *ngalo* ndlela, andinakukwazi ukuza *ngale* ndlela ndibuye *ngaley*a ndlela. Yabona? Ndingena njani *apha*? NgoMzalwana uRoberson? Hayi, mhlekazi. Ngo, ke, masithi, Mzalwana uLeo? Okokuba uyakuba sisiphiwo sokuthetha ngeelwimi, yabona, ingaba ndingena ngoLeo? Hayi, mhlekazi. Huh-uh. Ke, ndingena njani? “NgaMyango mnye, ngaMoya mnye.” UMoya awuzizo iilwimi wonke. Hayi. Yabona? Yabona, “NgaMoya mnye ndibhaptizelwa kulo Mzimba.”

¹³⁶ Ngoku, lo nguMoya, nonke nizizipho. Uthi, “Ewe, makabongwe uThixo!” Ndiza kudlula ndize, ndithi, nankuya—nankuya uMzalwana uWood, uyimimangaliso. Yabona? “Owu, ndenze ummangaliso. Ndiyazi ukuba ndinoMoya oyiNgcwele kuba ndenze ummangaliso.” Hayi ngamnye “ummangaliso” sonke sibhaptizelwe eMzimbeni.

¹³⁷ Yiya kuMzalwana uJunie ngoku, unolwazi, “Ke, ke, ndafumana ulwazi lweBhayibhile! Mfana, ndiyakuxelela, ndiyazi ukuba ndinoMoya oyiNgcwele ngenxa yoko.” Hayi, oko ayikabi yindlela yokungena.

¹³⁸ Kulungile. Hayi ngoMzalwana uLeo, hayi ngoMzalwana uWood, hayi—hayi ngoMzalwana Junie. Yabona? Hayi. Kodwa ngantoni enye? [Ibandla lithi, “Umoya!”—Mhl.] Kulungile. Ndibhaptizelwe kulo Mzimba, ngoku ndingena kuwo, ngoku uBawo uzakundisebenzisa phi? Yabona? Kwenzeka ukuba ibe nguLeo ehleli ngasemnyango; ngokungathandabuzekiyo le iya kuba yenye yezinto zokuqala ezenzekayo. Kodwa isenokungabi njalo. Ndisenokuba sisityebi ngakumbi eMoyeni, ndide ndiye

kuthi ga apha kuMzalwana Wood, ukugqitha kuyo yonke enye into. Awunakundixelela ngoku ukuba andinawo uMoya oyiNgewele, kuba ndikulo Mzimba ngobhaptizo. Kodwa uThixo akazange andizise apha ukuba ndithi, “Ke, makabongwe uThixo, ndiqikelela ukuba ndiza kuhlala phantsi ngoku, ndiyekelele, ndiya eZulwini.” Huh! Yabona ukuba ndithetha ukuthini?

¹³⁹ Kodwa ndingabuyela emva ukusuka apha, ndibuyele phaya emva. Yabona ukuba ndithetha ukuthini? Ndingasuka kwelinye icala ndiye kwelinye, okanye ndingene phakathi, okanye naphina. Kodwa into ethile iyakwenzeka, into ethile kufanele yenzeke. Kwaye yintoni? Ngobhaptizo loMoya kundibonisa ukuba ndiseMzimbeni, “NgaMoya mnye.” Uyakufumana okuya, mzalwana, apha? Kulungile! Yiloo nto? Kulungile.

112. Loluphi ulungelelwano iilwimi neziprofeto ekufanele lusetyenziswe ngexesha lenkonzo (Akufanelanga lusetyenziswa konke konke ngexesha lenkonzo! Yabona?) **ukuzukisa uThixo** (Hayi konke!), **nokwakha ibandla? Ndiyazi ukuba abantu bathi umoya womprofeti—Ndiyazi i—i—Ndiyazi i... (aba-...Ndiyaqikelela ukuba...Hayi, ndicela uxolo, kube kuyo “iBhayibhile,” B-h-a-y-i-b-h-i-l-e. Ndaqalisa a-b-a-n-t-u okanye into efana nayo. Hayi.) i—iBhayibhile ithi, “Umoya wabaprofeti uyamthobela umprofeti.”** (Ngqo.)

¹⁴⁰ Ukuthetha ngokomoya ngeelwimi nokuprofeta kukwakha ibandla, kodwa kunenkonzo yako. Yabona? Ayifanele ikhathaze okoko umprofeti webandla e... umhlangano ukulungelelwano. Yabona? Ayifanele iphazamise umhlangano.

¹⁴¹ Ngoku, yabona, “oomoya babaprofeti.” Si—sinomnye umbuzo ngoku, masikuyekele oko kuhambe umzuzu nje. Yabona, eyona ndlela ichanekileyo yezi...sebenzisa ezi zipho... Oku kukuphendula izipho ezininzi, uyabona. Xa sifika kuyo sizakuthi siyiphendule kule yokuqala, lomntu kule ilapha. Yabona? Elo linani lesihlanu:

Ingaba iilwimi neziprofeto ziya kusetyenziswa ebudeni benkonzo ukuzukisa uThixo?

¹⁴² Uyabona, ngoku, umlungiseleli...ukuba umlungiseleli uthanjiswe nguThixo, kwaye ibandla libekwe ngolungelelwano, ngoku, indlela echanekileyo...Abaninzi benu bayayazi ukuba ndinjani—Ndithethile kuni malunga “mayibekwe ngolungelelwano.” Ezi zipho zifanele...Ngoku, nantsi into esiya kuyenza emnqubeni, iNkosi ithandile. Ngoku, ndijongile, ndibona into ethile, ndishiya uMzalwana uNeville kunye naba abanye abazalwana apha bekulungelelwano. Ngoku ni... Kwaye xana uninzi lwaba bazalwana ngabazalwana abaselula.

¹⁴³ Ngoku, ndi—ndiligqala elidala ku—kuni nonke kule Ndlela. Ndineminyaka engamashumi amathathu ananye kOku.

Kwakumalunga namashumi amathathu eminyaka eyadlulayo ndalibeka phaya ela litye. Kwafuneka ndijongane nayo yonke into eyayikho ekwakufuneka kujongwene nayo, kwaye ngcono uyazi ukuba uthetha malunga nantoni, kananjalo, xa ufika kuyo. Kungcono ungayazi loo nto kuphela, kungcono kube nguThixo phaya ukuze ayixhase xa ufika—xana ugqibile ngayo.

¹⁴⁴ Ngoku, eyona ndlela iphumeleleyo yo—yokwenza oku ngoku, unokuba nentlanganiso ekhethekileyo. Ndiyakholwa yiloo nto abayenzileyo kwabaseKorinte bokuQala 14 apho, “Into ethile ityhilwe komnye ohleli ecaleni, makathi cwaka omnye ngoku.” Ndiyakholwa ukuba yayingu “umhlangano okhethekileyo wezipho,” oko kungalunga. Ukuba babefuna ukuba nomhlangano okhethekileyo apho bonke abantu abanesiphiwo badibana kanye ngeveki, benezipho, baze beze ebandleni, oko kungabe kulungile. Mababe nawo loo mhlangano, akukho . . . kungabikho kushumayela, ngowezipho zikaMoya.

¹⁴⁵ Asinguwo owabangaphandle nabangakholwayo. Bayakungena, bahlale phantsi, bathi. . . Omnye asukume ahambe, “ah-ah,” athethe ngeelwimi; omnye uthi, “wha-ah.” “Yintoni emhlabeni!” Bayakungena bathi, “Iphi ingoma? Iphi inxalenye yayo?” Yabona?

¹⁴⁶ Kodwa, ngoku, aba bathetha ngeelwimi, abaninzi babo (kunye nokutolika, njalo njalo) ziintsana kwiVangeli. Yabona? Musa—musa ukubakhubekisa, bayeke—bayeke bakhule de esa sipho. . . Okuthile kwayo, unokubona indlela uSathana azama ngayo ukuluka ukungena kwezinye. Kakade, amagqala, si—si—siyakubona oko. Yabona, singakubamba oko, kwaye uyakuyibukela.

¹⁴⁷ Apha kungekudala umlungiseleli othile, ohleli kanye apha ngoku, weza kum wandixelela kwaye waba nam ekhayeni lakhe, umzalwana oxabiseke kakhulu.

¹⁴⁸ Anditsho kuba ehleli apha, kodwa nonke ningabazalwana *abaxabisekileyo*. Ukuba andikhange ndiyicinge loo nto, bendiza kunixelela, “Masenze wena kunye nam silungise le nto phakathi kwethu, kuqala.” Yabona? Ilungile lo nto. Yabona? Ndiyanithanda nonke, kwaye ndilapha kuphela kumoya wonyamezelo kwiBhayibhile, uyabona, uku—ukunceda. Yabona?

¹⁴⁹ Lo mzalwana waba nam endlwini yakhe. . . umfazi othile, kwaye laa mfazi wayephosile. Kwaye oku. . . Andizange ndimbone umfazi kodwa ndayiva eteyiphini, yena enika ukutolikwa kweelwimi, kwaye exela into. Ubunokuyichola ngoko nangoko.

¹⁵⁰ Ngenye imini, komnye umlungiseleli, nam, kumntu omnye, sahlala phezu kwesiphunzi, sizingela oonomatse, saze sathetha ngayo. Kwaye bobabini abalungiseleli, abakhoyo ngoku, bayazi ukuba oko kwenzeka njani na. Yabona, nje, khangela.

¹⁵¹ Xa nina balungiselela nilungisa umntu malunga nesipho, xa niba lungisa, Nibalungisa ngokweSibhalo, baze bakhubeke, khumbula, ibingeguwo uMoya kaThixo, kuba uMoya kaThixo awunakukhutyekiswa liLizwi Lakhe. Uza kwiLizwi Lakhe. Yabona, uhlala ethanda. Ingcwele yokwenyani kaThixo ifuna ukuhlala emgceni. Ewe, mhlekazi.

¹⁵² Ndifuna ukulungiswa. Ndifuna uMoya oyiNgcwele andilungise kwizinto endizenzayo ezingalunganga. Andifuni nto ithatha indawo. Ndi—ndifuna into yokwenyani okanye akukho nto, ndiyeke nje, musa—musa ukundivumela ukuba ndibe nantoni na. Yabona? Kuba ndingathanda ukwenza oko kunokuba ndizise ungckivo kuKristu.

¹⁵³ Kwaye andiyikufundisa nantoni na kwaye andiyi kuthetha nantoni na ngaphandle kweSibhalo. . .

¹⁵⁴ Kwaye ukuba umzalwana othile, umzalwana othile ongumKristu angandibona ndifundisa into engalunganga, Ndingayivuyela into yokuba ungandibizela ecaleni emva kwenkonzo, aze athi, “Mzalwana uBranham, ndingathanda ukuza egumbini lakho ndize ndithethe nawe, ukwimpazamo kwinto ethile.” Yabona? Ngokuqinisekileyo ndiya—ndingayivuyela loo nto, mzalwana, kuba ndifuna ukulunga. Ndiyayifuna.

¹⁵⁵ Ngoku, sonke sifuna ukulunga, yiyo loo nto sifuna uku—sifuna ukuzithetha ezi zinto. Kwaye kufuneka ziphume eSibhalweni, uyabona, ukwenza iSibhalo sidibane.

¹⁵⁶ Ngoku, ukuthetha ngeelwimi kufanele ukuba kube njalo. . . Ngoku, emva kwexesha elifutshane. . .Ngoku, yiyeke ngoku, okwethutyana. Yabona, ndikucebisa ukuba uyiyike ihambe kwaye mayibe njalo. Kuni balungiseleli ngoku, nina belusi, yiyeke ihambe de ezi ntsana zikhule kancinane. Ngoku, mhlawumbi, kungekudala okanye kamva, ukuba lutshaba luzama ukulahlekisa la mntu, iyakubonakala. Asiqinisekanga kakhulu.

¹⁵⁷ Ngoku, emva koku, phambi kokuba uqale oku, fumana umoya othile wobulumko phaya, ukucalula okuthile koomoya, uyabona, ukufumanisa. Into yokuqala uyazi, Uqalisa ukuqaphela ukuba umntu othile uqalisa ukubona ukuba kukho into encinane engalunganga, oko kukucalula. Ngoko, kwaye uyiphathe okosana lonto okwethutyana. Yabona? Ngoko xa ubona ukucalula kuphosakele, ngoko kulungise oko. Kwaye ukuba oko. . .ukuba yekaThixo, uyakumelana nokulungiswa nge Lizwi. Yabona?

¹⁵⁸ Masithi, ngokomzekelo, ndizakuthi sathetha ngeelwimi, umntu othile, si. . .eli li—liqela lamadoda anesiphiwo. Waza uLeo waphakama wathetha ngeelwimi; ngoko, kwaye umzalwana apha, uWillard, anike utoliko. Kulungile. Ngoku, ndifuna ukuthi uMzalwana uNeville noMzalwana uJunie

noMzalwana uWillard Collins babengabacalulayo, yabona. Ngoku, kuba uLeo wathetha... Ngoku, silapha nje ngokufana nomhlangano omncinci wabangcwele, intlanganiso yesipho, kwaye uLeo wathetha waza uWillard wanikela utoliko apha, kwaye wathi, “ITSHO INKOSI! ‘NgoLwesithathu ebusuku kuza umfazi apha kwaye uzaku—uzakuba nobundlobongela. Xelela uMzalwana uBranham ukuba angamkhalimeli, ngokuba uphambene. Kodwa mxelele ukuba amse ekoneni, ngenxa yokuba kwakusekoneni apho wenza khona okungendawo ngasihlandlo sithile kwaza kwenzeka into ethile.” Yabona? Oko kuvakala kukuhle kakhulu, akunjalo? Yabona? Konke kulungile.

¹⁵⁹ Ngoku, kodwa into yokuqala, uyazi, kwiSibhalo esiDala, akunamsebenzi nokuba umprofeti wathini na okanye wayethini na omnye umntu, kwakuvavanywa nge Urim Tumim, kuqala. Yabona, yaya eLizwini. Kwaye ukuba ezo zikhanyiso azizange zidanyaze, babeyiyeka. Yabona?

¹⁶⁰ Kwaye into yokuqala, ngoku, masiyibuyisele eLizwini. Ngoku, *le* ndoda yathetha ngeelwimi, kwavakala konke kulungile. *Lona* watolika, kwavakala konke kulungile. Kodwa iLizwi lathi, “Mayigwetywe ngabagwebi ababini okanye abathathu, kuqala.” Yise kwiUrim Tumim.

¹⁶¹ Ngoku, into yokuqala, uWillard Collins uthi, “YayiyeyeNkosi.” UJunie uthi, “YeyeNkosi—Nkosi.” Ngababini kwabathathu. Kulungile, ibhalwe ephepheni, iyathethwa kanye apha kule nkonzo. Ngoku xana abantu abayibonayo ifundwa phambi kokuba yakhe yenzeka, baze emva koko bayibone isenzeka, bathi, “Mzalwana, nguThixo lowo! Yabona, nguThixo lowo!”

¹⁶² Kodwa kuthekani ukuba akwenzeki, ngoko kwenzeka ntoni? Yabona? (Ngoku siza kufikelela kwenye into endinokuyibetha apha, “Ingaba sonke sisiprofeto ngokupheleleyo...lonke utoliko nemiyalezo zisisiprofeto?”) Ngoku, umzuzu nje. Ngoku, ukuba akwenzeki? Ngoko *uLeo* uthethe ngomoya wobuxoki; *wanikela* utoliko olububuxoki; kwaye *ninikezele* isigwebo sobuxoki. Ngoko khupha lanto kuwe. Awukufuni okuya. Okuya akulunganga. Yiyeke. Ngumtyholi lowo. Yabona? [Indawo engenanto eteyiphini—Mhl.] “Andingomshumayeli, kodwa ndingu—ndingumtoliki. Yabona, ndingumtoliki, Nkosi, a—andingomshumayeli. Ndi...” UMzalwana *uLeo* uthi, “Nkosi, andingomshumayeli, kodwa ndi—ndinesiphiwo seelwimi kwaye umtyholi undiphazamisile kokuya. Thixo, yisuse kum loo nto.” *Wena* uthi, “Nkosi, Undinike umoya wokucalula, kwaye ndikubonile Wena ukwenza amaxesha amaninzi, Ingaba yenzeke njani? Bawo, ndicoce! Kwenzeke ntoni?” Uyabona, nantso ke, ngoko uyifumene ngokwenene.

¹⁶³ Yabona, yintlanganiso yesiqhelo yabangcwele leyo. Ndingcinga ukuba koko yayikuko eBhayibhileni, kuba uPawulos wathi,

“Ukuba ubani uyaprofeta, kuze kuprofetwe okuthile, into ethile i...kwaye kutyhileke into kulowo uhleliyo; makathi cwaka ade athethe lo kuqala, emva koko angathetha. Kwaye *nonke* ningaprofeta ngamnye ngamnye.” Ngoku, oko kungaba kwinkonzo eqhelekileyo, niyakwazi oko, mntu ngamnye ebengenakupha.

¹⁶⁴ Ngoku, ukuze uqiniseke ukuba yekaThixo, yabona, kuba ukuba ibubudenge asiyiyo ekaThixo. Ukuba ayenzeki, asiyiyo ekaThixo. Yabona? Imelwe kukwenzeka. Kwaye—kwaye ke ngoko emabandleni ethu, uyabona, mzalwana, sinebandla eliqinileyo ngoku, yabona, apho kungekho mntu unokutsho nantoni na ekhe yathethwa okanye yenziwe. . .

¹⁶⁵ Jonga into endibeka phambi kwayo, xa ndiphaya phezulu phambi koluntu. Jonga koko! Kuthekani ngempazamo enye kokuya? Yabona? Ngokuba ndiyamthemba Yena. Yabona? Ndiyamthemba Yena. Umntu othile uthi, “Woyika impazamo, Mzalwana uBranham?” Hayi, hayi, uh-huh, andoyiki mpazamo. Ndiyakholwa kuYe. UluKhuselo lwam. Ndimiselwe ukwenza oku ke ndiyakuhlala kanye phaya.

¹⁶⁶ Ukuba uThixo ukumisele ukuba wenze into ethile, ngoko Yena uluKhuselo lwakho. Yabona, Uya kukukhusela. Ukuba Ukuthumile, Uya kukulixhasa ilizwi lakho. Ungunozakuzaku ngoko. *Ungunozakuzaku* onesiphiwo seelwimi; *ungunozakuzaku* onesiphiwo sokucalula; *ungunozakuzaku* onesiphiwo sokucalula; nobathathu kuni. Yabona ukuba ndithetha ukuthini? Ngoko yintoni oyifumeneyo? Unebandla eliqinileyo. Ubungayi koyika. Ukuma, ehe, hayi ngaphezulu kwayizolo. . .

¹⁶⁷ Apha, bendikwinkonzo apha ezantsi. Inkwenkwe endala eliNgesi encinane evela eNgilane yeza apha, yayizama ukuzibulala. UMzalwana uBanks weza apho wathi, “Wayehleli apho ezantsi iintsuku ezine okanye ezintlanu.” Ndandinezinto ezininzi ekufuneka ndizenze, kodwa wathi, “Inkwenkwe iza kuzibulala.” IHotele yaseWaterview phaya ezantsi yayindixelela ngemeko yalaa mfana.

¹⁶⁸ Ndaza ndaya egumbini ukuze ndimthandazele. Ndabuya ndaphuma ndathi, “Ngoku, Mzalwana uBanks, andizange ndayibona le ndoda okanye ndazi nto ngayo, kodwa ndiza kukuxelela yintoni engalunganga ngaye ngaphambi kokuba ndifike aphaya.” Ingaba kunjalo, Mzalwana uBanks? Sathi sakufika phaya, uMoya oyiNgcwele wehla waza kanye wamxelela into eyenzileyo nako konke malunga naye, nalapho ebekhe wakhona nako konke malunga nobomi bakhe. Wawa nje, phantse.

¹⁶⁹ “Uyayoyika impazamo, Mzalwana uBranham, uxelela indoda into elolo hlobo?” Kungathini eqongeni, uxelele indoda ukuba iphila ngokunganyanisekanga kwinkosikazi yayo, ifumene umntwana ngomnye umfazi? Uya kukuphosa

entolongweni. Kungcono ulunge! Yabona? Yabona? Musa ukoyika, ukuba nguThixo. Kodwa ukuba awoyiki. . . Ukuba—ukuba awuyazi ukuba nguThixo, ngoko hlala uzolile ude wazi ukuba nguThixo. Ingaba oko kulungile? Qiniseka ukuba ulungile kwaye emva koko uqhubeke.

¹⁷⁰ Ngoku, le yimfundiso enzima, mzalwana, kodwa ningabazalwana bam. Ni—ni—ningabalungiseleli abatsha abasazayo, kwaye ndiyindoda endala, ndizakuhamba ngolunye lwezi ntsuku. Yabona? Kwaye ke qiniseka ukuba i—ilungile.

¹⁷¹ Ephuma kwigumbi lika. . . Mhlawumbi ndiza kubamba oku kamva apha phezulu. Inkwenkwe. . . Ke, ndiza kuthetha inxalenye yayo ngoku. Izolo, uMzalwana uBanks kunye nam, sixakeke ngenene, besi (owu, bethu) nzima kangangoko bendinako, kwaye ndiza—ndiza kukuxelela oko bendizakwenza kulomhlangano. U-Leo noGene kunye neqela lethu lalizakuya ngaphaya, kunye nabazalwana, sithi besisiya kuzingela iihagu, sizingele iingulube. Baneentsuku ezintlanu zokuzingela iihagu zejavelina, e-Arizona, emva kokuba uphelile umhlangano, umhlangano wethu uyavalwa. Siya ePhoenix usuku olunye, kwaye kufuneka silinde iintsuku ezintlanu ngaphambi kokuba sibe nomnye, kwiintsuku ezine phambi kokuba babe nomnye umhlangano naphi na. Simelwe kukuba sibe phaya kanye e-Arizona. Ke, kwenzeka kanye kube kanye kwela xesha lehagu ijavelina livuliwe.

¹⁷² Ke bendifuna ukuya kukudubula umpu omncinci wam ungene, ukubona ukuba ulungile na. UBhanks wayehamba nam. Saqala sayokuphuma ngesango, sayokuphuma ngesango. Naku kusiza indoda ingena kanye, phezu kola phawu (yabona, lathi, “Nceda ungabuzisi ngoMzalwana uBranham”).

¹⁷³ Yabona, isizathu sokuba benze loo nto. . . ayenzelwanga abantu abagulayo. Bethu, kwaye endlwini, buza uBanks, uhlala ecaleni kwam. Abantu bayeza, imini nobusuku nayo yonke enye into, nabantwana abagulayo, yonke into. Asizange sajikisa umntu ngolwahlobo. Kodwa. . .

¹⁷⁴ Kwaye bandibiza, uLeo kunye nabo, ababelapho phandle kwinqwelo erhugwayo, kunye noJim kunye nabo, “Kukho umntu apha onosana olugulayo. Kwaye indoda ilapha enomhlaza.” Sibeka ecaleni yonke into kwaye sithathe uhambo ukwenzela yona.

¹⁷⁵ Phezolo ndibizelwe kwigumbi lasesibhedlele apho umntu othile undibizile, kwaye indoda ibingayi kundivumele ukuba ndingene emva kokuba ndifikile. Yabona, omnye umntu usuke wachukumiseka. Kodwa oko kulungile, ndiyahamba nakanjani. Yabona? Kuba luxanduva lwam ukuya, yabona, kwaye ndizame ukunceda umntu othile.

¹⁷⁶ Ke, asikuko oko olwa phawu lumele kona. Kodwa le ndoda, kanye njengoko besingena emotweni, kwaye uMzalwana uBanks

uyazi ukuba ndimelwe ku...Ndalinda kuloo ndlu ngandlela thile. Kwakukho umntu othile owangenayo kuMzalwana uBanks owambambezelayo. Kwaye kungekudala ndifika phaya, ndabanjezelwa. Emva koko njengoko sabamba umpu wethu saqala ukungena emotweni, naku kusiza indoda ingena kanye. Yenyukela phaya.

177 Kwaye ndandilungiselela ukumxelela aphume ayofowunela la nombolo phandle phaya (e-Butler 2-1519) ngaphaya kwelo phawu. [Inombolo yomnxeba itshintshiwe.—Mhl.] Ndathi, “Singxamile.”

Wathi, “Ndicinga ukuba ungxamile, mhlekazi.”

Ndathi, “Igama lam...”

178 Kuqala ndenyukela, wathi, “Uphila njani?” Ndaye ndabona ukuba akandazi ukuba ndingubani.

Ndathi, “Igama lam ndinguBranham.”

Wathi, “UnguMzalwana uBranham?”

Ndathi, “Ndinguye.”

179 Waze wathi, “mna ndi—mna... bendifuna ukudibana nawe, Mzalwana uBranham.” Wathi, “Ndiyabona ukuba ulungiselela ukuhamba.”

Ndathi, “Ewe, mhlekazi, ndinguye.”

Wathi, “Ndiyazi ukuba ungxamile.”

Ndathi, “Ndinjalo kanye ngoku, mhlekazi.”

180 Waze wathi, “Ke, bendifuna nje ukuthetha nawe imizuzu embalwa.”

181 Kwaye bendizakumxelela nje; waze wathi uMoya oyiNgwele, “Mse egumbini, ungamnceda.” Ngoku, phaya, oko kuguqula yonke into. Umpu ubekwe ecaleni nje, kunye nayo yonke into ngolohlobo, umsebenzi kaThixo ungowokuqala. Yabona? Uye wathi...

182 Ndathi, “Yiza, hamba nam.” Ndathi, “Ndizakubuya ethubeni, Mzalwana uBanks.”

Wathi, “Imalunga nomphefumlo wam, Mzalwana uBranham.”

Ndathi, “Kulungile, ngena.”

Ndangena endlini, uMeda wathi, “Awukahambi?”

183 Ndathi, “Hayi, hayi, hayi, ngumntu olapha phandle.” Ndathi, “Geina abantwana emva kwelinye igumbi.” Ndamthatha ndaya naye kwigumbi elincinane, ndahlala phantsi. Kungekudala ndahlala phantsi...

184 Laa ndoda ibisenkonzweni phezolo. Okanye ingaba uye weza, Banks? Ukhe wa...Ehe, ke, ebeza kufika phezolo. Waye nje...

¹⁸⁵ Into yokuqala, uMoya oyiNgcwele waqalisa ukuyixelela ukuba yayingubani na, oko yakwenzayo, okwenzekayo ukuhla kubomi bakhe, yonke into malunga naloo nto, yabona, ukuqhubela phambili nje, emxelela yonke into. UBanks lingqina. Akazange awuvule umlomo wakhe waza wathetha kuphela malunga namazwi amabini kuphela kum; kwaye nantso Usiza umxelela, wathi, “Ukhe wasisibhadubhadu, uhlala eMadison ngokwenene. Uvela nje e-Evansville, e-Indiana. Ubukhe waya phaya ezantsi kwesi sikolo seBhayibhile, indawo enqula umntu, waphixaniseka. Usanda kufika eLouisville kwimizuzu embalwa edlulileyo. Kwakukho indoda, kwaye indoda yakuxelela (ukuba uhlale udle nayo), yakukuxelele ukuba uze apha uzokundibona kwaye ‘ebeya kukukhulula engxakini.’” Ndathi, “Lowo ngu ITSHO INKOSI!”

¹⁸⁶ Lomntu yahlala nje, iqhwanyaza amehlo indijongile yathi, “Ewe, mhlekazi!”

Ndathi, “Ukothusile, akunjalo?”

Yathi, “Yenjenjalo.”

Ndathi, “Uyakholwa nguMoya oyiNgcwele?”

Yathi, “Ndiyafuna, mhlekazi.”

¹⁸⁷ Kwaye ndathi, “Ufuna ndikuxelele ukuba ucinga ntoni?”

¹⁸⁸ Yathi, “Ewe, mhlekazi.” Ndaze ndamxelela. Wathi, “Kwaye, mzalwana, yinyaniso leyo.”

Ndaze ndathi, “Guqula iingcinga zakho.”

Yathi, “Kulungile, ndiyenzile.”

Ndathi, “Yile nto ucinga malunga nayo.”

Yathi, “Injalo lonto! Injalo lonto!”

¹⁸⁹ Ndathi, “Ngoku, awudingi mbono, udinga nje ukulungiswa.” Kwaye ndayixelela into phaya obungenakufuna ndiyixele. Ukuba ibikuwe, ubungayi. Yinto embi eyayisoyikeka, ngoko ubungenakufuna ndiyixele ukuba ibiphezu kwakho. Kwaye andikuchazi oko iNkosi indibonisa kona ebantwini. Ke ndasuka ndathi, “Kulungile, uya kuyenza?”

Yathi, “Ndiyakuyenza.”

Ndathi, “Yiba sendleleni yakho.”

¹⁹⁰ Sasilapho malunga kungekho ngaphaya kwemizuzu elishumi, yayingenjalo, Mzalwana uBanks? Malunga, phakathi kwesixhenxe nemizuzu elishumi. Ndabuya ndaphuma, ndabuya ndehla ngendlela, kwaye ukwehla ngendlela, yena kunye nam noBanks kunye nenkwenkwe yam encinci, uJoe, Ndiyakholwa ukuba yayiyiyo, sikhwele kunye, sisihla ngepike. Wajika weza kum, wathi, “Mnumzana, ndifuna ukukubuza umbuzo.”

Ndathi, “Kulungile.”

191 Yathi, “Ndibhidekile kancinci.” Yathi, “Uyazi njani yonke laa nto ikum?” Yabona? UBanks wayehleli phaya.

192 Kwaye ndathi, “Mnumzana, ingaba wakhe weva ngemibono yam nolungiselelo lwam?”

193 Wathi, “Andizange ndilazi igama lakho kwade kwamalunga neyure eyadlulayo. Umntu othile wandixelela, wathi nje ngaphaya eLouisville, wandixelela mandize ngapha, kwaye ndahamba ndawela ibhulorho.” Ingaba kunjalo, Banks? Wathi, “Andizange ndilazi negama lakho, ndikwazi ukuba ungubani na.”

194 Ndathi, “Kubulungiseleli bam, sisipho sikaThixo Awasithumelayo.”

195 Wathi, “Ngoko ukuba leyo yi—leyo yindlela e,” wathi, “ngoku ndi. . .” Wathi, “Nje ndonke ndi. . .ndiphilile ngoku,” wathi, “yonke into imkile.” Yabona? Wathi, “Into ekuyiyo, ibinguThixo othetha ngawe kum.”

Ndithe, “Ngokuchanekileyo.”

196 Wathi, “Ngoku, ndiyayiqonda eBhayibhileni. . .Ngelinye ixesha ndafunda eBhayibhileni ndaza, ndathi, UYesu wathetha nabafundi Bakhe,” awayethetha “abantu,” uyabona. Wathi, “Wathetha nabafundi Bakhe waza Wabaxelela izinto ababecinga ngazo.” Yabona, “ezazi iingcinga zabo” yile nto wayefika kuyo. Wathi, “Kwaye Wathi yayinguYise Wakhe lowo wayethetha ngaYe.”

Ndathi, “Injalo loo nto.”

197 Wathi, “Ngoku, ngoku, uBawo ngoko usebenzise nje wena ukuthetha ngawe kum, ukundixelela ezi zinto, ukundenza ukuba ndikholelwe oko uthe wandixelela kona yayiyinyaniso.”

Ndathi, “Ingaba yayiyinyani?”

Yathi, “Ewe.” Wathi, “Ngoko kufanele ibe nguThixo.”

198 Ndaze ndathi, “Mzalwana, wazi ngakumbi ngayo ngoku” (mna noBanks besithetha) “kunabanye ababesemhlanganweni iminyaka elishumi kodwa abakazi.” Nje laa—laa ndoda! Ngoku, okuya koko kukuko. Yabona?

Kwaye uMoya (ngolungelelwano) ngeelwimi sisiprofeto sokusetyenziswa ngexesha lenkonzo?

199 Hayi. Kufuneka isetyenziswe *ngale* ndlela, ize *ixelwe* enkonzweni. Kodwa okwelixesha, okweli xesha langoku, mabathethe. Ngoku, ukuba iyaphuma esandleni, ngoko ayinjalo, kufuneka uyijonge loo nto. Ngoku, ngamanye amaxesha inokuba nguThixo. Kwaye abo bafo bancinane, kanye njengomtwana omncinane ozama ukuhamba, ngoku, ukuba uthe wawa phantsi kane okanye kahlanu. . . Ngoku, ndikubonile oku okoko ndilapha ebandleni, kwaye—kwaye, ke, ndiza—ndizoyishiya kanjalo. Yabona? Kwaye, kodwa, uyabona, kodwa kuthekani

ngayo, unokuthi ngoko, “Mzalwana uBranham, kutheni ungalungisanga nje oku?” Hayi hayi.

²⁰⁰ Xana uBilly Paul phaya emva waqala ukuhamba, wayenyuka esihla, kwaye ezantsi ngaphezu kokuba wayephezulu. Kodwa wayengakwazi ukuba kuhanjwa njani. Kodwa ndiyakholelwa ukuba wayenesiphiwo sokuhamba. Yabona? Ndamyeka wahamba kancinci. Kwaze kwathi xa ekhubeka iinyawo zakhe ezinkulu, ndiyamxelela ngayo ngoku. Uyabona ukuba ndithetha ukuthini? Yabona? Hamba ujonge enye into kwaye ungene kwenye into, ndithi, “Phakamisa iinyawo zakho, nkwenkwe. Ingaba uphi?” Yabona? Ngoku, lowo—lowo ngumahluko, uyabona.

²⁰¹ Ngoku, bayeke—bayeke bakhubeke ubayeke bavalele umzuzwana. Ngoku, xa kufuneka ubalungise, ukuba bayaxhathisa ngoko uyazi ukuba yayingengoThixo. Kuba uMoya kaThixo uyalawuleka. Njengoko ufike apha kancinci, “Umoya wesiprofeto uyamthobela umprofeti.” Yabona? Injalo lonto.

[UMzalwana uStricker uthi, “**Mzalwana uBranham, ndingathanda ukulungiswa okuthile.**”—Mhl.] Kulungile, mzalwana. [**“Amaxesha amaninzi ndihleli ezinkonzweni kwaye ndive ukuthetha ngeelwimi nokutolikwa, kwaye amaxesha amaninzi ndiye ndeva kakubi kakhulu ngayo. Kwaye ndiya ekhaya kwaye bendiyakubonakala ngathi bediyakuguquke yonke indlela. Ingaba kwakungenxa yokuba ndandivakalelwa kukuba yayingeyiyo ekaThixo, okanye kungenxa yokuba yayingekho kulungelelwano?”**]

²⁰² Yayisenokuba, mzalwana, yayisenokuba yiyo nayiphi na enye. Yabona? Bendiya kuthi. . . Ngoku, oku—lo nguWilliam Branham, yabona; ndide ndingene eSibhalweni, ngokuba, isendim, uyabona. Ngoku, oku ndingakutsho, Mzalwana uStricker, ukuba inokuba yenye. Kusenokwenzeka ukuba yayingekho kulungelelwano; kusenokwenzeka ukuba yayiyinto engalunganga kuwe; kusenokwenzeka ukuba kwakukho into engalunganga emntwini; into engalunganga ngomyalezo; okanye nantoni na enokukwenza *uzive* kakubi.

²⁰³ Ngoku, ngoku, mandikuncede nje kancinane, Mzalwana uStricker, apha. Yabona? Ngalo lonke ixesha. . . Ungaze ugwebe nantoni na ngeemvakalelo zayo, uyabona. Yigwebe ngeempawu-zevelo zayo, uyabona; nokuba yintoni na isiqhamo esivelisayo, uyabona. Ngokuba ngamanye amaxesha. . .

²⁰⁴ Kakade, siyaqonda ukuba kukho izinto ozivayo ngokuvakalelwa, olo vakalelo lumbi. Ndiyayifumana ngokwam, kwaye, nkwenkwe, ndiqala ukuhamba kanye—kanye ngokulula, uyazi. Kodwa andithethi nto. Yiyeke nje kuba andazi ukuba inokuba yintoni na, uyabona, ndide *ndiyazi* ukuba yintoni na.

²⁰⁵ Ngoku, njengokuba abantu abaninzi bathi, “Whew! Mzalwana, ndiyazi ukuba ndinoMoya oyiNgcwele! Haleluya!

Makabongwe uThixo!” Kwaye babengekabi nawo uMoya oyiNgcwele. Babenokuthetha ngeelwimi, nayo yonke enye into, kwaye bakhwaze baxhentse bekuMoya, kwaye futhi bengekabinawo uMoya oyiNgcwele. Ngokuba imvula inela amalungisa nabangemalungisa. Akungamvakalelo, kungesiqhamo zabo.

206 Yithi kukho i...Uyawukhumbula umbono wam wokuya? Injani okuya...KumaHebhere i-6, uyabona, “Imvula eza futhi phezu komhlaba yeyokuwunyakamisa, othiwe jize ngemithi, imithana enameva neenkunzane ezikufuphi nokugatywa esiphelo sawo kukutshiswa.”

207 Uxolo, ndiza kungenisa umoya omncinci, ndiyazi ukuba nonke niyozela kwaye nidiniwe. Ke ngoku, linda, kuza kufuneka ndikhawuleze ndigqithe ezi zinto ngokukhawuleza okanye andizukuzifumana. Oku kuye kwenzeka...Simalunga nesiseko sa-sako konke kwayo, apha kanye kweligcuntswana apha. Kodwa baya...Yabona, i...

208 Nantsi i—intsimi ezele yingqolowa. Kwaye kuloo ntsimi kuhlwayelwa ukhula lwejimson, ikhakakhaka, okanye nantoni na enye, ukhula. Ke, imbalela iyaqhubeka. Ngoku, ngaba ukhula lwejimson kunye nekhakakhaka alunxanwa kanye njengengqolowa? Kwaye hlobo luni lwemvula e...imvula ekhethekileyo iwela ingqolowa kuze emva koko kugaleleke imvula ekhethekileyo kwi- khakakhaka? Ingaba kunjalo oko? Hayi, kwaloo mvula inetha kuyo. Ingaba kunjalo oko? Kwaloo Moya mnye uwele kumhanahanisi owela kumKristu, into ekwanye. Kodwa ngezi “qhamo” zabo! Ingaba oko kuyazika, bazalwane?

209 Ubungqina bukaMoya oyiNgcwele sisiqhamo saWo, isiqhamo soMoya. Ke, yona...Ke, ngoku, uthi, “Ndisisiqu, ndilikhakakhaka. Ndisisiqu ngokufanayo nalaa ngqolowa isisiqu.” Kodwa hlobo luni lobomi obukuwe? Ubomi obukuyo buthwele izincamathelisi, soloko uxambula kwaye usika, kwaye, “ngxola,” ukhohlakele kwaye ugula, nayo yonke into. Yabona ukuba ndithetha ukuthini? Ikratshi, yabona, ayisisiqhamo soMoya eso. Isiqhamo soMoya bubulali, umonde, ububele, yabona, konke oko. Yabona?

210 Unokuthi, “Ke, ndingakhwaza nje kangangoko unako. Makabongwe uThixo, uMoya oyiNgcwele uwela phezu kwam!” Isenokuba yinyaniso yonke le nto yinyaniso, kodwa ubomi abuphilayo abuyixhasi le nto athetha ngayo. Yabona? Wayelukhula, wayelukhula indawo yokuqala.

211 Ngoku, sehlela kumbuzo omkhulu ngoku, yabona, *kulonyulo*, uyabona. Ke oku ku...Kufuneka ube kokuya. Uyakuqonda oko.

212 Yayingamakhakhaka indawo yokuqala; wa yeyingqolowa ukuqala. Ngoko imbalela yayiqhubeka; imvula yana kwabalungileyo nabangengamalungisa. Kulungile, uyifumene?

[Umzalwana uyabuza, **“Uthini ngeziqhamo zomshumayeli, ingaba loo nto . . . oko kukushumayela iLizwi?”**—Mhl.]

213 Ukuba, umshumayeli, nangoko, ukuba wema apho washumayela iLizwi njengeSiphatha-zithunywa, yabona, waqonda iimfihlelo zeBhayibhile, waza wenza umalusi olungileyo kakhulu, wahamba watyelela abantu nezinto ezinjalo, wayesenokulahleka. Yabona? Sisiqhamo sakhe esithetha ngalo lonke ixesha, mzalwana. Yabona? Yena, kungakhathaliseki ukuba ulunge kangakanani na okanye uyintoni na, kufuneka abe noMoya oyiNgcwele ebomini bakhe. Yabona?

214 Ngoku, uYesu akazange athi, “Baninzi abaya kuza kum ngaloo mini, bathi, ‘Nkosi, andizange ndaprofetha na (ukushumayela) eGameni Lakho, kwaye ndenza imimangaliso eGameni Lakho?’” Wathetha ngeelwimi, wenza imimangaliso, wanikela utoliko, izinto ezifihlakeleyo zikaThixo, nazo zonke ezo zinto phaya; Wathi, “Mkani kuM, nina basebenzi bokungendawo, Andizange ndanazi.” Yabona ukuba ndithetha ukuthini?

[UMzalwana uTaylor uyabuza, **“Uthini ngendoda ezisa u—umyalezo ongalunganga? Ndithetha u—ucinga ukuba unyanisile kodwa ushumayela okungalunganga.”**—Mhl.]

215 Ke, ndiyakholwa ukuba loo ndoda inyanisekile, njengomzalwana ohleli apha obefuna ukubuyela emva kweyakhe . . . landelela ezi zinto ngolwahlobo. Ukuba loo ndoda yonyuliwe nguThixo, kwaye yakhe yaziswa phambi kweNyaniso, iyakwenza—iyakuYiqonda. Yabona, “Izimvu zaM ziyalazi iLizwi laM.” Uphantsi- . . . Yabona ukuba ndithetha ukuthini, Mzalwana uTaylor? Yilento ubuthetha ngayo? Yabona?

216 Ngoku, umzekelo, yithi uMzalwana uCrace—Crace—Crace, yithi wayengumshumayeli waseBhaptizi kwaye akazange azi nto ngobhaptizo loMoya oyiNgcwele, engazi nanye yezi zinto, iziphso zoMoya, kwaye wayengumshumayeli olungileyo, othembekileyo waseBhaptizi. Yabona? Kodwa into yokuqala uyazi, Oku kuza phambi kwakhe. Kwaye ndiyakholwa ukuba wonke umntwana kaThixo uyakuba . . . sonke isigaba siyakuloba Ade amfumane. UBukumkani abunako ukuza de iNtando kaThixo ibe yenziwe. Injalo lonto. Kwaye akukho namnye uya kutshabalala, uyabona. Ngoku, yabona, nantso indlela.

217 Kwaye uBukumkani baMazulu bufana nomntu, ephosa umnatha elwandle, waze wawukhupha. Wathi ke akuba nako, waba nazo zonke iintlobo. Wazigcina iintlanzi, aza amafudo namafudwazana abuyela emanzini. Waphinda wayijula, wafumana okunye okuthile, mhlawumbi wafumana intlanzi

enye. Kodwa Yena waqhubeka eloba kwada kwakhutshwa konke. Yabona ukuba ndithetha ukuthini ngoku?

²¹⁸ Kodwa laa ntlanzi yayiyintlanzi ekuqaleni. Yayibekwe nje kusetyenziso lweNkosi, kwakuphelele oko, yibeka ngaphaya kwelinye ichibi apho kwakungcono, kucace ngakumbi. Kodwa Wayesaloba kweli chibi lamasele wade Wakhupha zonke iintlanzi ibass kulo. Yabona ukuba ndithetha ukuthini? Uyayifumana into endiyithethayo, Mzalwana uTaylor. Umelwe kukwazi ngelakho phaya phezulu.

Kulungile, ngoku:

113. Ingaba lowo u...Ingaba lowo ngalo lonke ixesha unolawulo kuMoya malunga nokuba makenze nini kunye nanjani?

²¹⁹ Ewe, mhlekazi. Ewe, mhlekazi, uMoya oyiNgcwele uyalawula. Ewe, mhlekazi. Unolawula kuwe kwaye unolawulo lwaWo, kwaye Awunakuze ukwenze wenze nantoni na echasene neSibhalo. Uyakwenza...“UMoya awuziphathi ngendlela engafanelekanga.” Injalo lonto. Kulungile.

²²⁰ “Ngokusuka kulowo ukuthandayo...” Ehe, oko—oko kukule ndawo. Kulungile, ngoku sizakutsibela komnye apha kwaye sibone ukuba siphi na.

²²¹ Ngoku, ndicinga ukuba oko bekunesiseko. Ngoku—ngoku, xa ndibiza ezi ngoku, ukuba kukho umbuzo...Ingaba ubusekho umbuzo malunga noku? Sonke siyayiqonda? Siyayiqonda indlela esiLikholelwa ngayo ngoku?

²²² [Umzalwana uthi, “Ndinombuzo omnye.”—Mhl.] Qhubekela phambili. Kule nto ilapha? Kulungile. [“Ewe, kulowa phaya. Ndikhe ndathandabuza, kodwa...”] Musa ukuthandabuza, oku yi—oku yi... [“Ubuthetha ngendoda eshumayelayo, kwaye ukuba ayishumayeli uMyalezo athe wawuzisa uKristu, nokuba yintoni eyenzekayo kulungiselelo lwayo. Xa athi adibane neNyaniso aze aYale, ngoko yintoni?”] Ulahlekile. Uxolo umzuzu nje... [“Bendibhekisa ku ukumiselwa kwangaphambili okanye ukumiselwa ngaphambi kokusekwa kwehlabathi.”] Injalo lonto. Injalo lonto. Yabona? [“Emva koko, njengoko kwakunjalo, wayengayi kuba ngala ndlela?”] Kwakungayi kuba njalo ekuqaleni, yabona. “Baphuma kuthi kuba babengengabo abethu.”

²²³ Umzekelo, ngolu hlobo, yinto enye kumaHebhere 6. Yabona? Abantu basitolika kakubi eso Sibhalo kakhulu, bacinga ukuba “akunakwenzeka.” Wathi, “Akunakwenzeka kwabo bakhe bakhanyiselwa kwaye benziwa amadlelane kuMoya oyiNgcwele, ukuba bathe bakreqa.” Yabona, abaYifumani nje. Uthi, “Akunakwenzeka kwabo bakha bakhanyiselwa kwaye babenesabelo kuMoya oyiNgcwele, ekubeni bathe babanokukreqa ukuba bahlaziyelwe enguqukweni kwakhona, bebona bazibethelelela kwakhona uNyana kaThixo

kwaye baMhlaze ekuhleni; balibalela iGazi lomnqophiso Awabethelelwa ngalo emnqamlezweni 'into engcolileyo,' wayigxeka imisebenzi yobabalo."

²²⁴ Ke, kum, sisityhilelo. Ngokuqinisekileyo. Kufana nje neZenzo 2:38, kunye neZenzo. . . nakuMateyu 28:19. Kufuneka nje uYibambe, uyabona.

²²⁵ Ngoku khangela, nantsi, into ekwanye. Ke, ngoku, uthetha kumaHebhere. Yabona? Ngoku funda ukwehla kuso sonke isahluko, kude njengoko beqhubela phambili bathi, "Kuba yinto eyoyikekayo ukuwela kwi—kuwela ezandleni zoThixo ophilileyo." Ngoku, nantsi indoda efana nela kholwa lisemdeni. Apha, apha iyi. . . Apha, into enye yayilapha, umzekelo oqgibeleleyo ndiwubona engqondweni yam.

²²⁶ UThixo wawabiza amaSirayeli ukuba aphume eYiputa. Bonke aba bantu baphuma, bonke ngabanye bahlangulwa, bawela kuLwandle oluBomvu bangena entlango. Ingaba kunjalo oko? ULwandle Olubomvu. . . Bakuba belungele, baphulaphula umyalezo kaMoses, baqalisa ukumatsha, (ukugwetyelwa) bajika, baqala apha.

²²⁷ Beza kuLwandle oluBomvu, (iGazi), baluwela uLwandle oluBomvu, yaye emva kwabo bonke abaqhubi babo babelele, befile. Babemalunga neentsuku nje ezintathu ukusuka kwilizwe ledinga kanye ngoku. Yabona? Yiloo nto kuphela ababeyayo, ngaphantsi kwamashumi amane eemayili, yabona. Ke nabaya phaya, iintsuku nje ezimbini bezinokubabeka apho kakuhle.

²²⁸ Oko koko endijonge ukukushumayela ePhoenix kwiintsuku ezimbalwa ukusuka ngoku, kwinkonzo yaMadoda angooSomashishini, *Ukuhlala kule Ntaba*. Kodwa Wabagcina kanye apho iminyaka engamashumi amane kuba bona. . . Uhuh! Yabona?

²²⁹ Ke beza kule nto kwaye bajonga ngasemva, (bengcwalisiwe), "Owu, haleluya! Makabongwe uThixo! Uzuko kuThixo. Haleluya! Nakuya kulele into endala eyayikhe yandikhathaza, ifile. Amacuba amadala endandikhe ndawatshaya aphelele. Utywala bakudala endandiqhele ukubusela bubonke kulwandle olubomvu lweGazi likaYesu Kristu. Owu uzuko kuThixo! Haleluya!"

²³⁰ Bonke benyuka beza apha, bajongana neKanan ngoku, bawela iYordane. Ke, wathabatha ummeli kwisizwe ngasinye. Ingaba kunjalo oko? Waza wabathumela ngaphaya. Ke, abanye babo bathi, "Ah, ah, ah, asikwazi ukuyenza. Hayi, yona—yona. . . Kutheni, sijongeka njengemicikwana ecaleni kwabo!" Yabona?

²³¹ "Ngoku, luhlobo luni lwebandla endiya kushumayela kulo ukuba ndifundise laa Moya oyiNgewele nayo yonke loo nto ngolwahlobo? Kutheni, bendiyakuba nezihlalo ezingenantanto. Abantu bam bamaWisile babeya kuphuma, abantu

bam bamaBhaptizi, amaRhabe am.” Mabaphume bahambe. Bebeziibhokhwe kwasekuqaleni! Nifuna izimvu, yabona. Yabona? Awolusa iibhokhwe. Yalusa izimvu! Yintoni umsebenzi wokwalusa iibhokhwe xana...?..kwaye kukho izimvu ekufuneka zaluswe? Yabona? Kwaye apha—apha wena ungapha, yabona. Ndandisoloko ndisithi ndiyakushumayela kwizibonda ezine ndishumayeke iNyaniso, iBandla. Ewe, mhlekazi, yiza ngapha.

²³² Kodwa yabona ngoku, wenze ntoni? Babuya, noYoshuwa noKalebhu, isibini ekhulwini, okanye lolo hlobo lwepesenti. . . isibini kwi. . . isibini seshumi elinambini kuzo, isibini seshumi elinambini. Ke, kwakukho ishumi elinesibini kubo, oko bekuyakuba sisibini kwishumi elinesibini, isibini kwishumi elinesibini kubo baLikholwa. Bahamba baye kungena kwilizwe ledinga, bathi, “Nkwenkwe, le yindawo entle ukuba ube kuyo.” Omdala uYoshuwa noKalebhu, nkwenkwe, babethembele eLizwini; UThixo ubanike lona, wathi “lelenu.” Bawela, baqhawula isithungu esikhulu seediliya, kwaye nabo besiza besitsala *ngolu* hlobo. “Yizani, bakuthi! Le yindawo emangalisayo! Ngcamlani,” yabona, iidiliya ezimalunga *nobungakaya* ubukhulu konke.

²³³ Kwaye, owu, ndoda, bababona, bathi, “Ah, asinakuyenza.” Bathe xa babuya umva, bathi, “Hayi, mzalwana, lo Moses wasikhuphayo apha entlango,” loMoya oyiNgewele, uyabona, awayewumele, “usikhuphe apha entlango. Kwaye silapha, ulungiselelo lwethu lonakele, kwaye besingenakwenza into elolo hlobo.”

²³⁴ “Buya umva,” yabona, “abo bakha bakhanyiselwa kwakanye, bagwetyelwa ngokholo, bangcwaliswa.” Yabona, banqumla kwesi sibingelelo sesibini bajonga ngaphaya kwilizwe ledinga. “Thina esakha sakhanyiswa kwaye sa. . . sangcamla izipho zaseZulwini.” Yabona, “sangcamla” okwaLo. Babuya nayo. “Siyabona ukuba ilungile. Ngokwenene siyaLibona.” “Sangcamla izipho zaseZulwini, senziwa amadlelane ale Nto, uyabona, lo Moya oyiNgewele, sathatha inxaxheba kuYo.”

²³⁵ “Ilungile lonto, nkwenkwe, jonga kula—kula ndoda. Ngokuba, ndiyazi ukuba yayiyimfama, ngoku iyabona. Jonga kuleya indala. . . Nkwenkwe, kwenzeka ntoni kulaa mfo? Nabani na owacinga laa nkwenkwe phandle phaya engafundanga. . . ngaphesheya imi noMlilo ehlabathini.” Uyabona? Yabona? Yabona?

²³⁶ Kwaye emva ngoko ukreqe, yabona, kwaye u. . . ukuba uhlaziyeke, ubuyeke enguqukwani, buyela umva uye kushumayela inguquko endaweni yaloo nto Wayithethayo kuqala, beka i. . . masi. . . Uyazi, malunga nokubeka kwakhona isiseko semisebenzi efileyo enguqukwani, nanjalo njalo. Siyakwenza, uThixo ethandile, uyabona. Yabona, siyakukwenza

oko. Siyakubuyela emva kwaye sibeke esi siseko emva ngoko, kodwa ukubuyela emva enguqukweni ngokwakhe, ukuguquka kuyo ngokuba wakhe waphezulu phaya. “Ndiyaxolisa ndakha ndaphezulu phaya,” nokulibalela iGazi lomnqophiso athe wangcwaliswa ngalo, ngokungathi Laliyi “into engcolileyo,” waze wayigxeka imisebenzi yobabalo. Umkile, mzalwana! Kuko konke. Uphelile. Yabona?

²³⁷ Ke, ngoku, yabona, akunakwenzeka ukuba umntwana onyuliweyo ukuba akwenze oko. Akayi kuyenza loo nto. “Izimvu zaM ziyalazi iLizwi laM.” Ukuba ibizwe eKanan okanye naphi na apho ikhoyo, ziyahamba. Yabona? “Izimvu zaM ziyalazi iLizwi laM.”

[Umzalwana uyabuza, “**Kwaye kufuneka bakholelwe kwiZenzo 2:38, kananjalo, akunjalo?**”—Mhl.]

²³⁸ Oko kungathatha loo nto, yonke indawana yeSibhalo, sithabathele ngaphakathi Sona sonke. Injalo kanye loo nto, mzalwana.

114. Ingaba kukho ezimbini, ingaba—ingaba kukho iindidi ezimbini ezahlukeneyo zeelwimi zeBhayibhile? Ingaba kukho umahluko kwiilwimi ezithethwa kumthandazo wangasese, nasebandleni apho utoliko lufunekayo? NgoMhla wePentekoste iilwimi zaziqondwa ngabantu bezizwe ezahlukeneyo; kodwa kwabaseKorinte Bokuqala 14:2, iilwimi ezingaziwayo zathethwa kuThixo, hayi emntwini. KwabaseKorinte Bokuqala 13:1 ibhekisela kumntu onjalo... (K-o-r, ndiyaqikelela ukuba ngamaKorinte 13, yintoni...)...kwabanjalo nakwezinye zengelosi.

²³⁹ Oh ewe. Yabona? Ke, yona...Ngoku, mzalwana, nokuba ungubani na, u—uziphendule apha. Yabona? Yabona:

Ingaba kukho iilwimi ezimbini ezahlukeneyo? (Zininzi iilwimi ezahlukeneyo. Yabona?) Ingaba kukho iilwimi ezimbini ezahlukeneyo eBhayibhileni, iilwimi ezimbini ezahlukeneyo?

²⁴⁰ NgoMhla wePentekoste sonke isizwe esiphantsi kweZulu sasiphaya sineelwimi. Yabona? Konke kulungile.

Yaye ingaba kukho umahluko phakathi kweelwimi ezithethwa emthandazweni wangasese nasemabandleni apho ukutolikwa kufunekayo? Ewe.

²⁴¹ UPawulos wathetha ngapha kananjalo kwabaseKorinte apho ububuza apha, kwaye wathi, “Kukho iilwimi zeengelosi kwaye kukho iilwimi zabantu.” Ngoku, iilwimi zeengelosi kuxa umntu ethandaza kuye—kuye nakuThixo, yedwa. Kodwa xa ethetha u—ulwimi, lufanele ukutolikwa ebandleni, ukwenzela ukwakhiwa kwebandla. “Lowo uthetha ngalulwimi lumbi uzakha yena; kodwa lowo uthethayo...lowo uprofetayo

wakha ibandla.” Ngoko wathi, “Ndikhetha ukuthetha amazwi amahlanu ngengqondo ngaphezu kweshumi lamawaka ngolwimi olungaziwayo, ngaphandle, ngaphandleni kokuba kuyakubakho ukutolikwa.” Emva koko i—ithethwa ngoko ngesiprofeto esakhayo. Yabona ukuba ndithetha ukuthini?

²⁴² Ngoku, i. . . Ngoku, kukho iilwimi ezimbini ezahlukeneyo, abantu kunye neengelosi. Yabona? Kwaye wathi uPawulos, “Ndingafanelana ndithetha ngeelwimi zabantu nezezithunywa zezulu,” yabona, abantu nezithunywa zezulu, kuzo ezolwimi zombini, yileyo yona ayinako. . .

²⁴³ Ngoku, kulapho abantu bakwaMoya, abantu ababubungqina beelwimi bathi, bandixelela khona, wathi, “Ngoku, Mzalwana uBranham, uphixene wonke.”

²⁴⁴ Wathi, ndathi, “Ke, ukuba uyifumana ngokweZenzo 2:4, ngoko ke wonke ubani wakuva ukuba uthetha ngolwimi abazalelwa kulo.”

“Owu!” wathi. Kwaye “Hayi! Hayi!” wathi.

Ndathi, “Ngokuqinisekileyo. Ewe, mhlekazi.”

²⁴⁵ Wathi, “Ngoku, Mzalwana uBranham, uphixene wonke.” Wathi, “Uthetha nge. . .” Wathi, “Kukho iilwimi zee ‘ngelosi.’ Lowo nguMoya oyiNgcwele ingelosi eyehlayo kwaye ithethe isebenzisa wena.”

²⁴⁶ Ngoku, ivakala ilungile, yabona, ivakala ngathi inokuba yinyaniso eninzi, kodwa asiyiyo yonke iNyaniso. Xana uSathana waxelela u-Eva, “ngokuqinisekileyo aniyi kufa,” oko yaba yi. . . wamxelela inyani eninzi, kodwa yayingeyiyo iNyaniso leyo. Yabona?

²⁴⁷ Ngoku, wathi, “‘Abantu neengelosi,’ nengelosi awayethetha ngayo yayiyi. . .”

²⁴⁸ Ngoku, makhe sijonge indlela engayikuvumelana ngayo neSibhalo. Yabona? Ngoku, ayisayi “kusebenzisana,” Ndiqonde ukutsho. Uxolo, bendingafuni ukuthetha “jive” ngeZibhalo. Ndithetha “ukusebenzisana” neZibhalo, okanye “landela, lungelelanisa” neZibhalo lelona gama lingcono kakhulu.

²⁴⁹ “Ngoku, umntu ethetha ngeelwimi zezithunywa zezulu,” uthi, “ziilwimi zoMoya oyiNgcwele ezo” wathi, “ngoku, xana wena, thina, bamamkelayo uMoya oyiNgcwele.”

Ndathi, “Ingaba. . . Nini, waMamkela phi?”

²⁵⁰ Kulungile, wandixelela ngqo indawo, umzuzu kunye neyure. Andiyithandabuzi kuphela oko wakwenzayo. Yabona? Andinayo. . . Andingomgwebi wakhe. Yabona? Wathi, “Kulapho ndathethe khona.” Wayeyazi ngokuchanekileyo indawo. Wathi, “Into ethile yenzeka kum.”

²⁵¹ Ndathi, “Ndiyayikholelwa. Yabona? Kodwa oko yayingebubo ubungqina boMoya oyiNgcwele kuwe, nyana.”

“Oh, ewe!” Wathi, “Okuya, yayibubo!”

Kwaye, “Hayi.”

Wathi, “Ngoku, khangela, ndifuna ukukuxelela into, mzalwana.”

²⁵² Ndathi, “Ingaba abantu abakubaphulaphuli bakho, elaa bandla phaya e-Indianapolis apho uthe waWamkela, ingaba abo bantu bakuvile uthetha ngesiNgesi ubaxelela ngovuko nangamandla kaThixo nayo yonke into?”

Wathi, “Ngoba kutheni, hayi! Ndathetha nge—ngeelwimi ezingaziwayo.”

²⁵³ Ndathi, “Awuzange uwufumane ngokweZenzo 2:4, kuba wonke . . . kwakungekho negama elinye elangaziwayo. ‘Siyabeva bonke abantu ngezakwamawethu iintetho.’”

²⁵⁴ “Owu,” wathi, “Mzalwana uBranham, ndiyabona apho ubhideke khona.” Wathi, “Uyabona,” wathi, “kukho iilwimi ezizilwimi zeengelosi, xana usamkela uMoya oyiNgcwele,” wathi, “uze uthethe ngeelwimi kwaye akukho mntu umelwe kukutolika loo nto, lowo ngu—nguMoya oyiNgcwele uthetha. Yabona? Kodwa ngoko unesiphiwo seelwimi, kwaye oko kuyakuba kutoliko.”

²⁵⁵ Ndathi, “Emva koko unayo inqwelo phambi kwehashe. NgoMhla wePentekoste bafumana inqwelo phambi kwehashe. Ngaphambi kokuba bafumane uMoya oyiNgcwele, iilwimi ezingaziwayo, bathetha ngeelwimi eziqondwayo.” Yabona? Ngoko ngokwenene . . .

²⁵⁶ Kukho iilwimi ezimbini ezahlukeneyo. Iilwimi zeengelosi, yindoda leyo isemthandazweni wabucala phaya ndaweni ithile ithetha noThixo, ithetha noThixo ngeelwimi zeengelosi. Ndingakubizela imeko ngoku, kodwa andinalo ixesha. Niyakhumbula xa umfazi wayesiza kwiholo phaya, apho uGqirha Alexander Dowie wayevela khona, eZiyon. Niyandikhumbula ezantsi phaya? Kwaye uBilly wandilandela ezantsi phaya ukuza kundithatha ndiye enkonzweni, kwaye ndathi, “Billy, buyela emva.” Kwaye mna . . .

Wathi, “Ukhala ngantoni? Umntu othile ebelapha?”

²⁵⁷ Ndathi, “Hayi, mhlekazi. Hamba ubuyele emva, uxelele uMzalwana uBaxter ukuba ashumayeke ngokuhlwanje.”

²⁵⁸ Ndaye ndaya phantsi ndathi, “Nkosi, yintoni na ingxaki ngam?”

²⁵⁹ Ngeqbuliso ndeva Umntu othile emnyango, ethetha ngezinye iilwimi. Ndacinga . . . YayisisiJamani. Ndacinga, “Ke, la mfo uye weza kumthathela i . . .” Ndema, uyazi, ukuthandaza, ndamphulaphula emi apho ngoluhlobo. Kwaye ndacinga, “Ke, ingaba uyakuze akuqonde njani oko?” Kuba ndandiyazi indoda eyayiqhuba laa hotele, malunga neemayile

ezintlanu ukusuka esixekweni, uyazi. Kwafuneka ndiphume phaya (abantu abaninzi kakhulu), idolophu encinci. Ndathi, “Ke, oko akuqhelekanga. Uh.” Ndaze ndathi, “Phaya...Ke, nkwenke, wakha wayiva i...intoni...La mfo akakufumani nokuphefumla, kunzima.” Yabona, ndandicinga oko, ngamandla njengoko ebethetha! Ke, ndathi, “Ke, okuya, kutheni, yayindim!” Ke ndiye ndahlala ndizinzile, yabona, andizange ndithethe nto...ndihleli nje ndizinzile. Emva komzuzwana Wagqiba ukuthetha, kwaye, xana Yakwenza, kwavakala ngathi ndingabaleka ndiphumele kwiqela lamajoni nditsibele ngaphaya kodonga.

²⁶⁰ Ndaze ndaphuma wabe uBilly ephuma ngesango ndaza ndamkhwaza, “Linda umzuzu!”

²⁶¹ Wabuya, wayesela isoda pop. Waze wathi “Tata, yintoni ingxaki?”

²⁶² Ndathi, “Yima umzuzu nje, umzuzu nje, ndihamba nawe.”

²⁶³ Ndaqala ukuhlamba ubuso bam ngokukhawuleza ngenene. Wathi, “Yintoni ingxaki?” Wazi ngcono kunokuthetha nam, esiya emhlanganweni. Wathi, “Yintoni ingxaki?”

²⁶⁴ Ndathi, “Akukho nto, akukho nto, akukho nto, konke konke. Hamba nje uye emhlanganweni.”

²⁶⁵ Saqhubeka saya emhlanganweni, uMzalwana uBaxter wayehleli apho edlala, “*Akukho nto phakathi komphefumlo wam noMsindisi.*” Wangena, wathi, “Whew! Bendicinga ukuba awuzi!”

Ndathi, “Sh.” Ndenyuka ndaza ndaqalisa ukushumayela.

²⁶⁶ Ndithe ndakugqiba, malunga nexesha lokugqiba kwam ukushumayela, ke, nkwenkwe, umntu othile wangathi uthatha umva wesakhiwo, emva phaya kwela holo likhulu. Kwabalekiswa ukongezelelwa komboko wokuthetha emva phaya, kwaye kwakukho umfazi emva phaya owayenyuka esihla kulaa paseji, ekhwaza kakhulu njengokuba wayenokukhwaza.

²⁶⁷ Ukufumanisa ukuba, wayene-TB, kwaye wayemkile eTwin Cities, eSaint Paul, inqwelo yezigulane ayizange imzise kuba besoyika ukuba ingagqabhuka imiphunga yakhe. Wathi ugqirha, “Nantoni na, imiphunga yakhe yayifana nama-cwecwe obusi,” wathi, “ukuba ithe yaphuka uya kufa. Kuya kuba kuphelile.” Kwaye abanye abangcwele bathatha imoto endala yeChevrolet ka’38, bathatha isitulo esingasemva basilungisa, bamfaka phaya baze besendleleni. Kwaye babetha iqhuma elincinci okanye enye into ezantsi phaya, kwaye waqalisa ukophela ngaphakathi, kwaye waqalisa nje ukutsica igazi, kwaye yena...laliphuma ngeempumlo nayo yonke into enjeya. Waya esiba buthathaka, kwaye ekugqibeleni...Wayengafuni ukufela emotweni, wabaxelela ukuba bame bambeke phezu kwendawo yengca.

268 Bamfunqulela phandle. Kwaye bonke bema phezu kwakhe, bethandaza, kwaye ngesiquphe wathi into ethile yambetha waze waphakama. Waza wemka, ekhwaza ezantsi ngaloo ndlela, ngamandla kangangoko wayenako. Nanku esebandleni, emane esihla esenyuka nje ngala paseji.

269 Ndathi, “Dade, yayingubani ixesha?” Kanye kwangelo xesha linye uMoya oyiNgcwele wayethetha ngam. Yayiyintoni? Izipho.

270 Yintoni esa—esa silwanyana i-opossum endala ilele phaya phezulu esangweni ukuze ithandazelwe? Isilwanyana esingaziyo, esingenawo nkqu nomphefumlo, asazi okulungileyo kokubi; yabona, asinamphefumlo, (sinomoya), asinamphefumlo kuso.

271 Yayiyintoni? UMoya oyiNgcwele wenza intethelelo. UThixo wathumela isipho emhlabeni, kwaye uMoya oyiNgcwele wawungasenakulinda ngakumbi ngoko Weza nje wandithabatha waza waqalisa ukuziphendulela ngoKwakhe ngolo hlobo, eZiphendulela, esenza intethelelo ngoKwakhe. Kwaye njengokuba sasijonge ixesha, kwangaloo mzuzu kanye awathi yena . . . bamkhuphela ngaphandle kwindawo enjalo, babefuna ukubona . . . Kuba babesazi ukuba wayesifa, kwakuza kufuneka batsho ukuba wafa nini na. Kwakungaloo mzuzu kanye awathi uMoya oyiNgcwele wawela phezu kwam phezulu phaya waqala ukwenza iintethelelo, intetho, amazwi, andikwazi kuwaqonda, yabona, ngolo hlobo, enika intetho. Lowo nguMoya oyiNgcwele othethayo.

272 Bendingafanelanga ndikwazi oko. Yabona, andizange. Yayinguye lowo . . . mhlawumbi ingelosi yakhe. Sizakufikelela kuloo nto emizuzwini embalwa, yabona, okwathi kweeza phaya kwanika loo myalezo, uyabona.

273 Ngoku—ngoku, lonto—lonto injalo. Kukho iilwimi ezimbini ezahlukeneyo, enye yazo iya kuba . . .

274 Ingaba kukho umbuzo? Kulungile, uzama ukwazi ukuba uThixo uthini, uyabona. Ngoku, ndiya—ndingathi, Mzalwana Stricker, kokuya, ngokumalunga nokuya, zama ukungacingi malunga nokuya, yabona. Vumela nje uMoya ukuba uthethe ngokwaWo. Sukuzama ukuyiqonda, yabona, kuba nje uzinikele ngakumbi kuMoya. Yabona? Kuba uyazama uku—uku—ukuthi, “Hey, uthini?” Yabona? “Hey, uthetha nam? Huh?” Uyabona, yena . . . yabona, uyazama.

115. Ngoku. Ingaba kulungile ukuba umntu athethe ngeelwimi xa uthandazela abanye ngesibingelelo [Indawo engenanto ekhasethini—Mhl.] **ngaphandle kokutolika?** [Indawo engenanto eteyiphini.]

275 Makhe ndibone ukuba ndibeke ntoni kokuya, kufuneka ndijonge. Ukuba akukho mtoliki, mabathi cwaka. KwabaseKorinte bokuQala, isahluko soku-1 . . . isahluko se-14 kunye nevesi yama-28. Ngubani oneBhayibhile? [Umzalwana ufunda kwabaseKorinte bokuQala 14:28—Mhl.]

[...*xa kungekho mtoliki, makathi cwaka ebandleni;...*]

276 Konke kulungile. Ngoku, ukuba akukho mtoliki, nangaliphi na ixesha ebandleni, naphina ebandleni, thulani ukuba akukho mtoliki.

277 Esiguqweni, into ekuphela kwayo ukuba umntu... Amaxesha amaninzi uva abantu abaya esiguqweni. Ndiva umzalwana oxabisekileyo kutsha nje esiguqweni, wehla nje washukumisa umntu emqolo, baze emva koko bathethe ngeelwimi ngokwabo, bethetha ngathi babezama ukubabonisa ukuba mabenze ntoni na. Yabona, luhlobo oluthile olungokuko okwenene lokuzisa uMoya oyiNgcwele (ezama uku) ebantwini. Musa ukuyenza loo nto. Yabona? Into ekufuneka uyenzile kukumyeka loo mntu. Mabaphakamise izandla zabo ade uMoya oyiNgcwele angene, uyabona. Yabona? Ke a—a—ayilunganga. Hayi, mabathule ebandleni, uyabona.

278 [Umzalwana uyabuza, “Mzalwana uBranham?”—Mhl.] Ewe, mzalwana. [“Yithi umntu ebesenkonzweni kwaye—kwaye ekupheleni kwenkonzo, ngokuqhelekileyo nanini na umyalezo ufika, umntu onesiphiwo, baya kukwazi ukuxela, okanye bangakwazi ukuxela umahluko phakathi kwe—kwengelosi... ulwimi lwengelosi okanye umyalezo usiza ngalo?”]

279 Ngoku, makhe sibone. Ngoku...[Indawo engenanto eteyiphini—Mhl.]...oko nje bengenile baze bayibhale loo nto, bayibeke phezu kwedesika yam. Yabona? Kwaye ndandiyakuyifunda kanye ngolu hlobo. Kodwa ndathi ndakungena kwela gumbi phaya, mzalwana, kwakuphelele apho. Yabona?

280 Kwaye phambi kokuba bangene apha, babeza kuma apha emva kwaye wonke umntu ezolile kangangoko. Kwaye udade uyakuba phaya, uDade Irene, phaya esi—esigquweni, edlala phaya, edlala *Ezantsi eMnqamlezweni*. Besingayi ku... Abancedisi ekuhlaliseni abantu bavele baya emva naphambili. Babona nabani na othethayo, bathi, “Sh, sh, sh.” Yabona? Kwaye ukuba abantwana baba...Bahlala phantsi kamnandi kwaye bathi, “Indlu yeNkosi, sthandwa. Akufanele. Nifanele niziphathe kakuhle ngoku endlwini yeNkosi.”

281 Kwaye indoda nenkosikazi, nabo bonke, babayeka baxhome iidyasi zabo nezinto ezinjalo. Umntu olapha emnyango ukubabona kanye xa kuvuleka ucango. I...kwaye yonke into ilungele ukuhamba, uyazi, lungise ibandla. Wonke umntu ubafumanele indawo yokuhlala abone ukuba bebehleli phantsi na.

282 Kwaye ndandisegumbini, ndithandaza, ndandilapho mhlawumbi ukusukela ngentsimbi yesibini okanye yesithathu ngaloo mvakwemini. Akukho mntu undikhathazileyo. Ndehlela phaya nomyalezo wam.

283 Kwaye emva koko nje ngomzuzu wokuqala, inkokeli yengoma yaqala ingoma, “Makhe sityhile kwinqombolo yeculo *nje-na-nje*,” njengokuthi, *Ezantsi eMnqamlezweni apho uMsindisi wam wafa khona*, ngolo hlobo, uyazi, kwaye wenze okuya kuhambe ngolwahlobo. Emva koko xa ucula malunga nezikhethekileyo ezimbini... Asize sibeke ixesha elininzi ekuculeni; liLizwi. Ukuba banamaculo, yiloo nto abanayo la maculo aqhelekileyo. Si—si... ILizwi yeyona nto iphambili abantu abayizela phaya, yindlu yolungiso.

284 Kwaye mhlawumbi umncedisi, njengoMzalwana uGeorge, uMzalwana uGeorge DeArk, uyaphakama enze umthandazo. Kwaye emva koko siya kuba nekhethekileyo, njenge ngengoma eculwa ngumntu omnye okanye into enjalo. Kwaye emva koko yaba lixesha, umntu angandazisa ukuba lixesha lokuphuma. Ukuba bekunjalo, kulungile, bendiya kuphuma ndisephantsi kwentambiso. Yabona?

285 Ke, mhlawumbi laa veki babenentlanganiso kwindawo ethile apha enkonzweni, babenenkonzo eyeyabo. Mhlawumbi phambi kokuba inkonzo ivulwe kwa ukuvulwa ngobo busuku, babenenkonzo. Kwaye nantsi ke... Ndiyifumene apha, kwaye ndathi, “Kubhalwe apha kweli phepha ukuba kuza kufika isaqhwithi esithile ngalo eli lizwe kwiveki ezayo,” okanye into ethile, into, uyazi, into ethile elolo hlobo iyakwenzeka. “Kwabhalwa, kwathethwa ngeelwimi, kwatolikwa ngabangcwele ababini bebandla apha, UMzalwana *uNje-na-nje* noMzalwana *uNje-na-nje*. Amangqina amabini ayo anike ingxelo apha, anamagama awo atyikitywe apha, ukuba yashicilelwa ‘iya kuba yekaThixo,’ ngu *sbani-bani* no *sbani-bano*.” Licandelo lam lokuqala elo.

286 Emva koko ndithi, “Kulungile, sizakukulungiselela oku, wonke umntu makabe semthandazweni. Yabona? Ngoku sikhona isicelo esikhethekileyo, wonke umntu?” Uyazi. “Masithandazeni.” Sema sathandaza. Kanye ngqo eLizwini, ukuya ngqo eLizwini.

287 Ngoko nangoko emva kokuba inkonzo iphelile, ubizo lwesiguqo lwenziwa. Yabona? Ubizo lwesibingelelo lwaluyinto esasiyidlala kakhulu, ukubizela esiguqweni, ukuzisa abantu esiguqweni. Kwaye emva kokuba olo bizo lwesiguqo luphelile, mhlawumbi ngoko ndingathanda ukuthandazela abagulayo, yabona, okanye into enjalo.

288 Yaqhutywa yonke loo nkonzo kuba umoya wabaprofeti umamela kumprofeti.

289 Oko koko bendicinga ngako... Uyabukhumbula na ngobusuku endawubonayo umbono xa isithunywa seza kum, sihamba? Ndandihleli phaya egumbini ndicinga. Malunga, owu, ebusuku, ndisithi, “‘Umoya wabaprofeti unjalo...’ Inokwenzeka njani loo nto?” Ndajonga koko kuKhanya

kudanyazayo, nanko Esiza esihla ephumela phaya ukuya apho ndandikhona. Yabona? Kuxana Wandiyalelayo kanye apho, yabona, kule mihlangano.

²⁹⁰ Ngoku, hayi, ngu—ngumntu onikeza umyalezo. Lowo, yintoni umbuzo wakho, ndiyakholwa, “Umntu onikeza umyalezo, yena uya...i—ingaba lo mntu onikeza lo myalezo, ingaba ebenokwazi ukuba ibiyingelosi yeNkosi okanye akunjalo?”

²⁹¹ [Umzalwana uthi, “Ngoku, umbuzo wawungulo, uthi kukho iilwimi zeengelosi...” Indawo engenanto eteyiphini—Mhl.] Andiqondi ukuba wayenako. Ngoku, yindlela esiyifumana ngayo ngoku. Kodwa, yabona, sakuba siyifumene indlela ebesimelwe kukuba yiyo, apho banentlanganiso eqhelekileyo yaloo nto, masivumele... .

²⁹² Yabona, ngamnye kubo lulungiselelo. Uthi, uthetha ngeelwimi, *yena* uyatolika, aze *yena* athethe ngeelwimi, *yena* aprofete; ningamarhamente nje apha, ibandla, kodwa ukanti ninolungiselelo kwaye ninento ethile. Uzama ukunceda uBukumkani bukaThixo, nibenzele into ethile, yabona, kwaye nina bazalwana hlanganani kunye. Naso isizathu sokuba abelusi, ngolu hlobo, siyahlangana kunye, sinento efanayo. Nina bazalwana hlanganani kunye, fundisisani iZibhalo, nithethe ngeelwimi kwaye nitolike, ninike imiyalezo, uyabona.

²⁹³ Kodwa, ngoku, ukuba le ndoda, ngoko, ukuba iyaqonda... . Iye yaba semhlanganweni, inesiphiwo seelwimi. Ke, ifika emhlanganweni, ithetha ngeelwimi kodwa akukho lutoliko, umtoliki akayifumani.

[Umzalwana uyabuza, “**Ungatsho ke ukuba abo bantu bayawakha uMzimba, kodwa ii-ofisi ezinjengabelusi, abafundisi, kunye noko, ziyawugqibelelisa uMzimba?**”—Mhl.]

²⁹⁴ Ewe, yiloo nto eyenzelwe yona, ukugqibelela. Yabona? Ezi zinikezelwe ukugqibelelisa, uyabona. Ndiyakholwa, o—o—ooMoya banikwe ukugqibelelisa, ukugqityeleliswa kwebandla.

²⁹⁵ Ngoku, bona, aba bantu bathethayo, bazaliswe nguMoya, akukho ntandabuzo. Ngoku, nantsi indoda, mhlawumbi ithetha apha emhlanganweni, kwaye inika... . Ngoku, iphambi kweetoliki, yabona, ukanti akukho mntu ufumana utoliki, kukho nje into engalunganga. Itoliki ayinakukunceda oko, yabona. Yena—yena kufuneka atolike ngempemfumlelo ekwanye njengalowo uthetha oko. Kwaye usenokuba nesiphiwo senene sokuthetha ngeelwimi, kodwa akanaso isipho seelwimi, ulwimi. Yabona, yena... .

²⁹⁶ Kwaye ke into amelwe kukuyenza kukuba, xa esebenzisa olu lwimi, ngoko ubona... . Ngoku, oko a—akazami... . Ukuba uzama ukuzifixa kwakhona, unekratshi. Akanguye... . A—akalunganga indawo yokuqala, uyabona, akanakuze aye ndawo. Uyabona,

ucinga, “Ke, makabongwe uThixo, laa mfo akafuni nje ukutolika iilwimi zam. Yiyo yonke into ekhoyo kuyo.” Ngoku, yabona, akalunganga indawo yokuqala. Kanye phaya une—uneembono ezingalunganga, injongo engalunganga. Yabona?

²⁹⁷ Kodwa ukuba umnandi kwaye uthobekile, yithi, “Ke, mhlawumbi iNkosi ibingafuni kundisebenzisa enkonzweni Yayo. Kodwa ke mna... Uyawusikelela nje umphefumlo wam. Ufuna ukundakha, ukwazi ukuba ndisondele kuYe xa ndithetha ngeelwimi. Ke ndiya kuphuma ndihambe kwisitiya se apile, ‘Owu Thixo!’ Kwaye amandla aqalisa ukuwa phezu kwam ndize ndiqale ukuthetha ngeelwimi. Ndingene ndihlaziyekile, uyabona.” “Owu, Uyabona, Uthetha nam, Nkosi, Undigcina nje emgceci ngokuthetha ngeelwimi.” Yabona? “Kwaye, Nkosi, namhlanje bendimelwe kukuba ndithethe kulaa ndoda. Ndixolele ngayo, Nkosi. Ndi—ndi—ndidlule kwinto endingafanele ukuyenza. Bawo, nceda undixolele.” Kwaye, ngokuthe ngqo, kuyahamba kuthetha ngeelwimi. “Ah, whew, ndiva ngcono ngayo ngoku!”

²⁹⁸ Uyabona, ilungile loo nto. Yabona, isipho sakho—sakho asiyi kusetyenziswa ebandleni, kodwa sesokwakha wena. “Lowo uthetha ngolwimi olungaziwayo (olungaziwayo) uzakha yena.” Yabona? Ngoku, ukuba akukho toliki, ngoko... Yabona ukuba ndithetha ukuthini? Yabona, yiyo leyo. Ngoko ebengayi kuyazi yena. Yena nje... Kodwa uyazi xa ehamba.

Ngoku, ngoku kufuneka niyiyeke ihambe kunye, uyabona, kuphela kwento onokuyenza ude ube uyahlukanisile. Naso isizathu sokuba ndiyicinge...

116. Cacisa kwabaseKorinte Bokuqala 14:5.

²⁹⁹ Ngubani oyifumene ngokukhawuleza? Omnye wenu uyifumene? [Indawo engenanto eteyiphini. Umzalwana ufunda kwabaseKorinte Bokuqala 14:5—Mhl.]

[... bathetha bonke ngalwimi zimbi, ngokukodwa ke ukuba niprofete: kuba lowo uprofetayo mkhulu kunalowo uthetha ngeelwimi, ngaphandleni kokuba atolike, ukuze ibandla libe nokwakheka.]

³⁰⁰ Kulungile. “Ndingathanda... Ndingathanda ukuba nithethe ngeelwimi nonke.” UPawulos wayezama ukuthi... Njengebandla, yi—yibani libandla lam. Amanye amabandla kaPawulos ayengemaninzi kangako kunale nto ndiyifumeneyo apha. Kunjalo oko, ngamanye amaxesha ishumi okanye ishumi elinesibini. Yabona? Yabona? Ngoku, ngoku wathi, “Bendingathanda ke ukuba ningathetha ngeelwimi nonke.” Oko kuyakukhathaza?

³⁰¹ Yabona, xa i—i—ibandla elathi i... kwiZenzo 19, ndiyakholwa ukuba yayinamalungu neshumi elinesibini lamalunga kulo. Yabona? Nje emincinci kakhulu, imisebenzi, uyabona. Ke ibe isoloko ikwigcuntswana, yabona. Kwaye

ndiyacinga ukuba itshilo kwaye kwakukho malunga nabaninzi, ishumi elinesibini lamadoda nabafazi, uyabona, kuyo.

³⁰² Ngoku, ukuba u—uyabona apha, wathi, “Bendingathanda ukuba ningathetha ngeelwimi nonke. Ndi—ndinqwenela ukuba nonke beniya kuthetha, nonke nithethe ngeelwimi, nizaliswe kangako nguMoya oyiNgcwele beniyakuthi nje nithethe ngeelwimi. Kodwa” watsho “Bendingathanda ukuba niprofete; ngaphandle kokuba kwenzelwe ukutolikwa, kubekho ukutolikwa.”

³⁰³ Ifundeka njani loo nto? Ubani...Ingaba unayo apho, akunjalo...?... Masiyifunde kwakhona. Ngoku mamela:

³⁰⁴ [Umzalwana ufunda kwabaseKorinte Bokuqala 14:5—Mhl.]
[*Bendingathanda ukuba nithethe ngeelwimi nonke, . . .*]

Ngoku yibambe oko umzuzu, “Bendingathanda ukuba nithethe ngeelwimi nonke.”

[. . .*kodwa kungcono kukuba niprofete: . . .*]

“Bendingathanda ukuba nonke niprofete.”

[. . .*kuba lowo uprofetayo mkhulu kunalowo uthetha ngalwimi zimbi, . . .*]

Ngoku yibambe umzuzu.

³⁰⁵ Ngoku, yintoni, “Kuba mkhulu lowo uprofetayo”? Yilento ubufuna ndime kuyo? [Umzalwana uthi, “Bendisitsho nje, ‘Yaiyinto eyahlukileyo leyo . . .? . . .’”—Mhl.] Ehe. Yabona? Ehe. Yabona? Ngoku, naku apho . . .

³⁰⁶ Ngoku, uthi umzekelo, ngoku, sinamadoda amabini angafundanga phakathi kwethu ngokuhlwanje. Abazi nto malunga noku, kwaye ndiyangena kwaye nonke ni . . . siqala apha kule ntlanganiso, kwaye—kwaye niqale nje ukuthetha ngeelwimi, nonke ngabanye nithetha nje ngeelwimi, nithetha ngeelwimi, nokuthetha ngeelwimi, nokuthetha ngeelwimi. Kwaye, ke, yintoni na? Yabona, umntu ongafundileyo uthi, “Huh! Bonke bayaphambana!” Yabona? Kodwa ukuba omnye uyaprofeta, yabona, ngoko uthetha into anokuyiqonda.

³⁰⁷ Ngoku, qhubeka ufunde intsalela yayo ngoku. [Umzalwana uyaqhubeka—Mhl.]

[. . .*ngaphandle kokuba uyatolika, . . .*]

Nantso ke. Ngoku, “ngaphandle,” bona. Ndi—ndiya . . . Abo ke—lowo uprofetayo mkhulu kunalowo uthetha ngeelwimi *ngaphandle* kokuba oku kunika utoliko. Ngoku, qhubeka, yabona.

[. . .*ukuze ibandla libe nokwakheka.*]

Nantso ke, yabona, ibandla liyakhiwa.

308 Ngoku, ngamanye amazwi, kutheni, ibandla, lo mfo. Nantsi—Apha *ngaba* baninzi apha abangafundanga, nihleli nje phakathi kwethu ngokuhlwanje; sinalo mhlango. Sonke silapha sifuna ezethu . . . sifuna ukwazi ngeNkosi, nonke niqale nje ukuthetha ngeelwimi. Akukho mntu wathetha nto, naqalisa nje ukuthetha ngeelwimi. “Ndiyakufuna wena . . . Ndiya . . . Kuya kuba kuhle,” Wathi uPawulos. “Nonke nithethe ngeelwimi, kungalunga.” Kodwa ukuba abathile kuni bayaprofeta, baphakame bathi bathi, “ITSHO INKOSI, ‘Kukho indoda ehleli apha kwaye ingumhambi phakathi kwethu. Igama layo ngu*John Doe*. Ivela kwindawo *ethile-ethile*. Ishiye umfazi nabantwana bakhe abane phaya. Ilapha ngobu busuku kuba ifuna uncedo. Ibikunye nogqirha namhlanje eMemphis, eTennessee. Kwaye wathi . . . Ugqirha wayixelela ukuba ibe inomhlaza wemiphunga. Uyafa”?”

309 Uthe, “Ukuba bonke bathetha ngeelwimi baze abangafundileyo bafike phakathi kwenu, angatsho . . . emva koko uyakuthi, ‘Aniphambenanga nonke na okanye niphambene?’ Kodwa ukuba omnye uyaprofeta aze atyhile imfehlelo yentliziyo, emva koko baya kuwa phantsi, bathi, ‘Ngokwenene uThixo unani!’” Yabona phaya?

310 Kulungile, ngoku, apha. Ngoku uthetha ngeelwimi, kodwa omnye unikela utoliko, athi, “ITSHO INKOSI,” phantsi kotoliko, “Kukho indoda ehleli phakathi kwethu, eshiye umfazi wayo, ebeseNashville namhlanje,” okanye iMemphis, okanye nokuba yintoni ebiiyo, “kwaye unomhlaza wemiphunga. Ngena apha, kwaye igama lakhe ngu*John Doe*,” *UNje-na-nje* ngolo hlobo. Yabona?

311 “Ngaphandle kokuba kukutolika,” okanye, yabona, ngoko iyakha. Yabona? Emva koko baya kuthi . . . Emva koko laa mfo uya kuphuma, athi, “Makhe ndikuxelele into, ungandixeleli ukuba uThixo akakho naba bantu baphaya phezulu. Ngokuqinisekileyo! Abo bantu babengandazi tu.” Yabona?

312 Ngoko sifuna izipho zokuprofeta *kunye* neziphiwo zokuthetha ngeelwimi. Kodwa, ekuthetheni ngeelwimi, yabona, kunyanzelekile ukuba kubekho ukutolika. Kwaye ngoko, xa itolikiwe, isisiprofeto. Yabona? Isisiprofeto. Ngoku, ndinalambuzo apha emzuzwini, ngoko ndiza—ndiza kufika kuwo ngokukhawuleza kangangoko. [Indawo engenanto eteyiphini—Mhl.]

117. Mateyu 18:10.

[Umzalwana ufunda uMateyu 18:10—Mhl.]

[. . . ukuze ningadeli namnye waba bancinane; kuba ndithi kuni, Ukuba ezulwini iingelosi zabo—iingelosi zihlala zibubona ubuso buka*Bawo osezulwini*.]

313 Konke kulungile. Ngoku, umzalwana, nokuba ungubani na, kakade akukho magama, amatikiti nje amancinane, uyabona, ngubani othethe oku. Ndiqinisekile mna . . .

314 Ngoku, unokuthabatha iindlela ezimbini zayo, uyabona. Kodwa ndicinga ukutolika, ukuba undibuzile nje, “Cacisa oku,” indlela enditolika ngayo oku yile.

315 Ngoku, tyhila kumaKorinte Esibini, umntu othile, 5:1, ithi, “Ukuba lo mnquba wasemhlabeni uthe wachithwa . . .” Uyazi ukuba yintoni na, yabona. “Ukuba lo mnquba wasemhlabeni uthe wachithwa, sele sinomnye,” uyazi, “ulindle.” Konke kulungile.

316 Ngoku, ngoku Ubenako . . . Ukuba uyaqaphela, kuMateyu 18:10, Wayethetha ngokuthabatha abancinci “abantwana.” Babengabantwana abancinci, abantwanana, iminyaka emithathu okanye emine ubudala, babachola. “Bazisa kuYe abantwana, mntwana.” *Abantwana* livela kwigama lika “umntwana.” Umntwana ngommcinci nje—umfo omncinane, engeyiyo imveku kodwa phakathi nje koko kunye nofikisayo. Yabona? Akanaxanduva ngesi-qu sakhe okwangoku.

317 Ngoku, Wathi, “Lumka ukuba *ungadeleli*.” Ukuba ungathatha ngenene ukutolikwa kwelo gama, ku “ukuphatha kakubi.” Yabona, “Ukuphatha kakubi omnye wabo.” Ukuphatha kakubi umntwana, ungaze uyenze lonto. Bangabantwana, abazi. Yabona?

318 Kwaye ngoku qaphela, wathi, “Ngokuba bona . . . Iingelosi zabo zihlala zibubona ubuso bukaBawo waM osemaZulwini,” uyabona. Ngamanye amazwi, “Iingelosi zabo, abathunywa babo—babo, imizimba yabo, imizimba enjengeyeengelosi, abaya kuya kuyo ukuba bathe bafa, isoloko iphambi kobuso bukaBawo waM oseZulwini.” Yabona?

319 Ngoku, “Ukuba lo mnquba wasemhlabeni uyachithwa, sinomnye osele ulindle.” Ingaba oko kulungile? Lowo ngumzimba.

320 Jonga apha. Ukuba bendinexesha lokungena kwezi! Kakade, ndiyazi mna—mna andiyi kuba nalo. Kodwa, apha, mandininike nje ukuze ibekho eteyiphini, kwaye niyakuyifumana nakanjani na.

321 Khangela, ngobunye ubusuku uPetros wayesentolongweni. Babenomhlangano womthandazo ezantsi kwindlu kaYohane Marko, yabona. Ke ngoko iNgelosi yeNkosi yangena, laa Ntsika yoMlilo, kwehla ukuKhanya, waze uPetros wacinga ukuba wayephupha akubona oku kuKhanya kusiza kuye. IBhayibhile yathi, “YayikukuKhanya.” Yabona? Kwaye ndiyakholwa ukuba IsekwaKuko okukunye nathi, yabona, Wehla. Kwaye singena kwingxaki enye, mhlawumbi into enye inokwenzeka. Yabona? Kwaye kwangena phaya, kwaye ngoko Kwathi, “Yiza, hamba naM.”

³²² Ngoko uPetros wacinga, “Ndiyaphupha ngoku, ngoko ndizakukhe ndibone nje ukuba lithetha ukuthini eli phupha.” Ke wesuka wahamba ngakubalindi, waze wacinga, “Uh-huh. Ngoku siyegqitha, ucango luzivulekela nje ngokwalo.” Waphuma ngomnyango olandelayo, wazivulekela ngokwawo. Wadlula ngamasango esixeko, kwaye azivulekela ngokwawo. Kwaye wayesacinga ukuba uyaphupha. Ke xana wayemi phandle apho, kwaye wathi, “Ke, ndikhululekile, ngoko ndizakuhla nje ndiye endlwini ka Yohane Marko ndize ndibe nobudlelwane.”

³²³ Babelapho emva, “Owu Nkosi, thumela iNgelosi Yakho kwaye ihlangule uPetros.”

³²⁴ Kwaye malunga nelo xesha kwabakho into ethile [uMzalwana uBranham uyankqonkqoza—Mhl.]. Intombazana encinci yaya emnyango yathi, “Ngubani lo ulapho?” Waphakamisa indawo yokuvula encinci, wathi, “Ngokuba, nguPetros!” Ngoko wabuya emva, wathi, “Hey ni—ningayeka ukuthandaza ngoku, uPeter’ uphaya.”

Wathi, “Oh, bethu! Qhubekani,” wathi, “nina ni—nina ni—nina ni . . .” Yabona?

³²⁵ [uMzalwana uBranham uyankqonkqoza kwakhona—Mhl.] Wathi, “Vula! Ndiyangena.” Yabona? Watsho ke . . .

Ke wabuya emva, wathi, “Hayi, ngu—nguPetros emnyango.”

³²⁶ “Owu,” bathi, “sele beyinqumlile intloko yakhe kakade, yingelosi yakhe emnyango. Yabona, umnquba wakhe waseZulwini, selewamkele, okokuba lo wasemhlabeni wachithwa, ngokuba wawulindile eZulwini ukuba eze kuwo.”

³²⁷ Into endayibonayo ngenye imini kulaa mbono, uyazi, kuwelela ngaphaya. “Ukuba lo mnquba wasemhlabeni uthe wachithwa, sinomnye.”

³²⁸ Kwaye aba bafo bancinane abangekenzi sono okwangoku, uyabona . . . Yabona?

³²⁹ Xa usana lu—usana lubunjwa esibelekweni sikanina, kwamsinya nje lwakuba lubekwe phaya . . . Yabona? Yabona? Kodwa kuqala ngumoya. Kwaye njengokuba loo moya uqalisa ukuthatha inyama, intsobi encinci yobomi iqalisa ukuthatha inyama, kwaye kamsinya nje yakuba isiya ukusuka kobabo . . . Ngoku, esibelekweni, yencinci, ishukuma, izihlunu ezishukumayo. Siyakwazi oko. Ziiseli ezo. Kanye njengokuba uthatha iinwele zehashe uzibeke emanzini, ziya kuguquka kwaye zihambe, kwaye uyizichukumisa kwaye ziya kuxhuma. Yiloo ndlela usana lululo.

³³⁰ Kodwa kwamsinya nje ukuba luzalwe kweli hlabathi kwaye luphefumle umoya walo wokuqala, iba ngumphefumlo ophilayo. Yabona? Kuba kwamsinya nje xa umzimba wasemhlabeni uzalwa ehlabathini, kukho umzimba wasezulwini, okanye umzimba womoya, ukuba ubambe kuwo. Kwaye kwamsinya nje

ukuba lo mzimba wemvelo usiwa, kukho umnquba waseZulwini owulindileyo. “Ukuba lo mnquba wasemhlabeni uyachithwa, kukho umnquba waseZulwini owulindileyo.” Ngokukhawuleza nje—njengokuba usana luwela emhlabeni enyameni, kukho umzimba womoya olindele ukulamkela. Kwaye kwamsinyane nje ukuba umzimba womoya . . . umzimba wenyama uyachithwa kukho umzimba womoya olindileyo ngaphaya. Yabona? U “mzimba welizwi” siwubiza, yabona, umzimba welizwi.

[Umzalwana uyabuza, **“Ke, ngoku, lo mzimba ngulo i. . . ingaba oko kokwexeshana, kulindelwe uvuko lwalo mzimba?”**—Mhl.] Ehe. Yabona? Ewe. Oh ewe. [**“Leyo yimeko esiza kuhlala kuyo kude kube—ngovuko?”**] Injalo lo nto. Yabona? Yabona?

³³¹ Ayikatyhilwa kooniyana bomntu okwangoku. Ndiyakholwa . . . Ndi—ndiyayazi ndiyibonile. Yabona? Kodwa andazi ukuba luhlobo luni lomzimba olulo, kodwa bendinakho ukuyiva ngandlela efanayo njengoko ndiziva izandla zakho okanye nantoni na eyenye. Ewe, oku kukwiteyiphu kwaye unokuba uyidlale kwiminyaka emva kokuba ndihambile. Uyabona? Kodwa . . . Kwaye oku, nokuba yayiyintoni na, yabona, ndandiyiyo—Ndandibabamba abobantu ndibabamba, kwaye yayiyinyani kanye njengokuba—njengokuba uyinyani, ukanti kwakungenjalo . . . Abazange badle okanye basele. Kwakungekho zolo nangomso. Yabona, yayinguNaphakade.

³³² Kwaye ngoku xana la mnquba . . . bemka apho kuloo mzimba, babuyela emhlabeni, kwaye olo hlobo lomzimba bathabatha ukungafi. U—uthuli lomhlaba lwahlanganisana kuloo mzimba welizwi ngandlela ithile baze baba ngabantu kwakhona, kwakufuneka badle njengoko babesenza kumyezo wase-Eden. Yabona? “Kodwa ukuba lo mnquba wasemhlabeni uthe wachithwa, sinomnye osele ulindile.”

³³³ Ke aba bantwana bancinci bangenasono, yabona, akukabikho sono, *iingelosi* zabo, “imizimba” yabo (lowo awathi uPetros wabuya e . . .) yabona, wayelindile. “Uyabubona ubuso bukaBawo, eZulwini,” buhlala buphambi Kwakhe; “bayayazi.” Nantso ke.

³³⁴ [Umzalwana uthi, “Kodwa kwakunzima kancinane phaya apho uYesu wathi, kwinxalenye yokuqala yovuko Lwakhe, Wathi, ‘UngaNdichukumisi,’ Wayengekanyuki. Kwaye xana Wangena egumbini apho uTomas ebekhona, Uthi, ‘Yiza ngapha uze ufake isandla sakho kwicala laM; beka umnwe wakho.’”—Mhl.] Injalo, Wayengekenyuki. [“Kwaye u—umahluko phakathi kwezi zibini, apho omnye Wa—Wabaxelela ukuba bangaMchukumisi, kwaye ngaphaya Waxelela uTomas ukuba eze kuMchukumisa.”] Wayengekanyuki, uyabona. Yena . . . [“Kuba andikanyuki ndiye kuBawo waM.”]

335 Injalo loo nto, yabona, Wayengenakuchukunyiswa ade Abe...emva kokuvuka Kwakhe. Wayephumile emhlabeni, uyabona. Waphuma emhlabeni kwaye wahamba phakathi kwabantu, kodwa Wayengekenyuki. Wathi...Wamxelela uMariya, Wathi, “UngaNdichukumisi.”

Wathi, “Rabhoni.”

336 Wathi, “Chukumisa... UngaNdichukumisi, kuba andikanyuki ndiye kuBawo. Kodwa ndiyenyuka, ndiya kuThixo waM nakuThixo wenu, kuBawo waM nakuBawo wenu.”

337 Kwaye ke ngobo busuku, emva kokuba Enyukile waya phambi koThixo, waze wavuka kwabafuleyo, wenyuka waya phambi koThixo. Wabuya, Wamema uTomas ukuba eze kuMchukumisa ecaleni Lakhe. Yabona, Wenyuka wangena phambi koThixo. Injalo lo nto. Kulungile.

118. Ngoku. **KweyokuQala kwabaseKorinte 14, “Landela—phuthumani uthando, nizizondelele izipho ezizezoMoya, kodwa kungcono ningaprofeta.” UWebster, esithi, “profeta: ukuxela kwangaphambili iziganeko zexesha elizayo, ingakumbi ngempfumlelo yobuthixo.” Ingaba umyalezo...Ngoku bona...oko—oko koko kwathethwa nguWebster kunye noko umzalwana—umzalwana akubuzileyo. Ingaba umyalezo unokubizwa “ukuprofeta” engazixeli iziganeko zexesha elizayo?**

Hayi, mhlekazi. *Ukuprofeta* ku “kuxela kwangaphambili.” Yabona? Konke kulungile.

119. Ngoku. **KwabaseKorinte bokuQala 14:27, ndiyakholwa ukuba yonke imiyalezo imelwe ukutolikwa nokuba kungabi ngaphezu kwemiyalezo emithathu kunikelwe ngeelwimi kuyo nayiphi na inkonzo.**

338 Eso siSibhalo. Ndinayo ibhaliwe apha. Kakade, asi... Siqhelene noko kwaye siyakwazi oko, uyabona. Yiloo nto... Ewe, mhlekazi, kunjalo... kufuneka kuphela iindlela ezintathu. Oko kukwabaseKorinte bokuQala 14, kananjalo. Yabona? Injalo lo nto, “iindlela ezintathu.” Ngoku kukhangeleni oko kwimihlangano yenu, bazalwana. Ngoku, niya—niyakufumanisa ukuba yiza ngoku, uya kufumanisa ukuba abantu abaninzi babanomdla. Kwaye ungatsho ukuba abanawo uMoya oyiNgcwele, ngoku. Kodwa, uyabona, uPawulos wehla waya kubeka kulungelelwano ibandla laseKorinte. Sonke siyakwazi oko, akunjalo? Kwafuneka alibeke ngolungelelwano. Kwaye wathi, “Zonke izinto mazenziwe ngokubekekileyo, nangolungelelwano.”

339 Ngoku, ukuba uyaqaphela, uPawulos, ekwehleni, wayesoloko enengxaki nebandla laseKorinte. Awuzange umfumane ngolo hlobo e...Akazange athethe nto ngayo kwibandla lase-Efese, wayenokubafundisa ukhuseleko lwaNaphakade. Akukho nto malunga nokhuseleko

lwaNaphakade kwi—kwibandla laseKorinte. Babesoloko beziintsana, bezama, “Omnye unolwimi, omnye unendumiso.” Akunjalo na oko? Yabona? Kwaye ukuba uyalivumela ibandla lakho ukuba liqalise ngaloo nto. . .

³⁴⁰ NjengoMartin Luther, wazaliswa kakhulu nguMoya wade wathetha ngeelwimi. Wathi, kwidayari yakhe, wathi, “Ndathetha ngeelwimi,” wathi, “kodwa ukuba ndiyabafundisa abantu bam oko” wathi “baya kufuna isipho endaweni yoMniki.” Yayilungile loo nto, yabona, bayakufuna isipho endaweni yoMniki.

³⁴¹ Kwaye yiloo nto abantu abayifumanayo, baze ke bakhathazeke kwaye bakhukhumale xa bebavumela ukuba bathethe ngeelwimi okanye into enjalo. Kwaye ukuba ayiyokaThixo, ngoko ayisayi. . .iya kuba yinto engento. Kodwa thina. . .

³⁴² Ngoku, amabandla anamhlanje ayayijika yonke loo nto, kodwa asiyenzi. Siyakholwa ukuba sisipho sikaThixo kwaye sinokufakwa phaya ngoMoya kaThixo Uthini ngaloo nto, Mzalwana uRoy? Injalo lo nto. Ewe, mhlekazi. Faka ebandleni! Yeyasebandleni. Isipho sokuthetha ngeelwimi sesaphaya, yabona, kwiBandla likaThixo.

³⁴³ Ngoku, makhe sibone ngoku kanye ukuba wawuyintoni umbuzo wakhe apha. Wathi, ukuba:

Ndiyakholwa ukuba yonke imiyalezo... (ilungile lo nto)... kufuneka itolikwe, kwaye oko ngokulandelelana abathathu.

³⁴⁴ Injalo loo nto, yabona, ngokuba ukuba uvumela i. . . Ngoku masithi, umzekelo, ngokungathi ubunomhlangano kwaye sihleli apha kwaye—kwaye. . .Ngoku, kuyakunceda ngantoni ukumyeka *yena* athethe ngeelwimi, *yena* athethe ngeelwimi, *yena* athethe ngeelwimi, *yena*? Kuba, sonke besiya kubhideka singayazi nokuba besisenza ntoni na. Yabona? Ngeendlela ezintathu, vumela. . .njengoHollin, uthetha ngeelwimi, ukuba uthetha ngeelwimi. . .

³⁴⁵ Kwaye kufuneka kubekho netoliki kananjalo. Ngoku, kungakho itoliki enye ngaphandle kokuba utolika olwakho ulwimi. Ngoku wena. . .“Lowo uthetha ngalwimi zimbi, makathandazele ukuba atolike.” Angatolika iilwimi zakhe ntoleyo nje efana—nje efana neyamkelekileyo njengomtoliki othile. Kodwa kufuneka kubekho itoliki enye phambi kokuba iilwimi zinga. . .Ukuba uneqela labantu abathetha ngeelwimi kwaye kungabikho toliki, ngoko zithandazele ukuba ukutolike oko uku—oko ukuthethayo.

³⁴⁶ Ngoku, sukuyenzela nje ukuzigwagwisa, kuba uyazakha nje ngoko, uyabona. Musa ukuyenza loo nto. Kodwa thethani ngeelwimi ukuze nakhe uThixo, nibe nokulakha ibandla. Uyabona, konke kungenxa yesizathu esinye esikhulu, mzalwana.

Ezi zipho zezokwakha uThixo, ukwakha ibandla, ukuzisa abantu kuThixo, ukubenza bazi ukuba uThixo unathi. AkangoThixo ofileyo, UnguThixo ophilayo osebenza phakathi kwethu. Yabona?

³⁴⁷ Kwaye kufuneka sikujonge oko ngokusondeleyo ngenene kuba, nkwenkwe, umtyholi ukuthiyile okuya njengayo yonke into, uyabona, ukubona izipho zenene zokwenyani. Kuba izipho zibuthathaka, kwaye unokuhamba ngenene asebenze kwezo zipho. Umntu, owu, umntu, angalinganisa ngenene ngasinye sazo. Ngoko naso isizathu. . .

³⁴⁸ Ngoku, khangela, umahluko phakathi kwesipho sokuprofeta nomprofeti, kukho nje isigidi seemayile umahluko. Ngaphambi kwesiprofeto. . . Indoda enesiphiwo sokuprofeta inokuxelwa naphambi kwebandla, ababini okanye abathathu bamelwe kukukucalula oko baze bathi “oko yinyaniso.” Injalo lo nto. Kodwa hayi umprofeti. Yabona? Umprofeti sisikhundla. Isipho sesiprofeto sisipho. Umprofeti uyazalwa, uno ITSHO INKOSI, mzalwana, kanye njalo njalo. Akukho nto kuloo nto, uyabona. Ngumprofeti lowo. Kodwa isipho sokuprofeta, sisipho eso, uyabona. Esinye sisikhundla sikaThixo, esinye sisipho sikaThixo. Yabona? Kwaye ngumahluko lowo.

³⁴⁹ Ngoku, imiyalezo, ithi, ngoku, umzekelo, nantsi indlela ekuyakuba ngayo. Ngoku, sizakuthi, njengoMzalwana uJunie, ngokuhlwanje, uyatolika. Siyazi ukuba ungumtoliki. UMzalwana uNeville ungumtoliki, yabona, utolika iilwimi. Siyayazi loo nto. Ngoku, kunokuthini ukuba silapha ngokuhlwanje, owu, uMoya kaThixo ugqabhuka nje ukuba uthethe. Bethu, kwalunga! Kwaye asi. . . sifanele si. . . sifanele. . . Yima, inkonzo izakuqala kwimizuzu embalwa. Yabona, siya—siyahlangana kanye phambi kwenkonzo. Ndiyibeka ngolungelelwano njengoko besiyakwenza apha.

³⁵⁰ Ke, ngoko, into yokuqala uyazi, kunyuka uMzalwana uRuddell aze athethe ngeelwimi. Yima nje umzuzu. Yabona? UJunie uyaxhuma, “ITSHO INKOSI, ‘Ethile-thile into.’” Kulungile, umntu othile ngapha, ababhali beyibhala phantsi ngapha, yabona, nantoni na eyathethwayo; uh-huh, masiyithabathe nje ngokukhawuleza, yabona. . . yifumane intsha, kanye lento awayithethayo. Kulungile, bona. . . Ukuba—ukuba yaliwe, ngoko kungcono wena—wena uyiyeke, yabona, yikrazule. Kodwa ukuba ayaliwanga, yamkelwe ngabantu ababini, ngoko ibhalwe apha, batyikitye igama labo kuyo. Yabona? Oko—oko—oko kokwebandla lenu. Yiloo nto. . . Ndinixelela nonke ukwenzela inzuzo yenu, yabona, andazi nokuba bayenza loo nto ekuqalekeni na okanye hayi.

³⁵¹ Kwaye into yokuqala uyazi, kutsiba phezulu uHollin, athethe ngeelwimi. Ngoku, itoliki isenokuthi ijwuzwe kwaloo myalezo mnye, yabona, isenokuba yinto enye, into ethile ukuba

yenzeke, isiprofeto; yabona, into eza elungiselela ukwenzeka, okanye into omelwe kukuyenza. Kuxhuma phezulu uMzalwana uRoberson, ngasemva, athethe ngeelwimi. Konke kulungile. Isenokuba ngumyalezo omnye, anike utoliko olunye, yabona, okanye isenokuba yimiyalezo emithathu.

³⁵² Ngoku, uThixo akasayi kuthumela imiyalezo engamashumi amahlanu ngobusuku obunye. Siyayazi loo nto, kuba u—ubungenakuyifumana. Uyabona? Kodwa nantoni na ecinezela ibandla, njenge. . . okanye into ethile eyenzayo, yeyokwakhiwa kwebandla. Yabona? Ngoko a—a—andiyikuvumela okunye kunokuya, yabona, kuba Yathi, “Mayibe ziindlela ezintathu.” Yabona?

³⁵³ Nje indlela ezintathu, ngoko—ngoko ndiyakuthi “Qhubekeka uyibhale phantsi, uyibeke phaya phezulu epulpitini.” Yabona? Ke ngomso ebusuku sidibana kwakhona. Yabona? Kwaye ukuba kukho nantoni na elungiselela ukwenzeka phakathi kwangoku nangomso ebusuku, UThixo uyakuyithetha komnye waloo miyalezo. Yabona ukuba ndithetha ukuthini? Mayibe ziindlela ezintathu. Kwaye ndiyacinga ngoku, uWebster uthi, isiprofeto sinako. . .

Ingaba umbuzo- . . . umyalezo unokubizwa isiprofeto esingalixeli ikamva?

³⁵⁴ Hayi. Ukuba sisiprofeto, siyaprofeta, sixela kwangaphambili into eza kwenzeka. Yinyaniso leyo, nayo.

³⁵⁵ Kulungile, kwaye ndiyacinga. . . Ngoku, le yeyokugqibela side sifike kwezi zilapha.

120. Mzalwana uBranham, ingaba—ingaba nayiphi na kwezi. . . Mzalwana uBranham, nayiphi na kule mibuzo. . . Ibhalwe ngomatshini wokuchwetheza kwaye iphantse yakhuhleka. **Ingaba nawuphi na kule mibuzo- . . . Mzalwana uBranham, nawuphi na kule mibuzo oziva ungakhokelelwa ukuba uyiphendule okanye uzibophelele kuyo. . . okanye uphawule ku (ehe), phawula kuyo, beka ecaleni, andizukuva kakubi konke konke. Yeyiphi imisebenzi epheleleyo yedikoni ngokweSibhalo?**

³⁵⁶ Ke, ndi—ndiyakholwa ukuba bakufumene oko phaya. Ukuba kunjalo. . . Ndiyazi ukuba lelinye lamadikoni ebandla lethu. Ngoko ndiyakholwa ukuba banolungelelwano loko phaya. Simelwe kukufumana ezinye iikopi zazo size sinike ngamnye kumadikoni ethu ukuba asinazo. Andazi ukuba singafumana ikopi yokuya, Gene, omnye. . . okanye, wena okanye uMzalwana Leo, okanye abanye babo, malunga. . . fumana malunga nesithandathu okanye isibhozo sazo uze uzinike amadikoni ethu. Loo nto inika imisebenzi, ngokweSibhalo, into enokwenziwa lidikoni.

121. Ukuba kunokwenzeka sibe nesiprofeto okanye umyalezo ngeelwimi ongekho kulungelelwano, sifanele nje sisilungise njani?

³⁵⁷ Ngoku, leyo yimeko elungileyo yonxunguphalo, yabona. Yabona? Ngoku, usikeleleke, dikoni elikhankanyileyo oku, kuba yinto elungileyo le. Ufuna ukuyiphatha ngezingxobo zezandla ezinziwe ngethwathwa. Ngoku, ukuba unika i... Ukuba ubani uthe weza ebandleni lethu apha aze anike umyalezo okanye isiprofeto esingekho kulungelelwano, akukho nto unokuyenza malunga nayo ukuba basemgangathweni. Yabona? Wena nje... Bayazi ukuba abekho kulungelelwano kwaye iya—iya... ingayonakalisa inkonzo. Yabona? Kodwa, ukuba iyayenza, eyona nto nje ingcono yokuba uyenze, kumadikoni, kukuthula nje. Yabona? Ngokuba umprofeti oseqongeni nguye ngokwenene o... Nina ni—nina ningabakhuseli bakhe, ningamapolisa akhe, yabona, ningabalindi abasingqongileyo. Yabona?

³⁵⁸ Ngoku, ukuba ngumntu okwelethu ibandl... Ukuba ingaphandle kwebandla lethu, umntu akaqeqeshwanga, yabona, abaqeqeshwanga. Leyo yinto esizama ukungena kuyo apha, yabona, ukuba thina—thina siyayazi into emasiyenze. Siyayazi indlela yokuqeqesha abantu bethu. Kodwa ukuba i—ukuba ingaphandle kwebandla lethu, ke, asazi ukuba laa mntu ulusizi uqeqeshwa njani.

³⁵⁹ Umzekelo, njenge... UBilly uyakukhumbula oku, eCosta Mesa, eCalifornia. Ngalo lonke ixesha xa ndilungiselela ukwenza ubizo lwesiguqo kuyakubakho umfazi otsibayo, aze abaleke esihla esihla kwezo paseji, ethetha ngeelwimi, kwaye wayesuka nje akrazule olo bizo lwesiguqo lube ziziqwenga. Kwaye kufuneka ndiphume nje. Ubunokubona uMoya ugqityiwe—ugqityiwe ukwenziwa buhlungu, uyabona. Akukho nto iya kuwenda buhlungu uMoya kaThixo ukuba ikucwangco. Yabona? [Indawo engenanto eteyiphini—Mhl.] ...nje phambi kokuba alungiselele ukuqalisa, indlela ebeya kuzilungisa ngayo, kuba ndandimqaphela. Nawuphi na umlungiseleli uya kuyenza loo nto xa ebona nantoni na ephumayo kucwangco. Ngoko lo mfazi wayesemva phaya kwaye waxelela uBilly, waze uBilly wandixelela xana ndandingena ngoba busuku, wathi, “Tata, uyayazi laa mfazi owaphule—owaphule lona ubizo lwesiguqo, ubusuku obubini?”

“Ehe.”

³⁶⁰ Wathi, “Wayehleli phaya phandle,” wathi, “yena wathi, ‘Uzuko kuThixo, Billy, ndinomnye umyalezo ngokuhlwanje!’”

³⁶¹ Ke, ngoku, uyabona, ndamqaphela ezantsi phezu kwabaphulaphuli. Kwakukho amawaka abantu phaya; kulapho i*Reader's Digest* yabhala oko malunga nokuphiliswa kukaDonny Morton, niyayazi, *UMmangaliso kaDonny Morton*. Ke ndamqaphela laa mfazi, kwaze kanye ngexesha endaqalisa

ngalo ukwenza ubizo lwam lwesiguqo, yena...Ngoku, wayengaqeqeshwanga nje; ngaphandle kwentandabuzo, umfazi olungileyo. Kodwa wabhekabheka, waqalisa ukulungisa iinwele zakhe. Wayeneenwele ezinqothuliweyo, yabona. Ke, uyabona, wayengowase-Assemblies okanye kwelinye laloo mabandla—akuvumelayo oko. Wayelungisa iinwele zakhe phezulu. Welula isandla watsala iikawusi zakhe, wazilungisa ngolo hlobo. Kwaze kwathi kanye ngexesha ndaqalisa ukwenza isiguqo... Ndathi, “Ngoku, bangaphi apha... bangaphi abakhoyo ngoku abangathanda ukuza ngaphambili kwaye—kwaye banikele iintliziyi zabo kwiNkosi uYesu?”

³⁶² Waxhuma. Ndathi, “Hlala phantsi.” Waqalisa. Ndathi, “Hlala phantsi!” Yabona? Kwaye, nkwenkwe, wonke umntu... Ndavele ndayeka. Wenza ngathi akakhange andive, ndaza daphinda ndangxola kwakhona. Wandiva ngela xesha, kuba ndaba ngathi ndishukumisa isakhiwo ngalaa mboko mkhulu wokuthetha umi kanye phaya. Kwaye wahlala phantsi.

³⁶³ Ndathi, “Ngoku, njengokuba bendisitsho, bangaphi abafuna ukuza esibingelelweni banikele iintliziyi zabo kuThixo?” Ndaze ndaqhubela phambili nomhlangano, yabona.

³⁶⁴ Kwaye ngobo busuku xa ndandiqala ukuya kwilori, ndandirhangqiwe. Kwaye nali igquba labafazi bemi apho njengegquba leenkukhu, uyazi, “Unyelise uMoya oyiNgcwele.”

³⁶⁵ Ndathi, “Ndiyenzile?” Ndathi, “Ndinganyelisa njani uMoya oyiNgcwele ngokulandela umya-... ukuvakalisa kweZibhalo?” Yabona?

³⁶⁶ Kwaye lo mfazi wathi, “Ndandinomyalezo ovela kanye ngqo kuThixo.”

³⁶⁷ Ndathi, “Kodwa ubuwunika ngexesha elingelilo, dade.” Ndathi, “Andi... ”

“Uthi ibinge—ibingenguwo okaThixo?”

³⁶⁸ Ndathi, “Bendingenakuxelela, nenekazi.” Ndathi, “Ndi—ndi—ndiyakholwa ukuba ibinguwo, yabona.” Ndathi, “Ndiya kuyitsho ukwenzela inzuzo yakho, ukuba, ‘Ndithi ndiyakholelwa ukuba ubunjalo.’ Kwaye ndiyakholwa ukuba ungumfazi olungileyo, kodwa ubuphumile kulungelelwano.”

³⁶⁹ Kwaye nanko umalusi wakhe emi phaya. Bendisazi ukuba wayengumalusi wakhe, yabona. Ndaze ndathi... Nda—ndathi, “Inye kuphela into endinokuyithetha, yokuba kunokwenzeka ukuba nguwe wawusenyameni okanye unomalusi okuqeqeshileyo ongazi nto ngeZibhalo.” Ndathi, “Umelwe kukuba eze azokuthetha nathi okwethutyana malunga neZibhalo. Akulunganga oko, uphumile kulungelelwano. Uphulukene nemiphefumlo emininzi, ngobusuku obungaphambi kwephezolo, nemininzi phezolo kwakhona, kwaye ngewenza kwa into enye ngokuhlwanje.”

370 Kwaye le ndoda yathi, “Mzalwana uBranham,” yathi, “Andikuba.”

Ndathi, “Uthetha ukuthini?”

371 Yathi, “Ebenelungelo lokunika loo myalezo, ubugqibile.”

372 Ndathi, “Ndandiseqongeni, kwaye umoya wabaprofeti uyabathobela abaprofeti. Ndiseseqongeni.”

Yaze yathi, “Ke . . .”

373 Ndathi, “Ndandisenawo uMyalezo. Bendisenza ubizo lwam lwesiguqo, kukurhugulela ngaphakathi. Ndiphose umnatha wam, ndiyawutsala ngoku. Musa ukuphosa ucingo oluhlalayo phaya phandle okanye into eza kuyiphazamisa, yabona.” Ndathi, “Bendisatsala umnatha wam.” Kwaye—kwaye ndathi, “Uye waphazamisana no—nokungeniswa kwemiphefumlo. I . . . Kunganceda ntoni ukushumayela okanye nantoni na eyenye ukuba awubizi kwaye ufumane aboni ukuba beze? Yabona?”

374 Yaze yathi, “Ke, umyalezo wakhe wawusemva kowakho. Owakhe wawungaphandle kweqonga . . . Owakhe wawuphuma ngqo kuThixo.”

375 Ndathi, “‘Ukuba umntu uba ungowoMoya, nokuba ungumprofeti makayivume le nto ndiyithethayo mna yiMiyalelo yeNkosi. Kodwa ukuba akazi, makabe nokungazi. Thina asinasiko linjalo, kwanalo iBandla likaThixo,’ ndicaphula uPawulos, uyazi. Ndathi, ‘Hayi, mhlekazi, akukho nto intsha! Yena . . . UYesu wathi, ‘Onke amazwi omntu makabe bubuxoki lize elam libe yiNyaniso.’ UPawulos wathi, ‘Nangona iNgelosi evela eZulwini isiza nayo nantoni na eyenye ingeyiyo le Apha, mayiqalekiswe.’” Ndathi, “Mnumzana, uphumile ngokuqinileyo emgceeni.” Ndathi, “Loluphi uhlobo lwebandla onalo? Ndiyafunga liqela elikhulu lokubhideka. Yabona? Ukuba ungabavumela abo bantu benze oko ungalwenza njani ubizo lwakho lwesiguqo? Umfazi unolungiselelo, bonke banalo ulungiselelo, kodwa ninawo amaxesha olungiselelo lwenu, yabona, elinikelwe kulo.”

376 Ngoko ilungile. Hayi, kwaye ngoku ukuba oko kuyenzeka ebandleni *lethu* ngolo hlobo, ngolu hlobo, ngabazalwana okanye oodade bethu abathile apha ebandleni abathetha ngeelwimi, ngoku, amadikoni emva kwebandla, ibhodi, ndicinga ukuba imelwe kukudibana nabo, kwaye uthi, “Makhe ndibhekiselele kuni emva eteyiphini, okwemizuzu nje embalwa, uyabona.” Yabona, nina nje . . . Okanye—okanye, umalusi, athi, “Ndi—ndiqinisekile ukuba umalusi ufuna ukuthetha nawe. Ungadibana nathi apha kwindawo yokufundela okwethutyana, yabona, mzalwana.” Xana, ngoko ungene phaya uthethe naye kakuhle ngenene. Yabona? Kwaye uthi . . .

377 Kodwa, ngoku, ukuba baphuma bonke kulungelelwano baze baphazamise umalusi wenu, bona, ukuba—ukuba baphazamisa

umalusi wenu, ngoko nina badala kufanele nihambe niye kuye nithi, “Umzuzu nje.” Kwaye ukuba umalusi uyabonakalisa kuni ukuba nibanqande, ngoko ugqibile ukuwubamba umoya phaya phezulu, lowo . . . ukuba baphula umoya womhlangano, uyabona.

³⁷⁸ Ke ukuba umalusi uyayeka aze ngentlonelo athobe intloko yakhe, nje musani ukuthetha kwanto. Yabona? Musa ukuthetha kwanto; myekeni umalusi. Kodwa mjongeni umalusi wenu. Ukuba ubonakalisa kuwe ngolwa hlobo, ukuba uyiqande, emva koko hamba ngothando lobuKristu, uthi, “Mzalwana wam, dade,” nantoni enokuba yiyo, “Ndiyakholwa ukuba uphumile kucwangco, ngokuba uphazamisa umprofeti, uyabona. Unomyalezo ovela kuThixo. Xa egqiba ngomyalezo wakhe, siza kubona malunga nayo kamva kancinci.” Yabona, ukuba iyamphazamisa.

³⁷⁹ Kodwa ukuba ngumntu ophumileyo, kwaye umalusi ngentlonipho uyema aze alinde umzuzu, emva koko yena . . . mhlawumbi uya kuqala kwangoko, uyabona. Ngoko . . . Kwaye ukuba uyaqaphela, amashumi alithoba ekhulwini exesha ngolwa hlobo, ukutolika, ihlala icaphula nje iSibhalo esithile okanye into enjalo, ekusenokwenzeka ukuba yinyama kuzo zombini iziphelo zentambo. Niyayazi ukuba ndithetha ukuthini ngolo hlobo. Yabona? Konke kulungile.

122. Ingaba kuvumelekile ukuba abangaphezu kwesinye bathethe umyalezo ngeelwimi ngaphandle kokutolikwa?

³⁸⁰ Hayi. Kufuneka beze ngamnye ngamnye. Yabona? Omnye anike . . . Omnye makathethe, aze emva koko anike utoliko. Yabona? Kwaye ngoko ukuba uthe wathetha omnye, utoliko; kuba, ukuba awuyenzi, Itoliki ayiyi kuyazi into eyenzayo kuba kukho imiyalezo emibini okanye emithathu apha ebetha kuye ngaxeshanye, uyabona, kwaye loo nto ibiya kumbhida. Kwaye uThixo akangombhali wesiphithiphithi, uyabona. Ngoko ke makathethe omnye, nomnye atolike. Yabona? Kuze emva koko . . . Nika imiyalezo emithathu, kodwa umyalezo ngamnye mawutolikwe.

³⁸¹ Emva koko siya kuba . . . Njengokuba uMzalwana uRuddell ebenokuthetha aze uMzalwana uNeville anike utoliko, uMzalwana uFred uyathula nje. Yabona, fumana olo toliko. Kuqala, imelwe kukugwetywa kuqala, ukubona ukuba yekaThixo na okanye hayi, kwindawo yokuqala. Yabona? Kwaye kulungile. Ngoku, ukuba uMzalwana uRuddell uyathetha, uMzalwana Beeler uyathetha, uMzalwana uNeville uyathetha, usizi lwetoliki lunemiyalezo emithathu emgcezi; Intoni—yintoni, uya kuyazi phi into emayiyenze? Yabona? Myekeni. Nika umyalezo kwaye emva koko uthule, ulinde nje. Makutyhilwe into ethile kulowo uhleli ngakuye; makathi cwaka, ahlale nje azole. Yabona? Kwaye ngoko makufike ukutolikwa.

³⁸² Ngoko, xa uyenzile, yibhale phantsi ngoko, ubone ukuba bathini abacaluli. Yabona? Ukuba bathi, “Ke, i—suka kuThixo.” Kulungile, kukho umyalezo, yabona, wubhale phantsi. Emva koko linda umzuzu nje. Kwaye into yokuqala uyazi, kulungile, ngoko uMoya uhamba phezu kwakhe, uyakuthetha. Ngoko itoliki ilinda umzuzu, ibone ukuba uMoya oyiNgcwele uzakuthini. Nanku Ephumela ekwenzela lo myalezo, uyabona. Kwaye emva koko uyakuyibhala phantsi loo nto, yabona. Kwaye yenzewe ibe ngokulandelelana emithathu.

123. Mzalwana uBranham, siyazi ukuba ungumthunywa othunye uvela kuThixo kwesi sigaba seabandla. Kwaloo mihondiso minye eyayilandela uYesu siyibona ilandela emva kwakho, kwaye thina si...siyayiqonda kutheni abanye abakwazi kakuhle becinga ukuba unguMesiya. Ungawuchaza umahluko kubudlelwana bakho noThixo kunye nobu bukaKristu?

³⁸³ Ke, ndiyazi, bazalwana, yinyani leyo. Yabona, kodwa masilinde, ndinento ebhalwe phantsi ngokuya apha, okomzuzwana nje. Yabona, ngamaxesha amaninzi ayiqondwa kakuhle. Yabona? Kodwa, ngoku, emntwini ngaxesha lithile...Kwaye ndifuna abanye benu batyhile kunye nam kuLuka, isahluko se-3 nomqolo we-15. Ngelixa usenza oko, ndisenokuba ndithi kuwe...Xa uyifumene, ukuba nguLuka 3, ngu...ingaba...ikwi...Makhe nje ndi...Andizukuwuvula umnyango, kuba akukho mntu phaya. Ma—mandizise nje oku kuni, bazalwana. Niyivile, ikho kwindawo yonke. Kodwa makhe ndinixelele, yabona, imelwe kukuba ize ngalaa ndlela. Imelwe kukuza ngalaa ndlela. Ukuba bekungeyiyo laa ndlela bendiya kuguquka kumyalezo wam.

³⁸⁴ Yivani, bazalwana, ndiyaniyalela phambi koKristu, ukuba ni—ni—nibambe le ndawo yoxolo lwakho, kodwa ukuba beningaboMoya beniya kuqonda. Yabona? Aniyazi into yokuqala Awayithethayo phaya ezantsi emlanjeni? Anikhumbuli ukuba Wathini? “Njengokuba uYohane umBhaptizi wathunyelwa ukuza kwandulela ukuza kokuqala kukaKristu, uMyalezo wakho...” NguMyalezo oyakwandulela uKuza kweSibini kukaKristu. Nantso into eyathethwa yiNgelosi yeNkosi.

³⁸⁵ Ngoku, ngoku qaphela. Ngoku, “Njengokuba uYohane umBhaptizi...” Ngoku, nonke niyivile loo nto. Niyifundile ezincwadini, kwaye nibavile abantu ababemi apho beYiva, nayo yonke enye into, xa laa Ngelosi ngokwaYo yawuthetha loo myalezo, “Njengoko uYohane umBhaptizi wathunyelwa ukuza kwandulela ukuza kokuqala kukaKristu, uthunyelwe nalo Myalezo, uyakwandulela uKuza kweSibini kukaKristu.” Ngoku, “uMyalezo.”

³⁸⁶ Ngoku, ukuba uyakuqaphela, kwaye mna...UWillie omncinci phaya wabeka igama lam phantsi kwala nkwenkwezi

phaya, kwaye eso sisizathu sokuba ndiyigqithile, uyabona, kuba a—andicingi . . . Ngoku, ndiza kunyaniseka njengoko ndinokuba njalo, Andicingi ukuba bendiyakuba nayo nantoni yakwenza naloo mthunywa, yabona. Injalo loo nto. Ndiyakholwa ukuba mhlawumbi ndithunyelwe indawo eBandleni Lakhe, ukunceda ukwakha laa Myalezo unyuke ufikelele kwindawo apho ubuya kuthi xa lo manduleli efika, okokuba uyakufika khona.

³⁸⁷ Kodwa ndiyakholwa, mna ekubeni ndiyile nto ndiyiyo, ndiyiyo . . . Ndiyakholwa ukuba ndinoMyalezo wale mini. Ndiyakholwa ukuba oku kuKhanya kwemini, kwaye ndiyakholwa ukuba kwalatha kwela xesha lizayo, uyabona, ndiyakholwa ukuba uMyalezo awawuthethayo phaya ezantsi, “uMyalezo onawo.” Ngoku, ukuba niye naqaphela laa Nkwenkwezi eyaphuma phaya emva, yayiyi . . .

³⁸⁸ Makhe ndiyenze . . . Ndiyazazi ndi—nditswikila ixesha lam apha, kwaye ndinale eminye, enjalo ukuba mihle imibuzo. Andifuni . . . Kuse—kusemva kweshumi ngoku, ke, kwaye ndiyazi ukuba nifuna ukugoduka. Yabona? Kodwa mamela apha. Makhe ndinibonise into. Ningandinika nje i—nje imizuzwana embalwa eyongezelweyo? Kulungile, kulungile.

³⁸⁹ Ngoku khangela, ngoku makhe ndithethe into. Ngoku, nina bazalwana kugcineni oku phakathi kwenu. Yabona? Ngoku, kugcineni oku phakathi kwenu. Kufuneka ndinimise kakuhle koku kuba ungumalusi wam . . . ningabelusi bam nezinto, niyabona, kwaye ndi—ndimelwe kukwenza oku. Kwaye ningabazalwana kunye nam nisebenza kulo Myalezo. Yabona?

³⁹⁰ Ngoku, ngokunokwam ngokwam, njengendoda, ndinjengani kwaye ndimbi ngakumbi kunani. Ndi—ndi—ndi . . . Abaninzi benu beza neemvelaphi zobuKristu nezinto ezinjalo. “Ndingoyena ubalaseleyo kuboni,” njengoko kwakutshiwo ngelinye ixesha, “phakathi kwenu.” Obona bomi buphantsi, ndiyaqikelela, obunokuphilwa, njengongakholwayo nomthandabuzi, ndandinjalo.

³⁹¹ Kodwa ukusukela ebuntwaneni bendisoloko ndisazi ukuba wayekho uThixo, kwaye ndayazi ukuba kukho into eyenzekayo ebomini bam. Kwaye oko ku—oko kungaphaya kwawo nawuphi na umbuzo, mzalwana wam. Yabona? Kodwa mandikuthethe oku, ukuba kuya kufika—kuya kufika uMyalezo, kwaye kuyakufika umthunywa. Ndiyakholwa ukuba ifanela ibe yindoda i—iyakuba ngumntu othile emva kwam. Yabona? Iyakuba . . . Kodwa lo Myalezo endiwushumayelayo nguMyalezo wenyani walo mhla, kwaye nguMyalezo wokugqibela. Niyayibona le nto ndiyenzayo, bazalwana? Ndinibeka nonke kwindawo enye endikuyo, kuba nikuyo kanye njengokuba ndinjalo. Ningabathunywa balo Myalezo mnye.

³⁹² Jonga apha, ndinomzekeliso. Ndi—ndicinga ukuba ndingayenza ibengcono ngomzekeliso. Mandibe buwuvala

nje kancinci lomnyango okomzuzwana. *Lo* nguYesu, kwaye *lowa* nguYesu; ke, ndizakubeka *oku* apha, iGetsemane, nale *apha naphaya*. Ngoku, awukwazi. . . Andizange ndiyithethe le nto phambi kwebandla phaya. Ngoku, khumbula, luhlobo luni lokukhanya (inkwenkwezi) olwakhokelela umntu owayefuna ubulumko, “*ukusikhokelela ekuKhanyeni Kwakhe okugqibeleleyo*”?

³⁹³ Ngoku ndiza kuczulula apha umzuzu nje ndinixelele into. Makhe siyikhuphe loo nto. . . athe uWillie wayenza phaya phezulu, size sithi ilungile. Masithi nje ilungile. Andinakuyithetha loo nto, bazalwana. Elo kratshi. Oko, andiyi. . . Nokuba bendikholelwa kuyo, bendingayi kuyithetha. Yabona? Omnye umntu uyayithetha, ngabo.

³⁹⁴ Kodwa, apha, njengokuba bendisandula ukubuzwa, amanye amakhwenkwe, ukuba banganikeza ubungqina ngezinye zezinto ezenzekileyo. Andikuthandi ukungena epulpitini ndingqine ngento eyenzekileyo emhlanganweni. Vumela umphathi okanye omnye umntu enze loo nto, yenziwe ngomnye umntu. Andithandi ukwenza oko.

³⁹⁵ [Umzalwana uthi, “Nabo beza kuYohane bathi, ‘Unguye na uKristu?’”—Mhl.] Ehe, yiloo nto, into endizama ukuya kuyo. [“Unguye na laa mProfeti?”] Wakhanyela. [“Akazange athethe nenye, uthi, ‘Ndingulowo umemezayo nje entlango.’”] “Ilizwi lodandulukayo entlango.” Wazibeka ngokwendawo yakhe.

³⁹⁶ [Omnye umzalwana uthi, “Bambuza ukuba wayengulaa mProfeti na, wathi ‘Andinguye.’”—Mhl.] Ehe. Ngoku. . . Kuba umProfeti yayinguLowo uMoses wathetha ngaye. Yabona, ngumProfeti lowo, yabona. Yabona? Kodwa wayesazi ukuba wayengubani, yabona. Kodwa wayixela, ngoku, loo nto. . . Wabaxelela, yabona, kwaye wathi, “Ndililizwi lalowo. . .” Yayinguye lowo. Wa—watsho into ayiyo. Yabona? Kodwa wayeyi. . .

³⁹⁷ Qhubeka. [Umzalwana uthi, “Xa uKristu weza ngoko, elandela uYohane, beza kuYe, bathi, ‘Sifundiswe ukukholelwa ukuba u-Eliya wayeza kufika ngaphambi koMesiya.’ Wathi, ‘Ukuba ninokuyamkela.’”—Mhl.] Yayinguye lowo. Injalo lo nto. Injalo lo nto. Waze waqhubeka uYohane esithi, “Andiyonto! Andiyonto! Andifanelekanga ukukhulula isihlangu Sakhe!”

³⁹⁸ Kodwa kuthekani xa uYesu wayethetha ngaye? Wathi, “Naphuma uyokubona bani?” Ewe. Ewe. “Beniye kubona ingcongolo izanyazanyiswa ngumoya? Okanye nahamba nisiya kubona ntoni na, indoda ethile enxibe impahla entle nobunewunewu nezinto?” Wathi, “Basebhotwe lokumkani. Kodwa naniye kubona umprofeti? Ndithi ewe, kwaye nongaphezulu komprofeti.” Wayengaphezu komprofeti, wayengumthunywa womnqophiso. Yiloo nto awayeyiyo. Wayengaphezu komprofeti. Wathi, “Akuzange kubekho indoda

ezelwe ngumfazi enkulu njengaye ukuza kufika kweli xesha.” Yabona?

³⁹⁹ Nantso into eyayiyiyo, yabona, wayengumthunywa womnqophiso. Nguye lowo owathi wazisa kwaye wathi, “Lo nguYe.” Bonke abanye abaprofeti bathetha *ngaYe*, kodwa uYohane wathi “Lo nguYe.” Yabona?

⁴⁰⁰ Ngoku khangela. Ngoku qaphela. Indoda esisilumko yalandela inkwenkwezi. Ndizakuyibuyisela umva ngakumbi ngokwendlela encinci, yabona. Indoda esisilumko yalandela inkwenkwezi, ibuzisa, “Uphi na lo uzelweyo uKumkani wamaYuda?” Niyivile ingoma. “Siyibonile inkwenkwezi Yakhe empumalanga kwaye size kuMnqula.” Niyivile loo nto, nayifunda eSibhalweni. Konke kulungile.

⁴⁰¹ “Sikhokelela eNtshona, sisaqhubeka, sikhokelele ekuKhanyeni Kwakho okugqibeleleyo.” Yabona, inkwenkwezi yayikhokelela ekuKhanyeni okugqibeleleyo, ngokuba inkwenkwezi yayibonakalisa ukuKhanya kuphela. Kulapho sikufumana khona oku ngenye imini. Yabona? Bangaphi ebebelapha ngeCawe ukuza kubona oko? Uyabona, ndisandula kugqiba ukushumayela ngayo. UBUqaqawuli beShekina bubonakalalisa kwinkwenkwezi, kwaye inkwenkwezi iyabubonakalisa. Nantsi iNgelosi yeNkosi imi apha eqongeni iYibonakalisa phaya emva, iphuma kuBUqaqawuli beShekina. Kanye ngqo into enye. Yayilapho kanye kanye ngqo. Kujongwe apha koyena wenene, ejonge phaya phandle kwaye Bona babonakalalisa kanye ecaleni ngolo hlobo. Yabona?

⁴⁰² Ngoku qaphela oku, ngoku, laa nkwenkwezi yaphuma empuma. Ingaba oko kunjalo? Yayiyinkwenkwezi enkulu. Konke kulungile. Yaye yayingubani eyona nkwenkwezi yasemhlabeni ngexesha lokuza kukaYesu? Kutheni, uYohane. Yayinguye owabakhokelela koko kuKhanya kugqibeleleyo. Ingaba oko kunjalo? Oko kwakusempuma ekubonakaleni kukaYesu okokuqala. Kwaye, ngoku, zininzi iinkwenkwezi ezincinci eziwela ngaphaya komda othe tye ide ifike kwinkwenkwezi yangokuhlwa.

⁴⁰³ Kwaye ikhwezi langokuhlwa likhanya ngokuhlwa. Ikhwezi lokusa likhanya kusasa. Kwaye zombini ngumlinganiselo omnye weenkwenkwezi kunye nohlobo olufanayo lwenkwenkwezi. Ngoku dibanisa isibini nesibini kunye kwaye uyifumene, yabona. Yabona, nantso ke. Ngoko ayi...Inkwenkwezi ayingoMesiya, ibonisa nje uMesiya.

⁴⁰⁴ Ngoku, inkwenkwezi ayikubonakalisi ukukhanya kwayo. Inkwenkwezi ibonakalisa ukukhanya kwelanga. Ingaba oko kunjalo? [Umzalwana uthi, “Hayi.”—Mhl.] Huh? [“Ngandlela ithile. Inyanga iyakwenza; iinkwenkwezi zibonakalisa okwazo ukukhanya.”] Ehe. Ehe, inyanga, ehe, zibo...Ndithetha ukuba inyanga ibonakalisa oku kukhanya. Ewe, Uh-hum.

Ngoku, ukuba—ukuba inkwenkwezi ibonakalisa ukukhanya kwayo, ngoko ke ukukhanya kwayo bekuya kufuneka kuvele kukukhanya... kuvela kuThixo, ngokuba ngumkhenkce wohlobo oluthile. Akunjalo? [Umzalwana uthi, “Ilanga.”] Huh? Ilanga ngokwalo, ngaphandle kwelanga. [“Ilanga likude kunelanga lethu.”] Ehe. Kwaye bona... Sixelelwa ukuba loo malanga aphuma kwilanga elikhulu. Ilanga liyiphosile le mijukujelwa kude kwaye yimijukujelwa emincinci evuthayo njengelanga. Ke ngamalanga asafundayo kuthi. Ingaba oko kunjalo? Izikhanyiso ezisafundayo. [“Amanye anjalo... uninzi lwazo zikhulu kunelanga lethu.”] Ndithetha *kuthi*, kuthi, yabona. Sithetha ngathi apha. Konke kulungile.

⁴⁰⁵ Ngoku, ukuba zingamalanga kuthi, okanye izibane ezinikeza ukukhanya, ziyinxalenye yesona sinikezi. Yabona? Ilanga elikhulu lisinika ukukhanya okukhulu, ukukhanya okugqibeleleyo. Amalanga amancinci, okanye iinkwenkwezi ezincinci, esinokuzibona kwimizimba, zinokuba kude ngaphaya kwe—kwelanga elikhanyayo, kodwa oko zikubonakalisa kuthi kukukhanya okuncinane. Kodwa zona zinikeza ubungqina bokukhanya kuphela. Ingaba oko kunjalo? Emva koko xana ilanga elikhulu liphuma, amalanga amancinci ayacima. Ingaba oko kunjalo? Awalo—lolanga kuthi, zizibonakalisi kukhanya njengelanga. Yabona ukuba ndithetha ukuthini?

⁴⁰⁶ Ngoku, eyona inkulu phakathi kwazo (kusasa) evakalisa ukuza kwelanga, ukutshona kwelanga nokubuya kwelanga, likhwezi lokusa nekhwezi langokuhlwa. Ingaba oko kunjalo? Ezimbini zezona zinkulu inkwenkwezi, inkwenkwezi yasempuma kunye nenkwenkwezi yasentshona.

⁴⁰⁷ Ngoku, ngoku uyabona ukuba iphi na? U-Eliya waba ngumthunywa wokumemeza, evakalisa ukufika kwenkwenkwezi yasempumalanga, kwaye waqikelelwa ukuba uya kuba ngumvakalisi wayo i—inkwenkwezi yasentshona, okanye ukufika kwakhona komhla omtsha emva kolu suku ludlule. Ngoku uyabona ukuba yintoni na?

⁴⁰⁸ Impuma, “Kuya kubakho ukukhanya nge...” Yabona, kanye phambi kokuba iLanga livakaliswe emhlabeni, ikhwezi lokusa liyangqina oko “iLanga liyeza.” Ingaba oko kunjalo? Yabona, loo nto ivelisa ikhwezi lokusa. Ke, ikhwezi lokusa kunye nenkwenkwezi yangokuhlwa luhlobo olufanayo lweenkwenkwezi, kwaye kukho iinkwenkwezi ezincinci kuwo wonke. Awuyiboni into endiyithethayo? Abathunywa.

⁴⁰⁹ Ke, ngoko, Wayemelwe kukukhangeleka njengo Alfa no-Omega, iSiqalo neSiphetho, ilitye leYaspisi neSardis. Yabona ukuba ndithetha ukuthini? Ngoku, ukuza kuka—kukaKristu kukufuphi, ngoko uMyalezo awayefanele ukuwushumayela u-Eliya ngemihla yokugqibela, ukuba kukho impinda yembali... Kanye njengokuba ikhwezi lokusa livakalisa ukuza phaya,

inkwenkwezi yangokuhlwa ivakalisa ukuza kosuku olutsha, olunye usuku. Oku kukufika kwelanga oko kuvakalisa u—ukumka kwe—kwelanga ebesinalo nokuza kwelanga elitsha, yabona, isigaba esitsha, ixesha elitsha lokungena.

⁴¹⁰ Ngoku, phulaphula: Ngoko, ukuba uYohane wazisa umyalezo wakhe wavakalisa ukuza kokuqala kukaKristu, kwaye u-Eliya uyeza ngomhla wokugqibela, umprofeti wathi, “Kuyakubakho ukuKhanya ngexa langokuhlwa.” Ngamanye amazwi, kuyakubakho ukuKhanya ngexa langokuhlwa.

⁴¹¹ Ukukhanya kwangokuhlwa, okona kukhanya kwangokuhlwa kukhulu esinako yinkwenkwezi yangokuhlwa, kukukhanya okukhulu esinako. Ke, ngoko, bekuya kufuneka ukuba ivakalise umyalezo ofanayo owawunguwo njengenye inkwenkwezi. Ivakalisa ilanga, ithetha ngelanga.

⁴¹² Ke, ngoku sikwixesha langokuhlwa, iziKhanyiso zangokuhlwa zilapha. Esi sigaba sibhangisiwe. Yabona ukuba ndithetha ukuthini? Olu suku ludlule, kwaye kuya kubakho ukubhengezwa kolunye uSuku oluzayo.

⁴¹³ Kuba, yabona, oko ngenene kuyi... Ukuba umntu ube esentshona waze wajonga emva kulaa nkwenkwezi, ibiya kuba sempuma. Kwaye emva koko, uyabona, “siyibonile inkwenkwezi Yakhe empumalanga,” kodwa eneneni babe... babe—babesempuma bejonge ngasentshona ngakuloo nkwenkwezi. Ingaba oko kunjalo? Indoda esisilumko yayingaphaya ngasentshona... ngaphaya empuma ijonge ngasemva ngakwinkwenkwezi yasentshona. Yabona ukuba ndithetha ukuthini? Kodwa yayiyinkwenkwezi yasempumalanga kwabo babesentshona.

⁴¹⁴ Yabona, njengoko besinokuthi... Ndihlala ndisithi, “Ezantsi kuphezulu.” Uyazi njani kodwa ukuba kulungile? Simi kwiNaphakade, ngoko i-Salathiso Sasezantsi singaba phezulu kwaye i-Salathiso Sasentla singaba sezantsi. Asazi. Yabona, indlela ephezulu isezantsi. Yabona? Siya... Sizakushiya oku; emva koku siyakuya kwinguNaphakade. Iyamemeza, ivakalisa ukuza kwenguNaphakade, usuku olwahlukileyo, ixesha elahlukileyo, kwaye lilonke.

⁴¹⁵ Ngoku sikwixesha langokuhlwa. Siyayikholelwa loo nto. Siyakholwa ukuba ukuza kweNkosi kusondele. Kulungile. Ngoku, ukuba oko kunjalo, ngoko kumele ukuba kubekho ukuKhanya kwangokuhlwa. Kwaye ukuKhanya kwangokuhlwa, ngokukaMalaki 4, bekufanele ukuba ku “buyisele iintliziyi zabantwana kooyise,” emva ekuqaleni.

⁴¹⁶ Kodwa ekufikeni kwakhe okokuqala, wayeguqulela iintliziyi zooyise kubantwana. Abantwana ke ngabo ebebaqokelele kuye. Wayeza kuzisa abantwana... iintliziyi zoobawo (abadala, oobawo bamandulo bomthetho) emva koku kukhanya awayekuvakalisa apha.

417 Kodwa xa efika kwakhona, kufuneka ajike kanye ngasemva (Ingaba uqaphele, ngaphambi kokuba ihlabathi litshatyalaliswe, “imini enkulu neyoyikekayo yeNkosi”) noku “buyisela iintliziyi zabantwana kooyise,” ngokuhlwa—ikhwezi elalilikhwezi lokusa ngelo xesha. Amen.

418 Ndiyathemba—ndiyathemba ukuba ndiyifumene kakuhle, yabona. Ikhwezi langokuhlwa eyayilikhwezi lokusa, kuba ikwayiloo nkwenkwezi ikwanye. Sisentshona, sijonge empuma. Babesempuma, bejonge ngasentshona. Yinkwenkwezi enye ngqo. Yabona ukuba ndithetha ukuthini? Kuxhomekeke apho ukhoyo, yabona, nokuba yinkwenkwezi yasempumalanga okanye yinkwenkwezi yasentshona. Niyabona ukuba ndithetha ukuthini? Konke kulungile.

419 Ngoku, kuzisa . . . omnye uzisa ukholo looyise ebantwaneni; ngeli xesha lu “kholo lwabantwana emva kooyise.” Ujikile, waza waphinda wajika kwakhona. Awuyiboni into oyithethayo? Yabona ukuba ndithetha ukuthini? Iyinkwenkwezi ekwanye lonke ixesha. Into enye, uMyalezo omnye, yinto enye emva kwakhona. Igqithile.

420 Kwaye uyazi njani indlela oyihambayo? Ndiyakholwa ukuba iyakufika iyure xa ngenene baya kufumanisa ukuba ihlabathi alibaleki nokubaleka. Ndiyayikholelwa loo nto ngentliziyi yam yonke. Andikholelwa . . . bangqina kangakanani ngokwenzululwazi okanye nantoni na engaphezulu. Benza okuninzi kobungqina benzululwazi ababemelwe kukububuyisela. UThixo wathi ihlabathi lema . . . ilanga. Ndithetha ilanga lema endaweni yehlabathi. Yabona, ilanga. Eneneni andikholelwa ilanga . . . A—a—andikholelwa ukuba ilanga liyakwenza oko bathi liyakwenza. Ndiyazi ukuba inyanga iyahamba, kwaye ndiyakholelwa i—ilanga liyabaleka kananjalo. Yabona?

421 Kodwa abanye babo bathi, “Wakhangelana ekungazini kukaYoshuwa, yabona, kwaye” bathi “Wamisa i . . . bathi la . . .” Ke, wathi, “Walimisa ihlabathi.”

422 Ndathi, “Emva koko undixelele, ‘Ukuba i—ukuba ihlabathi beliya kuze lime, beliya kudubula nje okwenkanyezi enqumla emajukujukwini.’ Yabona?” Ndathi, “Emva koko, kwenzeka ntoni?”

423 Bendithetha noMnu. Thiess apha ezantsi, umfundisi weBhayibhile kwisikolo samabanga aphakamileyo; uyazi ukuba yayingubani, kodwa wakuxela okuya. Ndathi, “Ndiyakholwa oko iBhayibhile yakutshoyo, okokuba ihlabathi lema . . .” Ndathi, “Ndithetha, ‘ilanga latshona.’ Wathi uYoshuwa elangeni, ‘Yima ngx!’ kwaye lema phaya.”

424 Wathi, “Ke, Wamisa nje ihlabathi, Wakubona ukungazi kukaYoshuwa.”

Ndathi, “Yenza okufanayo ngobukrelekrele bakho, ngoko.”
Yabona?

425 [Umzalwana uthi, “Ndiyakholwa ukuba banokungqina ngokwenzululwazi ukuba ixesha elingakanani na i—ilanga lema.”—Mhl.] Ewe, phaya ba...Ndikuvile oko, nam. Ewe, babanga...Ndeva umfundi ngeenkwenkwezi apha kwixesha elidlulileyo ethetha ngaloo nto, okokuba banakho ukuqondakalisa loo nto. Kwaye kwangaxeshanye nabo...kukho into eyenzekayo emoyeni abayibonayo apho into ethile yenzeka eZulwini kwaye yavula uLwandle oluBomvu ngelo xesha kunye nento. Bakuqondakalisa konke oko. Ke, nkwenkwe, ndiyakuxelela, iinkwenkwezi ezisuka kude ngaphaya kwenye indawo ezenza into elolo hlobo ngelo xesha. Nangona kunjalo, oko kunzulu kakhulu kuthi.

426 Ke, ngoku, isizathu sokuba lo Myalezo...lo Myalezo kuyakufuneka ukuba ujongwe ngolu hlobo, ukungqina ukuba kunjalo. Ngoku, siyazi, bazalwana, ukuba umntu akanakuba nguThixo. Umntu, kanti unguthixo, ngamnye kuni unguthixo. Wenziwa ukuba ube nguthixo, kodwa hayi ngeli lixa usekobubomi. Yabona? UYesu wayengumntu njengokuba sinjalo, kodwa uThixo wayekuYe. Inzaliseko kaThixo yayikuYe; sinawo uMoya ngokomlinganiselo.

427 Kodwa ekubeni oku kuKhanya kufikile, kwaye ukuba kukukuKhanya okuyinyaniso okuza kuwuvakalisa uMyalezo awawuvakalisayo uYohane umBhaptizi, njengoko Wathi wenza emlanjeni ezantsi ngaphaya...Kwaye khangelana nje, ingathini—ingathini ukuba yinto engenye? Jonga kum, yabona, kungekho kwa igrama yemfundo yesikolo. Xa Wandixelela izinto ezaziya kwenzeka, akukho nanye kuzo eyasilelayo. Akukho nanye kuzo eyakhe yasilela. Jonga into Ayenzileyo. Khangelana, Ukwana... .

428 Kwaye ndabaxelela abazalwana, ngaphaya ngasemva kudala kwiminyaka eyadlulayo, andazi ukuba ngubani oyakuba ngoyena mdala phakathi kwethu, kodwa ndabaxelela ngezi zinto, malunga nokubona oku kuKhanya nokuba Yayikungumbala onjani na, nayo yonke into. Ngoku umfanekiso ubonisa ukuba yinyaniso. Zonke ezi zinto zahlukeneyo zingqinisisa ukuba ziyinyani. Ingaba oko kunjalo? Ke, ngoko, ukuba yinyaniso leyo... .Kwaye kukukuKhanya.

429 Ngoku, qala malunga nesine...[Indawo engenanto eteyiphini—Mhl.]...ngasentla komqolo wama-35 phaya, okanye ndithetha i...Masiqale malunga nomqolo we-14, mzalwana. Ngubani oyivulileyo? Konke kulungile. Qala malunga nomqolo we-14 wesahluko se-3 sikaLuka oNgcwele phaya. [Umzalwana ufunda uLuka 3:14-16.]

*[Ayebuzwa kuye ke namasoldati, esithi, Masenze
ntoni na ke thina? Wathi kubo, Musani ukwenza*

bundlobongela mntwini, ningatyholi namnye ngobuxoki; kwaye yanelani ngumvuzo wenu.]

[*Kwaye njengoko abantu babelindele, becamanga bonke ezintliziyweni zabo ngaye uYohane, ukuba lo angaba unguKristu na, kusini na;*]

[*Wabaphendula uYohane, wathi kubo bonke, Mna okunene ndinibhaptiza ngamanzi; kodwa uyeza lowo unamandla kunam, endingafanelekileyo ukuba ndiwuthukulule nomtya weembadada zakhe: yena uya kunibhaptiza ngoMoya oyiNgcwele nangomlilo:*]

⁴³⁰ Konke kulungile. Yayiyintoni? Abantu babephantsi kolindelo olunjalo lukaMesiya ukuba avele, xa babona olu lukhulu luthanjisiweyo ulungiselelo, lomntu ophuma entlango, enephulo lakhe, ebuyela entlango, abantu abaninzi, ababengabalandeli bakhe, bathi, “UnguMesiya.” Babeyilindele, yabona.

⁴³¹ Ngoko ukuba lo nguMyalezo oyinyaniso kaThixo owandulela uKuzo, kaYohane umBhaptizi, enjalo...njengento enye, uMyalezo ka-Eliya, kuyakufuneka ukuba kucingwe ngawo kwangolo hlobo. Yabona? Ke oko kuphendula laa mbuzo, ndiyacinga, ngokuchanekileyo. Yabona? Kufuneka kucingwe ngawo kwangolo hlobo. Yabona?

⁴³² [Umzalwana uyabuza, “Ingaba kukho nantoni na esinoxanduva lokuyenza ukuze sizame ukunceda nabani na onokuthi—onokuthi athabathe ku—kungqzulwano olunjalo? Okanye yintoni ebesinokuyenza?”—Mhl.] Bekungayi kubakho nto, akukho nto unokuyenza. [“Ingqondo engafanelekanga... Ingaba oko kunokukhula kube yingqondo engafanelekanga?”] Ke, kuya kufika engqondweni engafanelekanga ukuba ifika kule nto: ukuba umntu, ekwakuthethwa ngaye, ebenokungqina ukuba wayenguMesiya, ngoko siyazi ukuba iyakuba ngukristu wobuxoki. Yabona?

⁴³³ Yabona, okoko nje indoda ngokwayo iyakubamba isikhundla sayo, uyabona. Njengoko bamxelela uYohane, uYohane akazange...Ayithethi nto apho malunga naye ethetha nantoni na ngabo. Babe—babe nga—ngabantu, a—amaKristu athandekayo aye...okanye amakholwa awayekholwe kuYohane.

⁴³⁴ Bathi, “Le ndoda ngenene ngumprofeti kaThixo, akukho ntandabuzo.” Bathi, “A—a—a—a—akunguye na laa mProfeti?”

Wathi, “Hayi.”

⁴³⁵ Wathi, “Kutheni, a—a—akunguye na uMesiya?” Yabona, ba—babecinga ukuba wayenguye ngokwenene. Yabona?

Wathi, “Hayi.” Yabona?

“A—a—awunguye? U—Ungubani?”

Wathi, “Ndililizwi lodandulukayo entlango.”

436 Kwaye ngoko iBhayibhile yathi, “Abantu bephantsi kolindelo.” Yayingubani lowo? abamameli bakhe, abaphulaphuli bakhe, abalandeli bakhe, abazalwana bakhe. Yabona? Ngoku, babengafuni kumenzakalisa, babengazami ukumenzakalisa. Kodwa, yabona, ba—babecinga ezintliziyweni zabo ukuba waye enguMesiya.

437 Ke, ngoku, imbali kufuneka iziphindaphinde ngalo lonke ixesha. Siyayazi loo nto. Kufuneka iziphindaphinde.

438 Njengokuba uthatha ngaphaya kuMateyu 3, yathi, “Ukuze kube nokuzaliseka, okwathethwayo ngomprofeti, ‘Ndimbizile unyana wam ukuba aphume eYiputa.’” Ngoku, oko kwakunge... Yayithetha ngoYesu, uNyana; kodwa sebenzisa izithelekisi; yayinguYakobi, unyana, naye. Yabona? Yabona? Yonke inentsingiselo embaxa.

439 Ke ngoku ukuba oko... ukuba—ukuba loo nto ayizange iphakame, ndisaya kuthi yayikwixesha elizayo ukuba ivuke, kuba ndiyazi ukuba lo Myalezo uphuma kuThixo, kwaye ukukwandulela kukaKristu, kwaye inguMoya namandla ka Eliya ngokuba kukubuyisela iintliziyo zabantwana. Yonke into iyayingqinela, ke inyanzelekile ukuba ibumbanele kwinto ukuze ifane nokuya phantsi kwabantu bokwenyani, aba—abakholelwa ngokupheleleyo kunye nabazalwana nabahlobo bakho.

440 Ngoku, ndinayo... Ndifumene ugqirha kwalapha edolophini. Ndingakuxelela ngogqirha... Andizukukuxelela ukuba ungubani, umhlobo wam obeke izandla zakhe kum, kwaye wathi, “Billy, kungalula kum ukuba ndithi kuwe, ‘unguMesiya kaThixo wemini yokugqibela.’” Yabona?

Ndathi, “Gqirha, ungayenzi loo nto.”

441 Wathi, “Ke, andiboni mntu emhlabeni owakhe wanento kwaye uthethe izinto kwaye wenze izinto ozenzayo, Billy.” Imncede kakhulu, yabona. Wathi, “Ndiya kula mabandla ndize ndibone aba bashumayeli nezinto,” wathi, “wahlukile kubo kwaye ndiyazi ukuba awunamfundo.” Yabona? “Kwaye ndiyazi ukuba akuyopsychologist, kuba wena... ropsychologist ayinakuzenza ezo zinto.” Yabona?

Ndaze ndathi, “Yinyani leyo, Gqirha.”

442 Akukho sidingo sokuthetha naye kuba akazi, awungekhe ufike kwisiqalo naye, yabona, kuba akazi ukuba makenze ntoni na. Kodwa yiloo nto, uyabona.

443 Ndazi umfazi ontsundu ohlala phezulu emgceni ukusuka kum, kwaye usebenzela enye indoda endiyaziyo, kwaye lomfazi wale ndoda wabiza, wathi, “Laa mfazi ngokuqinisekileyo uya kunqula kuwe njengothixo, kuba wayesifa ngumhlaza waze wabeka izandla kulaa mfazi kwaye wathi waye...” Lo mfazi amsebenzelayo, umyeni wakhe kunye nalo gqirha

uthile (hayi ugqirha ebendithetha ngaye, omnye ugqirha) udlala igalufa kunye nezinto kunye, kwaye wayemncamile. Kwaye lowo yayisisicakakazi somhlobo wakhe, kwaye wayemncamile ukuba afe, kwaye waphiliswa ngokupheleleyo. Kwaye ugqirha akazange akwazi nokufumana nomkhondo wawo, womhlaza. Kwaye, yabona, angatsho. . .

⁴⁴⁴ Ngoku, abathethi ngale nto ngendlela endicinga ukuba bayitsho ngayo okanye okanye esiyithatha ngayo. Yabona? Bathetha ukuba bona—bona. . . Bathetha ukuba bayakholwa ukuba uThixo unathi, ungaphakathi kwethu, esebenza ngathi; hayi ukuba umntu isiqu nguThixo, uyabona. Ngoku, babesazi ukuba uYohane wayeyindoda nje.

⁴⁴⁵ Kwaye ngokunjalo noYesu wayengumntu nje. UYesu wayengumntu nje, Wayezelwe nje ngumfazi, kwafuneka ukuba afe. Ingaba oko kunjalo? Wayengumntu, kwakufuneka adle asele, alambe, akhale, anxanwe, nayo yonke into, nje ngomntu njengokuba unjalo, njengomntu njengokokuba ndinjalo. Kodwa uMoya kaThixo wayekuYe kwinzaliseko, engenamlinganiselo. Wayenamandla onke ngamandla.

⁴⁴⁶ Apho, u-Eliya wayeyinxenye nje yaloo Moya; mhlawumbi ethanjiswe kancinane ngaphezu kwabazalwana bakhe, kodwa wayeyinxenye nje yoMoya. Kodwa abantu babekhangele uMesiya. Kwaye bayibona le nxenye ngaphezu kwabazalwana babo, bathi, “Owu, bethu, inokuba nguYe lo!”

⁴⁴⁷ Kodwa wathi Akuqalisa ukukhanya, ukukhanya okuncinane kukaYohane kwacima. Yabona?

⁴⁴⁸ Kwaye ezi zikhanyiso zincinci ziyakucima xa Efika, laa Kristu mkhulu umthanjiswa waseZulwini esiza evela empumalanga esiya entshona. Kwaye i. . . kwaye. . . Yabona? Kodwa Akasayi kuba semhlabeni ngoku, uMesiya akasayi kuba semhlabeni kude kungene iMillennium. Yabona? Yabona? Kuba iCawe, “saxhwilwa kunye ukuya kuyikhawulela iNkosi emoyeni.” Akaze eze emhlabeni. Uthabatha uMtshakazi Wakhe emke.

⁴⁴⁹ Ufumana ileli, uyazi, njenge. . . Yayiyintoni laa mdlalo, uLeo, apho indoda yabeka ileli ecaleni kwendlu? Romeo kunye noJuliet. Injalo loo nto, wabeka ileli phezulu kwaye weba umtshakazi wakhe.

⁴⁵⁰ Ngoku Uyehla nje ngeleli kaYakobi, aze athi, “Psst, Sthandwa, yiza apha.” Yabona, siyenyuka siya kuMhlangabeza.

⁴⁵¹ [Umzalwana uyabuza, “Mzalwana uBranham, ingaba oko kuyakuba kokuchanekileyo ngoko ngako okuya? Aba bantu beza kuYohane umBhaptizi kwaye bafuna ukumbiza ngokuba nguMesiya. Ndakhe ndakuva ngaxesha lithile usithi umYuda wayecinga ukuba uMesiya wayenguThixo.”—Mhl.] Uthini? [“Ndithi, aba bantu beza kuYohane umBhaptizi, becinga ukuba wayenguMesiya, uKristu. Ndakuva usithi ngaxesha

lithile uMesiya uyakuba nguThixo, kumaYuda.”] Ewe, mhlekazi. Kunjalo, u“rabhi.”

⁴⁵² [Umzalwana uthi, “Ke, uYohane wabakhalimela, esithi waye ‘engenguye,’ okokuba uKristu wayesiza.”—Mhl.] Injalo loo nto. [“Kodwa akuyonyaniso na ukuba abafundi bambiza uYesu ‘Nkosi’? Waza uYesu wavumelana noko, esithi, ‘Nindibiza “Nkosi,” kwaye ndiyiyo.”] Ehe. [“Ku—kuYohane i-13, apho Wahlamba khona...?...”] Ehe, Wayeyakuyivuma. [“NjengeNkosi, ewe, Wayivuma.”] Wayivuma. [“Wayamkela.”] Uh-huh. Kodwa, yabona, uYesu ekubeni eyiNkosi, xana Wabuzwayo ukuba Wayenguye na, Wathi, “Ewe, mhlekazi. NdiyiNkosi noMfundisi wenu. NiNdibiza oko, kwaye nitsho kakuhle, kuba ndinguye.” Kodwa... [“Kodwa akukaze kubekho esinye isiqu ebesiyaku, leyo...”] esinokutsho oko. Hayi.

⁴⁵³ Ngokufana ukuba ibi... Ukuba umntu ebenokuthi bendinguthixo, ke, mandikuxelele eGameni leNkosi uYesu oko “Yimpazamo leyo!” Yabona? Ndingumoni osindisiweyo ngobabalo, ndinoMyalezo *ovela* kuThixo. Yabona? Yabona?

124. Kufanelekile okanye akufanelekanga ukuba ibandla lasekuhlaleni libakhathalele abalo, awalo—awalo asekuhlaleni (angawalo) amaxanduva ngaphambi kokukhathalela iimfuno zasemzini kwamanye amazwe? Nangona kunjalo, emva kokuba...yena... Emva kokuba efezekise iimfuno zakhe, kungokweZibhalo ukuba ibandla lasekuhlaleni lincede kumsebenzi wobumishinari kangangoko linako?

⁴⁵⁴ Ehe. Kunjalo. Uthando luqala ekhaya, uyabona. Si—si—sikhathalela ezethu iintswelo apha, kuba besinako... eli libandla likaThixo, okanye kungaze, ibandla lakho elincinane, ibandla likaThixo. Ngoku, ukuba awukwazi nokuhlawula umalusi wakho, awukwazi nokufumana iincwadi zamaculo nezinto, akufanelanga ukuba uyithumele kwenye indawo. Yabona? Kodwa emva kokuba ulihlawulele ibandla lakho, nayo yonke into, onke amatyala akho ahlawuliwe nayo yonke into, zilungisiwe kwaye zilungile kwaye ziqhubela phambili, ngoko nceda omnye umzalwana ofuna uncedo oluncinane phaya ngaphesheya, uyabona. Fumana kancinci... .

⁴⁵⁵ Ndiyakholwa, ngeli thuba... ukuba wenza iintlawulo ebandleni lakho Ndinokuba nengxowa-mali ebekwe kwindawo ethile yomnikelo kumsebenzi wobumishinari ukuba abantu baziva ngathi bafuna ukunikela kubumishinari. Kuba abantu abaninzi bayakunikela kumsebenzi wakwalizwi xa bengayi kunikela kwiicawe zasekhaya kunye nezinto. Ke ukuba abayinikeli kubumishinari, baya kuyichithela enye into. Ke ndingathi yibani nebhokisi encinci yobumishinari, kwaye ndiye... .Leyo yindlela esizama ukwenza ngayo.

125. Luka 1:17, nceda ucacise ukuza kukaYohane eku “umoya kaEliya.”

⁴⁵⁶ Ke, ndicinga ukuba sisanda kufumana uLuka—ULuka 1:17, uh-huh, ukuza eku “umoya ka Eliya.”

⁴⁵⁷ [Umzalwana uyabuzo, “Ingaba kulapho abantu abakholelwa ekungeneni kweminye imizimba bafumana khona imfundiso yabo?”—Mhl.] Uxolo? [“Ingaba kulapho abantu abakholelwa ekungeneni kweminye imizimba baqalisa khona ingcamango yabo?”] Kumele kube njalo. [“Yabona, bakholelwa ukuba ubuyela mva ngaphakathi. . .”] Ewe. [“. . .ubuya emva ehamba nomnye umzimba] Ewe, yabona, kuyinyaniso ukuba umoya awufi. Yinyani leyo. UThixo uthatha umntu Wakhe kodwa hayi uMoya Wakhe. [“Bathi, ‘Ukuba ube ulungile uya kubuyela—yumntu olungileyo.’”] Ehe. Ehe. [“Ukuba ubungendawo usenokubuya ukwinja.”] Ehe, banayo. . .Ehe.

⁴⁵⁸ Ke, ngoku, ngokufana ngaphaya e—e—ngaphaya e-India, kwakukwiqela lamadoda apho sadibana khona ngolu hlobo, kwaye babeya—babeya kude bosule umgangatho; banyathele imbovane encinane okanye into ethile, isenokuba sisizalwane okanye into ethile. Uyabona, bebengayi kuyenza. Kodwa, uyabona, obo bu—obo bubuhedeni. Yabona? Obo bubuhedeni. Yinyani leyo.

126. Wathi uPawulos kwi. . .Wathi uPawulos ku “Zondelelani ezona zibabalo zilungileyo, kanti ke ndisanibonisa eyona ndlela incamisileyo.” Nceda ucacise ukuba yintoni na “indlela encamisileyo” eyiyo.

⁴⁵⁹ Uthando, kwabaseKorinte bokuQala 13, yabona. “Zondelela. . .” Fumana kuQala. . .Ngoku fumana amaKorinte okuQala 13 phaya, mzalwana. KwabaseKorinte bokuQala, isahluko se-13, kwaye ngoku funda nje ezintathu okanye ezine zokugqibela iivesi zayo. AmaKorinte okuQala 13, yokugqibela. . .malunga nemiqolo emithathu yokugqibela yeso sahluko—yesahlu. . .[Umzalwana ufunda amaKorinte okuQala13:11-13—Mhl.]

[Oko bendigumntwana, bendithetha ngokomntwana, bendiqonda ngokomntwana, bendicamanga ngokomntwana: ndithe ke ndakuba yindoda, ndazibhangisa izinto zobuntwana.]

[Kuba ngoku sikhangelala esipilini, ngokwamanakanibe; kodwa ngoko ubuso ngobuso: ngoku ndazi ngokuyinxenye; kodwa ngoko ndiya kwazi kwanjengokokuba ndi. . .nam ndisaziwa.]

[Kwaye ngoku kuhleli ukhoho, ithemba, uthando, ezo zinto zontathu; kodwa eyona inkulu ke kuzo apho luthando.]

Uh-huh, uthando, yabona?

127. Ufanele agwetywe njani umzalwana obuthathaka bakhe kukuthi athathe indawo ebandleni ngaphandle kokucelwa ukuba enjenjalo?

Oh, bethu! Ke, mnyamezeleni, ndiyaqikelela. Yabona?

Ufanele ukugwetywa njani umzalwana...(Akafanele agwetywe!) . . . **obu—obuthathaka bakhe kukuthi athathe indawo ebandleni ngaphandle kokucelwa ukuba enze njalo?**

⁴⁶⁰ Ngokomzekelo, ukuba wayefuna u—ukuba lidikoni. Yabona? Kwaye akacelwanga ukuba enze njalo, ukanti ufuna ukuba lidikoni nakanjani na, yabona. Ke, ukuba umntu unjalo, uyazi ukuba kukho into encinci, uyazi, ebuthathaka ndaweni ithile, nakanjani na, kwaye ke ndingathanda nje ukuqubisana naye ngothando.

⁴⁶¹ Kwaye, kakade, awusoze ufune u—ukwenza into enjalo ngaphandle kokuba uyazi ngokwenene. Beka eyona ndoda yakho ingcono onganako ebhodini yakho, uyabona, ngolo hlobo. Mzalwana, ungaze ubeke nantoni na phaya . . . Yivavanye loo ndoda, kuqala. Idikoni linoxanduva olungaphezulu kunomalusi analo. Umelwe kukuba ngongenakusoleka, lidikoni linjalo. Yabona?

128. Kwinkonzo yomthendeleko, indoda yeza esiguqweni ukuza kuthandaza. UMzalwana uBranham wayemi emva kwe—kwezinto zomthendeleko njengoko zazilungiselelwa, wathi yena “wayengenakuzishiya ukuba athandaze nendoda esibingelelweni.” Ndicela ucacise.

⁴⁶² Ndatumela umncedisi, uyabona, uMzalwana uNeville. Ndiyabukhumbula ubusuku xa yenzekayo. Ndimelwe kukuhlala nalaa tafile yomthendeleko, yabona, nanini na . . . Jonga apha. Ngoku, andinaxesha lokungena kule nto. Umntu othile ohleli apha obuzileyo, kakade. Nantsi into eyiyo, mzalwana. Xana—xana ufumana umthendeleko, oko kukumela umzimba kaYesu Kristu. Isenokuba . . . Kufuneka uhlale ugadiwe ngalo lonke ixesha.

⁴⁶³ Khangela, xana u-Eliya watshoyo ku—kuGehazi, “Thatha intonga yam” (wayisikelela laa ntonga) wathi, “hamba ngendlela yakho. Kwaye ukuba nabani uyathetha, musa ukuphendula. Ukuba nabani uyabulisa, musa ukubulisa kuye. Qhubeka, kwaye ubeke loo ntonga phezu kosana.” Ingaba oko kunjalo? “Hlala naloo ntonga!” Yabona? Kwaye yile nto bendiyenza.

⁴⁶⁴ Ngoku, ukuba bekungakhange kubekho malusi oncedisana naye apha, omi phaya . . . Ndandigqibile ukushumayela. Ndiyakhumbula xa kwakunjalo. Kwaye nda . . . ukuba bona . . . ukuba uMzalwana uNeville wayengemanga apha, okanye umntu othile wokunceda laa ndoda esiguqweni . . . Ndandisandula ukugqiba ukushumayela, ke ndandimi etafileni yomthendeleko. Kwaye ngelishesha babelungiselela ukuthatha umthendeleko,

ndabe sele ndise—ekunikezeni umthendeleko. UMzalwana uNeville wayemi kufutshane nje, kwaye ndandilungiselela umthendeleko. Ngoku, uMzalwana uNeville wayemi apho.

⁴⁶⁵ Bekunokuthini ukuba bebenokuza esiguqweni abe uMzalwana uNeville esekwintshumayelo yakhe, kwaye ebeshumayela? Bendingaya esiguqweni kunye nendoda, ukuba uthe waphuma enkonzweni ngeli thuba ebeshumayelayo, anyuke aye esiguqweni. Bendiyakumbona umzalwana wam... ukuba wayenokuthanjiswa koMoya. Wayelungiselela. Wayengumlungiseleli e... wayekumsebenzi wakhe, umlungiseleli kumsebenzi wakhe.

⁴⁶⁶ Kwaye ungaze ubavumele bathethe ngeelwimi, baphazamise, nangayiphi na indlela, umlungiseleli ekumsebenzi wakhe. Ukanti, ukuba uMoya oyiNgcwele uthetha nomntu baze babaleke baye esiguqweni ukuze bafumane ukusindiswa, umlungiseleli makaqhubeka nomsebenzi wakhe; vumela umalusi, idikoni, umncedisi, ukuba kukho umncedisi okanye nawuphi na omnye umlungiseleli, makathabathe aye kulaa mntu ngokukhawuleza. Kwaye ungamkhathazi umlungiseleli kumgca womsebenzi. Yabona?

⁴⁶⁷ Kwaye ndandimi emva kwedesika emsebenzini, ndinikeza umthendeleko. Kwaye umncedisi wam, uMzalwana uNeville, wayemi ecaleni kwam. Yaze indoda yabaleka yaya esiguqweni, ndathi, “Fumana, yihla uye kuyo, Mzalwana uNeville.” Waze uMzalwana uNeville wehla waya kuyo. Eso sisizathu ndingazange ndiye.

⁴⁶⁸ Ngoku, ukuba bekungekho mncedisi apha, okanye akukho nto iyenye yokuyithuma iye kwindoda, Bendiyakwehla kwaye ndimise umthendeleko, ndize ndehle kwaye—kwaye ndibone laa mphfumlo usindisiwe. Uyabona? Kodwa ekubeni bekukho umntu wokumthumela, ngeyindikhuphe emsebenzini, uyabona, apho bendinikeza khona umthendeleko.

129. Yintoni umntu anokuyenza... Yintoni enokwenziwa ngumntu njengomsebenzi wobuqu ekuqubisaneni nomntu ofuna uMoya oyiNgcwele, kwaye ahlale ngokweSibhalo?

⁴⁶⁹ Konke kulungile. Hlala nje ucaphula iLizwi kuye, yeyona nto ingcono ukuyenza. ILizwi linokuKhanya. Yithi nje, “Mzalwana, uYesu waYithembisa. Khumbula, sisithembiso Sakhe.”

⁴⁷⁰ Musa ukumshukumisa, ukumtyhala, okanye ukumsusa, okanye enye into. Musa nje ukuzama uku—uku...hayi, ungazami ukumnika Wona, kuba awunakuyenza loo nto. Yabona? Yabona? Wena... UThixo uyakumnika Wona. Wena nje qhubeka ucaphula izithembiso. Yabona? Qhubeka ume phaya ucaphula isithembiso. “Thixo eZulwini, ndiyamthandazela umntakwethu. Isithembiso Sakho kukuba Uya kumnika uMoya oyiNgcwele.”

471 Ngoko ukuba uzama ukumkhuthaza... Uthi, “Owu, mzalwana, malusi, mzalwana,” nokuba ngubani na omngqongileyo, “Ndi—ndifuna uMoya oyiNgcwele.”

472 “Mzalwana, Sisithembiso. UThixo wenza isithembiso. Uyakholwa ukuba Uthembisile? Ngoku, musa ukuYithandabuza. Ukuba uyasikholwa isithembiso, uMoya oyiNgcwele uyakuza kuwe nangawuphi na umzuzu ngoku. Wulindele Wona. Nikela yonke into onayo kuYe, kwaye uthi, ‘Nkosi, ndimi kwidinga Lakho.’”

473 Ngoku, qhubeka uaphula. Ngoku, yenza okwakho—okwakho—okwakho ukuthobela, yabona, menze athule... Qhubeka uaphula. Yitsho ngoku, “Uxelele uThixo. Ngoku, uguqkile?”

“Ewe.”

474 “Ngoku yithi, ‘Nkosi, Uthe ukuba ndiyaguquka Ube ulilungisa ukuba undixolele. Uthi ukuba ndiyaguquka kwaye ndibhaptizwe eGameni likaYesu Kristu ukuze ndixolelwe izono zam, Bendiya kwamkela uMoya oyiNgcwele. Ngoku, Nkosi, ndikwenzile oko. Ndikwenzile oko, Nkosi. Ndikwenzile. Ndilindile, Nkosi. Ubuyithembisile.”

475 Yabona, leyo yindlela, qhubeka nje umkhuthaza. Mgcine kanye eLizwini. Ukuba Ubuyakuze uze Ubuyakuza ngoko.

130. Ingaba umshumayeli okanye nawuphi na umKristu wenza kakuhle ongakholelwayo ku... Hayi: Ingaba umshumayeli okanye nawuphi na umKristu wenza kakuhle ongakholelwayo kukhuseleko olunguNaphakade?

476 Ngoku, makhe sibone. Ndinga i “... ukwenza...” Bona ukuba ufunda okuya ngendlela enye njengoko ndisenza. Yifunde. [Umzalwana ufunda umbuzo, “Ingaba umshumayeli okanye nawuphi na umKristu wenza kakuhle ongakholelwayo kukhuseleko olunguNaphakade?”—Mhl.]

Bendinga ukuba ndinganako okuya kakuhle. Ngoku, ke, mna...

Ingaba umshumayeli wenza kakuhle ongakholelwayo kukhuseleko lwaNaphakade?

477 Ndingakholelwa ukuba umshumayeli wayesenza... ukuba wayengazi nto ngokhuseleko lwaNaphakade. Kodwa ukuba ebeyazi kwaye eyazi ukuba iyiNyaniso, aze ke angayishumayeli Yona, umelwe kukuba abe neentloni ngesiqu sakhe; injalo, okanye nawuphi na umKristu. Ngoku, umKristu, ngoku, ndingatsho ku—kumKristu ongayiqondi kakuhle loo nto...

478 [Umzalwana uyabuza, “Leyo asiyomfundiso evulekileyo, ingaba, Mzalwana uBranham, emelwe kushunyayelwa kubantu abangazange...?”—Mhl.] Hayi, hayi, hayi. Ngoku, nantso into ebendisiza kuyo. Ehe. Yabona? Yabona?

479 Ngoku, niyakhumbula into endiyithethileyo kwiCawe ephelileyo? Ukuba ungumshumayeli, zifumanele ipulpiti. Ukuba akunjalo, yiphile intshumayelo yakho. Yabona, leyo yeyona ndlela ilungileyo yokwenza, yiphile intshumayelo yakho. Ukuba ungumshumayeli, fumana ipulpiti, yabona, kwaye uye ekushumayeleni. Ukuba awunjalo, phila nje intshumayelo yakho, yenza ubomi bakho bube yipulpiti yakho. Yabona? Ndingcinga ukuba loo nto ihoya into eninzi, akunjalo? Yabona? Yabona? Kuba amaxesha amaninzi sifumanisa... Kwaye nina bazalwana nenza loo nto emabandleni enu.

480 Khumbula, amarhamente akho ngamanye amaxesha azama ukucacisa izinto kwaye enze izinto, kungcono ukuba ubayalele ukuba bangayenzi. Kwaye ukuba umntu ufuna ukwazi into ethile, makeze kwenye ya...lowo uyalelwe ukuba ayenze. Uyabona?

481 Athi, ke, ngoku, njengokuba umntu ebenokuthi, “Heyi, ndiyaxela...Bandixelela, nina ngaphaya ebandleni lakho nikholelwa kukhuseleko olunguNaphakade.”

482 Ngoku, kungcono ujonge. Mhlawumbi uyakungena kubugxwayiba obungaphezu kokunokuba ubukhe wakubo, uyabona, kwaye umenze mbi kakhulu kunakuqala. Yithi, “Ndiyakuxelela ntoni, ukuba uyakuza uze ubuze umalusi wethu, yabona. Wena—wena hamba uye kuthetha naye, yabona. Thina...Yinyaniso leyo, ndiyazi ukuba umalusi wethu uyakukholelwa oko. Ndiyayikholelwa nam, kodwa andikwazi ukuxhasa...Andingomshumayeli. Ndiyayikholwa nje, yiloo nto kuphela endiyaziyo. Ndiyayikholelwa kuba ndimvile eyicacisa ngokuphuma eBhayibhileni, okokuba yayingaphaya nakweyiphi kwentandabuzo kum.” Yabona?

483 Kodwa kungcono uyeke a—ngcono uyeke amarhamente athethe nomalusi ngaloo nto. Kwaye, umalusi, qiniseka ukuba uyayazi indlela yokuyiphendula, naye. Ngoko yifundisise kakuhle ngenene, kuba amaxesha amaninzi bayakubophelela kuyo, uyabona. Intoni... .

484 [Umzalwana uthi, “Mzalwana uBranham?”—Mhl.] Andivanga. [“Ndiphantsi kwembophelelo ngobulumko obuncinci, kodwa ndi—ndiyalwazi ubizo lwam kwaye ndilwenzile unyulo lwam lwaqiniseka.”] Uh-huh. [“Usandula ukutsho ukuba ‘Ukuba ungumshumayeli, ufanele ube nepulpiti.’”] Ewe, mhlekazi. Injalo lo nto. [“Andingomshumayeli, ndingumvangeli.”] Ewe, mhlekazi. [“Kodwa yonke ipulpiti yomntu yeyam.”] Injalo lo nto. [“Kodwa khona ngoku ndiyasebenza, umsebenzi womzimba. Ayingomsebenzi onzima, kodwa ndiyasebenza, kwaye andinayo ipulpiti. Kwaye ndiyakholwa ukuba eli xesha lomsebenzi endikuwo ukwintando yeNkosi. Undixelele ukuba ndiwenze, ngeLizwi nangobungqina boMoya. Kwaye ndiyakholwa, kamva,

ukuba iipulpiti ziyakuvulwa.”] Ngokuqinisekileyo, injalo loo nto. [“Ingaba oko kunjalo?”] Injalo loo nto, mzalwana.

⁴⁸⁵ Mzalwana, ngoku, ukuba ungabuyela apha uze ufumane incwadi endala yenkonzo, uyakufumanisa ukuba ndalusa eli bandla iminyaka elishumi elinesixhenxe, kwaye ndishumayela yonke imihla, ndashumayela yonke imihla kwaye ndisebenza yonke imihla. Yabona? [Umzalwana uthi, “Ukuba uyasebenza, luphawu oluhle lokuba ubiziwe.”—Mhl.] Ehe. UPawulos wenza, akunjalo? UPawulos wayesenza iintente. [“Bendiya kudimazeka ngokuba, njengokuba ubutshilo, ukuba ndingumshumayeli, kufuneka ndibe nepulpiti. Mna ndi...bendiya kudimazeka, kodwa ndiyazi ukuba uThixo undibizile ukuba ndifumane umsebenzi, okwexeshana.”] Ngokuqinisekileyo. UPawulos waya kwenza iintente, akunjalo? Wayesebenza ngezandla zakhe ukuze kungadingeki ku...Okoko kunjalo ngqo. Ngokuqinisekileyo. [“Ehe, owu, ke, kulapho ndayifumana khona, kuPawulos.”] Hmm. Injalo loo nto. Yabona? UJohn Wesley wathi, “Umhlaba yirhamente yam.” Ke ipulpiti yakho isavuliwe, mzalwana. Abavangeli baya kulo lonke ihlabathi. Akunjalo oko? “Hambani niye kulo lonke ihlabathi.” Ke ipulpiti yakho lihlabathi lonke. Ewe, mhlekazi.

Umbuzo:

131. Ingaba ngumthetho, m-t-h-e-t-h-...Ingaba ngumthetho wokuba idikoni okanye ithenjwa kufuneka lihlale kwimfundiso ybandla labo? Ewe. Kunjalo. Ingaba kusemthethweni ukuba bongeze okanye bashenxise iimfundiso ngenxa yoluvo lwabo lobuqu okanye isityhilelo? Hayi, mhlekazi. Hayi.

⁴⁸⁶ Idikoni okanye ithenjwa kufuneka lihambelane ngokugqibeleleyo kunye ne-nemfundiso yebandla labo. Bafanele ukuhlala ngokugqibeleleyo nokutolikwa kweZibhalo zebandla labo, kuba, ukuba abakwenzi, balwa kwaloo nto kanye. Ba—bayazenzakalisa. Yabona? Uyalwa... .

⁴⁸⁷ Yiyo, ngamanye amazwi, njengokuba—ukuba—ukuba ndithi ndiyaluthanda usapho lwam ndizame ukubatyisa ityhefu. Yabona, yinto enye. Yabona, awunakuyenza loo nto, wena... .

⁴⁸⁸ I—ithenjwa okanye idikoni ekuthabatheni isikhundla sakhe, okanye naliphi na igosa lebandla elimele iqumrhu elithile lebandla, yabona, oko kumele ibandla.

⁴⁸⁹ Eso sisizathu sokuba ndiphume kwibandla lamaBhaptizi, yabona, okokuqala. Ndindisandula ukuba phaya nje kancinci baze—bandicela ukuba ndimisele abafazi abathile abangabashumayeli. Ke, ngokwenene andikwazanga ukuhlala kuyo. Ndathi, “Ndi—ndiyala ukuyenza.”

⁴⁹⁰ Waze umalusi wandidlikidla. “Yintoni le? Ungumdala!”

491 Ndathi, “Gqirha Davis, ngazo zonke iintlonipho kukholo lwamaBhaptizi, nayo yonke into ebendiyimiselwe, Bendingayazi ukuba kwakukwimfundiso yecawa yaseBhaptizi ukumisela abafazi. Yayiyinto eyayishiyekile kuyo.”

Waze wathi, “Leyo yimfundiso yeli bandla.”

492 Ndathi, “Mhlekezazi, ndingaxolelwa ngobu busuku, okanye ungandiphendula imibuzo ethile?” Yabona?

493 Wathi, “Ndiza kuyiphendula imibuzo yakho.” Wathi, “Ngumsebenzi wakho ukuba ube lapho.”

494 Ndathi, “Kunjalo, mhlekazi. Injalo loo nto. Ndifanele ukulindela kuyo nantoni na eyenziwa leli bandla. Ndisemsebenzini, omnye wabadala basekuhlaleni.” Waze wathi. . . Ndithe, “Ungandicacisela ukuba kutheni na kwabaseKorinte bokuQala 14 okanye 15 phaya, apho uPawulos wathi, ‘Abafazi benu mabathi tu emabandleni, abavunyelwa bona ukuba bathethe.’”

495 Waze wathi, “Kutheni, ngokuqinisekileyo!” Wathi, “Ukuba. . . Ndingakuphendula oko.” Wathi, “Uyabona, yayiyintoni,” wathi, “Wathi uPawulos. . . Bonke—bonke abafazi babehleli ezikoneni, bencokola njengoko besenza ngamanye amaxesha amaninzi. Wathi, ‘Ningabavumeli ukuba benze loo nto.’ Yabona?”

496 Ndaze ndathi, “Emva koko ndicacisele uTimoti weSibini, apho uPawulos wathi, kananjalo, kwa lo mbhali ukwamnye, kwa lo mpostile, wathi, ‘Andimvumeli umfazi ukuba afundise okanye athabathe naliphi na igunya, yabona, kodwa a—ahlonele. Kuba kwabunjwa u-Adam kuqala, kwaza kwalandela u-Eva, yaye akukhohliswanga u-Adam, kodwa ngumfazi owakhohliswayo.’ Ukhohlisiwe. Ngoku, anditsho ukuba ufuna ukwenza nantoni na engalunganga, kodwa eneneni ukhohlisiwe kuyo. Akufanele abe ngumfundisi.”

Wathi, “Ngaba leyo yimbono yakho?”

497 Ndathi, “Olo luluvo lwesiBhalo kwindlela yam yokuyibona. Yiloo nto eyathethwa yiBhayibhile.”

498 Wathi, “Mfana, ungathathelwa iphepha-mvume lakho ngenxa yoko.”

499 Ndathi, “Ndiza kubasindisa nje kwingxaki. Ndiza kuyinikeza, Gqirha Davis.” Ndathi, “Asikuko ukukungakukhathaleli. . .” Kwaye akazange ayenze, nangona kunjalo. Wayiyeka, wayiyeka yadlula kanjalo.

500 Emva koko wandixelela ukuba uza kubamba ingxoxo evulekileyo nam ngayo. Ndaze ndathi, “Kulungile, nangaliphi na ixesha.” Kodwa a—akazange ayenze loo nto.

501 Ngoko ke ka—kancinane, emva koko, xana iNkosi yathetha nam, nangokuphathelele i—iNgelosi yeNkosi yeza, ngoko—ngoko

waze wenza intlekisa nje ngako Oko, uyabona. Kwaze emva koko nda—ndamxelela nje, ndathi, “Ke, Gqirha Davis, kungcono ukuba ndahlukane noku ngoku, yabona,” Ndathi, “kuba izakuba ngumthwalo. Ndisandula ukumiselwa kancinci, nakanjani, ngoko izakuba ngumthwalo kum, ngoko ke ndingasuka ndahlukane nayo kanye ngoku.”

⁵⁰² Ke ngoko ukuba ndandingenakuhlala kwibandla lamaBhaptizi kwaye ndifundise imfundiso yamaBhaptizi ndithabathele inkolo yobuBhaptizi. Ukuba ndiyenzile i—ukuba ndiyenze nje ngenxa yokuba yayilibandla, ngoko ndiyaphazama, yabona, kukho into endiyifihlayo. Kwaye ukuba ndi—ukuba ndi—ukuba ndinyanisekile kum, ndiyakuya kubantu baseBhaptizi (umalusi wam okanye nabani na onokuyicacisa kum) kwaye ndicele kubo i—ilizwi loBomi; ukuba angandibonisa ngokuchanekileyo apho ichane khona eSibhalweni, kwaye ayanelisa imvakalelo yam, ngoko ndiyakuyithetha kanye ngendlela abayithetha ngayo, yabona, kwaye ndiyakuba ngumBhaptizi.

⁵⁰³ Yiyo loo nto ndingozimeleyo. Naso isizathu sokuba ndingabi ngowemibutho, ngokuba andikholelwa kwimibutho. Kwaye ndiyakholwa ukuba ayihambisani nezibhalo, umbutho.

⁵⁰⁴ Ngoko ke, ndandingenakuba lilungu lawo nawuphi na umbutho ndize ndizive ndigunyazisekile ngokuyenza. Yabona? Ke ngoko, andibathathi abantu ndize ndibenze amalungu, njalo njalo ngolo hlobo, ngokuba ndiyakholwa ukuba *sizalelwe* ukuba ngamalungu, sizalelwe kwiBandla likaThixo ophilileyo. Yabona?

⁵⁰⁵ Asiwasusi amagama abantu encwadini kwaye sibagxothe, nayo yonke into enjalo, kuba ndiyakholelwa ukuba oko akukho kweyethu—eyethu imisebenzi ukwenza oko. Ndiyakholwa ukuba nguThixo ogxothayo. Yabona? Kodwa ndiyakholwa ukuba ibandla, ukuba kuyakubakho umzalwana owenza into engalunganga...

⁵⁰⁶ Ngokomzekelo, ukuba—ukuba babambile uMzalwana uNeville, okanye uMzalwana uJunior, okanye uMzalwana... omnye umzalwana apha, omnye wamadikoni okanye amathenjwa, okanye into ethile, esenza into engalunganga, Ndiyakholwa ukuba into emayenziwe kukuba ibandla lihlangane lithandazele lo mzalwana. Ukuba ke akalungisi, makuhambe naye isibini, siye kumzalwana ukuze baxolelaniswe. Kwaye ukuba ngoko ukuba akayamkeli, ngoko yixele phambi kwebandla. Ngoko ukuba abayamkeli ngoko, elo lixesha lebandla lonke ngoko, yabona, yekamalusi, abadala, nayo yonke enye into ukuyenza. Andikholelwa ukuba nayiphi na ibhodi yamadikoni inelungelo lokukhupha nabani na ebandleni okanye nayiphi na ibhodi yamathenjwa okanye nawuphi na umalusi unelungelo lokuyenza loo nto.

507 Ndicinga ukuba nabani na uya kususwa kubudlelane, bekuya kuba ngenxa yokuphila kakubi, okanye into enjalo, ukuba wayengengomntu ulungeleyo, ngathi yindoda engena apha ingcolisa iintombi zethu okanye—okanye ithuka abafazi bethu, nezinto ezinjalo, kwaye isazibiza ukuba ingomnye wethu apha. Yabona? Ngoku, ukuba iphandle kwenye indawo isiza, ngoba, kufuneka senze into malunga nayo, kodwa, xa kufikwa kumntu onjalo, umntu oziphethe kakubi uzama ukwenza uthando kubafazi bethu okanye—okanye uthuka iintombi zethu okanye, uyazi, into enye elolo hlobo, okanye wenze into embi ngakuyo, okanye ikhuphe amakhwenkwe ethu amancinane iwenze abagqwethekileyo, okanye into ethile.

508 Ezo zinto kufuneka zithatyathelwe amanyathelo, kwaye ke loo mfo makakhutshwe ebudlelaneni aze angavunyelwa ukuba athabathe umthendeleko nalo, kuba asifanele siyenze loo nto. Asinjalo. “Ukuba ubani uthe wadla ngokungafanelekanga, unetyala leGazi nomzimba weNkosi,” kuloo mntu.

509 Kodwa ndiyakholwa njengokuba umntu esitsho, “Ke, ngoku, yena—yena ukoku, okuya.” Mthandazele. Kunjalo.

510 Andinakuze ndilibale, eStockholm, eSweden, uMzalwana uLewi Pethrus, indoda enkulu kaThixo. Sasihleli etafileni, kwiiyure nje ezimbalwa ngaphambi kokuba sibuyele eMelika. Saba nemihlangano emnandi apho. Kwaye wathi, uGordon Lindsay wathi, “Ngubani umongameli walo mzimba mkhulu?” Nkwenkwe, iyibethe i-Assemblies of God ngamakhulu eemayile, uyabona. Wathi, “Ngubani umongameli?”

Kwaye uLewi Pethrus unobunene, kwaye wathi, “UYesu.”

Wathi, “Ngoobani abaphathi bafundisi benu?”

Wathi, “UYesu.”

511 Wathi, “Ndiyazi ukuba kunjalo,” wathi, “sikholelwa kwaloo nto inye malunga nee-Assemblies of God zethu.” Wathi, “Injalo loo nto.” “Kodwa,” wathi, “yithi, umzekelo, u—umzalwana uyaphuma emgceni,” wathi, “ngubani onelizwi lokumkhupha?”

Wathi, “Asimkhupheli ngaphandle.”

“Ke,” wathi, “yintoni eniyenzayo?”

512 Wathi, “Siyamthandazela.” Ndicinga ukuba oko kwakumnandi kakhulu! Oko kwavakala njengobuKristu kum, “Siyamthandazela.” Akukho mntu umkhuphela ngaphandle, bayamthandazela.

513 Wathi, “Ke, ngoko, kungathini ukuba abazalwana abathile bayavuma,” wathi, “kwaye abanye babo abasafuni kunxulumana naye kwakhona? Mngeniseni, mhlawumbi ngumalusi, uyabona, oqalisa ukuba yindoda yamanenekazi phakathi kwe. . . Niyayazi into endiyithethayo, nezinto ezinjalo, kwaye abanye babalusi abayi kuba naye emabandleni abo. Nenza ntoni nonke, nimkhuphele ngaphandle kombutho wenu?”

514 “Hayi.” Wathi, “Siyamyeke nje simthandazele.” Wathi, “Asizange siphulukane namnye okwangoku. Basoloko bebuya, ngandlela ithile.”

515 Wathi, “Ke,” wathi, “ngoku, ukuba . . .” Wathi, “Kungathini ukuba abanye babo bathi bayamfuna kanti abanye abamfuni? Ngoku, kuthekani ngaloo nto?”

516 Wathi, “Ke, abo bamfunayo, bayamthabatha; abo bangamfuniyo, abanyanzelekanga.”

517 Ke—ke ndicinga ukuba leyo yindlela elungileyo, akunjalo, bazalwana? Kwaye laa ndlela singa “bazalwana.”

518 Ngoku, bazalwana, ndiyathemba ukuba ezi zinto zinike umboniso omncinane othile malunga nempendulo okanye into ethile, yokokuba umhlangano wethu apha ngokuhlwanje—usincele nganto ithile. Ndilungiselela ukuhamba ngoku okwethutyana, ndisiya kungena kwimihlangano eNtshona. Ndiyayilangazelela imithandazo yenu.

519 Ezinye zeempendulo zam apha, mhlawumbi ezininzi kuzo, mhlawumbi akukho nanye kuzo, ibichanile. Andazi. Kodwa iyakuba yeyona nto ingcono endinokuthi ndiziqwebele ngendlela yam yokucinga, uyabona, ukuzama ukuYicacisa. Mhlawumbi ezi zokugqibela, ngakumbi, zingene apho ekugqibeleni, bendingenaxesha lokuzijonga. Kwaye andizange nje, bazi . . . Into endiyithethayo, yayiziZibhalo esidlula kuzo ngalo lonke ixesha, imihla ngemihla ebandleni. Bendicinga mhlawumbi iya kuba yinto enzima kakhulu oko kunokusenza ukuba sehle ukuze singene kwinto enkulu, kodwa ifana nje nemibuzo yamabandla.

520 Ndiyavuya ukubona nibambe ngolo hlobo, awukho namnye umbhodama, akukho ukunganeliseki, akukho nakuphi na ukubhideka. Akukho mbuzo uxoxiweyo Ngayo waza wathi “Akulunganga, Oku akulunganga, asiyi kuba naYo.” Yayingabazalwana kuphela ababefuna ukwazi into yokuqinisa ukubamba kwabo, kuphelele apho. Oko . . . qinisa, bopha—bopha isikrweqe kancinane siqine, tsala esinye isiqoboshi kuyo. Ndiyathemba ukuba siyakuhlangana amaxesha amaninzi ngakumbi ngolu hlobo, sitsalele phezulu isikrweqe.

521 Kwaye nikhumbule, bazalwana, isikrweqe sam sidinga ukunyuswa, kanaanjalo. Ke ngoko nindithandazele kuThixo ukuba uThixo andincele asinyuse isikrweqe sam kancinane, ukuze ndi . . . ndingafiki ekuyekeleleni ngezinto. Kwaye ubomi endibuphilayo nezinto endizenzayo, ndinga ndingazenza ngomoya wokuthobeka owongezelelekileyo, ndikulangazelela ngakumbi ukuzenza. Kwaye uThixo andinike intliziyo yokuyenza ngakumbi kunangaphambili. Ndithandazela into ekwaye kuni nonke. UThixo anisikelele.

522 Ndinibambe apha ixesha elide, kwaye ngoku yimizuzu emihlanu kude kube lishumi elinanye.

523 Kwaye ngoku, Mzalwana uNeville, ndi—ndinga... Ngoku, ndifumanise, kumalunga namakhulu alithoba kunye nento eemayile ngaphaya, Andizukuhamba kude kube ngoMvulo kusasa. Kodwa ndifuna ukuba lapha ngeCawe ukwenzela isikolo seCawe, ndiza njengondwendwe lwakho ukuza kuphulaphula kuwe ushumayela, uyabona, ngeCawe. Yabona? Kodwa... Ke, mzalwana, ewe, mzalwana. Mzalwana uNeville, nasi isizathu, mzalwana. Ndi... ndiyakuthanda kwaye ubusoloko unenkathalo ekunikezeni ipulpiti nje ngathi... njengokuba ndandingumdala omkhulu kuni, okanye enye into. Kodwa andizange ndizive ngolo hlobo, Mzalwana uNeville. Ndiye ndaziva ngathi singabazalwana.

524 UMzalwana uRuddell noMzalwana uJunie, kwaye, owu, nonke bazalwana nani nonke, si—singabazalwana nje kunye, uyabona.

525 Kodwa oko... Isizathu sayo, ndibutshotwarha nje kancinci ngoku, uyabona, kwaye ndineveki ezintandathu ezithe ngqo zedabi eliqhubekayo lingemi, uyabona. Kwaye ndi—ndifuna nje mhlawumbi ukuqalisa ukuba ndinako, ndacinga, emva kwalo mhlango ngokuhlwanje, okokuba oko kuyakundinika uLwesihlanu noMgqibelo nangeCawa ukuba ndiphumle, ngaphambi kokuba ndiqalise imihlangano phaya.

526 Kwaye Mzalwana uJunie, kwamsinya nje ukuba ndibuye, ngaxesha lithile ndingena, ndimelwe kukuba ndihle ndikubone kwakhona, ndifuna ukuphuma. Ndiligqithile ibandla lakho elincinane phaya, izolo, ndiyakholwa. Umfazi wam wathi, “Ndiyacinga ukuba...” Ingaba ilapha ngaphandle kwendlela kaloliwe kanye ngakwiGlenellen Park? Ndingathanda ukuphumela phaya kwaye ndithethe nabo bantu baseSellersburg. Kulungile.

527 Mzalwana uRuddell, isikeleleke intliziyo yakho. Ndingathanda ukuphuma, uneqela elihle labantu. Uhleli phaya ngokuhlwanje uphulaphule kanye njengokuba ubungumdala omdala usamkela.

528 UMzalwana uBeler ngaphaya, ngomnye wabazalwana bethu abangabavangeli. Ndiyathemba ukuba ngelinye ixesha ndingadibana nomnye wemihlangano yakho kwindawo ethile, mzalwana, ndibe nokwenza impembelelo ethile, ndibe nento yokuthetha apho ndinokukukhuthaza khona. Ndihlala ndifumana ilizwi elilungileyo kuwe ngaye nabani na, wena noMzalwana uStricker apha, nabavangeli.

529 UMzalwana uCollins apha, endikholelwa ukuba ngenye imini uya kuba ngumlungiseleli wexesha elizeleyo emsebenzini.

530 Indoda ekhaliphileyo, indoda ekhaliphileyo, indoda yokwenene yokholo, UThixo makabe nani nonke, nani madikoni, nani mathenjwa, nina bazalwana.

⁵³¹ Ndiyakholwa ukuba ni...Umzalwana apha, andikwazi nokucinga ngegama lakhe. Ungu...[UMzalwana uCaldwell uthi, "UMzalwana uCaldwell."—Mhl.] Caldwell. Wena nje... Ungomnye wabadala okanye enye into, akunjalo, okanye nje...["Umlungiseleli."] Umlungiseleli. ["Ndingumlungiseleli. NdandingoweBandla likaThixo, ndandingenakushumayela iVangeli epheleleyo ndihlale nabo. Ndandingenakushumayela ubhaptizo eGameni leNkosi uYesu ndihlale nabo. Ndandinelona phepha-mvume loblungiseleli boluhlu oluphezulu kakhulu abalikhuphayo, kodwa ndiwangenisile nje. Sukela ndakuvayo ushumayela loo Miyalezo mikhulu, ndawangenisa, ndaphuma kumbutho. Ngoku ndifuna ukuba ngomnye wenu."]

⁵³² Enkosi, mzalwana. Siyakwamkela kubudlelwane bethu. Kwaye ezethu—ezethu iziqinisekiso zezangasentla. Ubomi bethu benza iziqinisekiso zethu, uyabona. Zezo iziqinisekiso zethu. "Ukuba andiyenzi imisebenzi kaBawo waM, ngoko musani ukukholwa ndiM." Yabona? Injalo loo nto. Ezo ziziqinisekiso zethu. Kwaye njengomdala...Njengoko uHoward Cadle wayedla ngokuthi, "Asinamthetho ngaphandle koThando, asinancwadi ngaphandle kweBhayibhile, kwaye—kwaye hayi—akukho mgaqo koko nguKristu." Injalo loo nto. "Akukho mthetho ngaphandle koThando, mgaqo kodwa nguKristu, ncwadi kodwa iBhayibhile."

⁵³³ Kwaye si—si, Mzalwana uCaldwell, siyavuya ukuba nawe. Uphuma kumbutho omkhulu. IBandla likaThixo i-Anderson, ndiyaqonda. [UMzalwana uCaldwell uthi, "ICleveland."—Mhl.] Okanye ibandla laseCleveland, iBandla lePentekoste likaThixo. ["Kwaye ndandidla ngokuba ngumalusi phandle apha...?..."] Oh, ewe. Owu, ewe, ndandiphandle phaya. Ndiyakholwa ndandiphaya phandle noMzalwana uNeville... okanye uMzalwana Wood, ngaxesha lithile, safumanainja okanyeinja yokuzingela kumntu oya ebandleni lakho phaya phandle. Kwaye ndema kwizinyuko phaya phandle ndathetha, kwaye babethetha ngawe. Ke, ndiqinisekile...["Ebandleni lam."] Oh? ["UBurns."] Injalo loo nto, uMzalwana uBurns. Injalo loo nto [UMzalwana uCaldwell ubalisa ngesiganeko.] Owu? Ewe. Owu, Bertha, injalo loo nto. Owu, intle loo nto.

⁵³⁴ UMzalwana uRook ngaphaya, uye waba ngumalusi ngoku, okanye umvangeli, ndiyakholwa. Ingaba oko kunjalo? Okanye uyalusa? [UMzalwana uRook uthi, "Umvangeli nje."—Mhl.] Umvangeli. Ndifuna ukuphawula kuwe, Mzalwana uRook. Ndivile ngomsebenzi omkhulu owenzela iNkosi. Wena...ndivile ukuba waya e-Indianapolis okanye wawusiya e-Indianapolis, kwaye uneenkonzozaza wazuzela imphefumlo kuKristu. UThixo abe nawe, Mzalwana uRook. Ndiyavuya ukukubona. Ndikubone phandle apha kule trektara indala ilapha phandle, ujikeleza apha phandle, ufaka isichumiso kwiyadi yakho phaya phandle. Ke, ndikubona phandle uzama ukwenzela

iNkosi into ethile. Ndiyavuya Ekubizela kulungiselelo, hlala uMbambe phambi kwakho, mzalwana. UThixo akusikelele. Musa ukwenzelelela nakwintoni; kodwa yenze ngowona moya umnandi unokuyenza ngawo. Vumela eyakho—umyalezo wakho mawusoloko unongwe ngobumnandi boMoya oyiNgcwele.

⁵³⁵ NoMzalwana uStricker... [Umzalwana uthi, “Sinqwenela imithandazo yenu nonke. Si—sizama ukuqalisa inkonzo ezantsi eMntla Vernon.”—Mhl.] Owu, ndiyathemba ukuba niyakuyifumana. Siyakukuthandazela. [“Siqhuba kakuhle kakhulu, ukuza kuthi ga ngoku.”] Ilungile lo nto.

Billy, uzakuqala nini ukwalusa?

⁵³⁶ UGqirha Goad kunye noGqirha Mercier apha, ndi—ndi—ndiyathemba... njengoko sibizana ngolo hlobo. Kwaye uMzalwana uGoad ufikelele kwindawo apho ndide ndi... ufanelwe liwonga ngenene, angalayisha amaqokobhe ngoku. Ehe. Kwaye, Mzalwana uLeo, ndiyakholwa ukuba singamyeke ahambe ngolo hlobo, uze umbize... makaqhubeke nesihloko sakhe sika—sika “Gqirha.”

⁵³⁷ Kulungile, “Gqirha” UBranham, phaya emva, umgcine nje ephilile kakuhle ngenene, kwaye izibane zivutha kakuhle ngenene. Kwaye—kwaye ndiza kukuxelela into, nanini na xa sinomhlangano okhethekileyo ndiya kuthetha nebhodi ndibone ukuba abanako na ukukongezelela kancinane kokuya [uMzalwana uBranham uyahleka—Mhl.], ngomsebenzi okhethekileyo xa kufuneka wenze okungako ukutshayela kwaye uqhuba kwaye uphume, kwaye oko kuyakwenza wonwabe.

⁵³⁸ Gqirha Wood. Ndimbiza “Gqirha,” Ndinga ukuba uyazibuza ukuba kutheni. Andimthiyi kakubi, uxhela iinkuni zibe ziingceba, uyazi. INkosi iya kuhlumisa umthi omhle, kwaye uya kuwugawula kwaye enze indlu ngawo. Andizange ndiyibone into enjalo okwangoku, ngoko kufuneka ndimbize “Gqirha.”

⁵³⁹ Mzalwana uTaylor, usathembekile emnyango, ukunika umfo isihlalo. Ndinga ngawe ngolu hlobo, “Ndikhethe ukuba yimethi yasemnyango wendlu kaYehova kunokuhlala ezintenti nabangendawo.” Injalo, mhlekazi.

⁵⁴⁰ Mzalwana uHickerson, usandula ukuqalisa eNdloleni, nokunyuka, usiza. Bendingwenela eyakho... ndi... Uqale ngeNdlola, kwaye usiza, Ndiyakuncoma nje ukunyaniseka kwakho nako konke okwenzela iNkosi uYesu. UThixo asoloko ekusikelelela kwaye akwenze idikoni lenene, mzalwana, endikholwayo ukuba unguye, indlu yakho ithobekile nezinto zonke njengokuba ubunjalo.

⁵⁴¹ Mzalwana uFred, awubanga kunye nathi ixesha elide, usihla uvela eCanada. Asiziva ukuba usengumKhanada kwakhona, siziva ungumphambukeli kwaye ungowasemzini kunye nathi, umzalwana wethu, njengethenjwa. Wena noMzalwana uWood, nani nisebenza kwisikhundla senu kakuhle noMzalwana

uRoberson, nabanye; UMzalwana u-Egan, akakho apha ngokuhlwanje.

⁵⁴² NoMzalwana uRoberson, ube lu—uncedo lokwenene kum, UMzalwana uRoberson nabanye, kweli tyala lerhafu olwahamba phantsi kolu phando.



IMIBUZO NEEMPENDULO XHO61-0112

(Questions and Answers)

UKUZIPHATHA, UCWANGCO NEMFUNDISO YOTHOTHO LWEBANDLA

Lo Myalezo ka Mzalwana William Marrion Branham, waqala ukushunyayelwa ngesiNgesi ngokuhlwa ngoLwesine, Janywari 12, 1961, kuMnquba kaBranham eJeffersonville, Indiana, U.S.A., wathatyathwa kwisishicileli-mazwi waze wabhalwa ngesiNgesi ungafinyezwanga. Le nguqulelo yesiXhosa ibhalwe yaze yapapashwa yi Voice Of God Recordings.

XHOSA

©2024 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

VOICE OF GOD RECORDINGS, SOUTH AFRICA OFFICE
58 DISA ROAD, ADMIRAL'S PARK, GORDON'S BAY 7140 WESTERN CAPE
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org

Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. Box 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org